

IZINCOMO PHAKATHI KWESIDUNA NAMABHINQA ESIXHOSENI

NGU

KNOWLEDGE MONWABISI RALARALA



Ithisisi efakwe njengenxal'enye yeemfuno zesidanga seMaster of Arts
kwiDyunivesithi yaseStellenbosch

Umqeqeshi ophambili: Uprof JA du Plessis
Isekela mqeqeshi: Ugqirha M Dlali

EYOMQUNGU 2003

ISIQINISEKISO

Mna, osayine ngezantsi, ndiyaqinisekisa ukuba uphando olwenziwe kule thisisi lolwam buqu kwaye andizange ndilufake lonke okanye inxal'enye yalo ngaphambili nakuyiphi na iDyunivesithi ngeenjongo zokufumana isidanga.

ABSTRACT

This study aims to investigate the speech act of complimenting in Xhosa. The study constitutes of six chapters with respective to execute this aim.

Chapter one provides special details regarding the aim of this study, the method that has been followed, and the organisational structure of the study.

Chapter two focuses on both speech act and politeness theories. The central notion relates to (a) the acts of locution, (b) illocution and (c) perlocution. These elements of speech acts entail the notion that utterances that are produced by participants in a conversation comprises of (a) the actual sounds and words uttered, and those words and sounds (b) are intended towards the fulfilment of the force or intention behind them and (c) the effect of that force is intended to the hearer. Although there are other related elements, this notion is prominent in this chapter.

Chapter three examines speech acts of complimenting in Xhosa along with their responses. This examination is informed by various ideas from respective researchers. For an effective and successful investigation of speech acts, a guideline which serves as a base follows a model of ethnography of communication. Almost all these researchers are putting emphasis on this view. This chapter takes this issue further by exploring the differences in compliments and responses with reference to gender, along with other qualities that have been mentioned. The elements of the responses the principles, their nature, structure and appearance in general conversations with specific reference to complimenting, are other key properties examined in this chapter.

Chapter four focuses on the functions of the compliments. For example, almost all the researchers in the field are in agreement that compliments serve to revitalize, establish or create or encourage solidarity. Although there are other functions relating to this speech act, such as replacing other conversational formulas, e.g. greetings, softening criticism, the function of solidarity is perceived to be central. Another area which receives attention is the structural qualities of the compliment, along with syntactic and lexical features. This analysis explores the syntactic categories that relate to this work, together with the formulaic nature of this speech act. In addition, the status and gender of the participants in

an interaction, as informed by situations or friends who like to be complimented, are all matters that receive scrutiny in this chapter.

Chapter five constitute the central part of the study. The differences in compliments and responses receive attention with the aim of establishing possible difference between compliments given by males and females.

Chapter six is the last chapter, it presents the findings and conclusion of the study.

OPSOMMING

Hierdie studie het as doelstelling die ondersoek van die spraakhandeling van komplimentering in Xhosa. Die tesis beslaan ses hoofstukke wat gestruktureer is om uitvoering te gee aan hierdie doelstelling.

Hoofstuk een gee spesifieke besonderhede betreffende die doelstelling van die studie, die metode wat gevolg word, en die organisasie van die studie.

Hoofstuk twee fokus op spraakhandelingsteorie en hoflikheidsteorie. Die sentrale konsep hou verband met (a) die handeling van lokusie, (b) ilokusie en (c) perlokusie. Hierdie elemente van spraakhandelinge behels die begrip dat die uitinge wat deur deelnemers in 'n gesprek geproduseer word bestaan uit (a) die werklike klanke en woorde wat geuiter word, en wat (b) die intensie het om uitdrukking te gee aan die fors daaragter, en (c) die effek is gerig op die hoorder. Hierdie oorweging is sentraal in die hoofstuk.

Hoofstuk drie ondersoek die spraakhandeling van komplimentering in Xhosa tesame met die response daarop. Hierdie ondersoek word ingelig deur sieninge van verskillende navorsers. Vir die effektiewe ondersoek van spraakhandelinge, is 'n rigtinggewende basis vanuit die etnografie van kommunikasie nodig. Hierdie hoofstuk ondersoek die verskille in komplimente en die response daarop met betrekking tot gender en ander eienskappe. Die aspekte van die response, hulle beginsels, aard, en struktuur, en die gebruik daarvan in gesprekke wat komplimente bevat, word ondersoek.

Hoofstuk vier fokus op die funksies van komplimente. Feitlik al die navorsers in die veld van komplimentering stem saam dat komplimente die doel het om solidariteit te skep of te versterk. Alhoewel daar ander funksies is van komplimentering, bv. die verplasing van gespreksformules, soos groet, kritiek, is die bevestiging van solidariteit sentraal. 'n Ander area wat aandag kry in die hoofstuk, is die strukturele kenmerke van komplimente, insluitende sintaktiese en leksikale kenmerke. Die analyses behels 'n ondersoek na die sintaktiese kategorieë wat komplimente realiseer, tesame met die formule-agtige aard van komplimente as spraakhandelinge. Voorts word die status en gender van die gespreksgenote ondersoek.

Hoofstuk vyf vorm die sentrale deel van die studie betreffende die bepaling van moontlike gender verskille in komplimente.

Hoofstuk ses bied die samevatting en gevolgtrekkings van die studie.

ISISHWANKATHELO

Esi sifundo sikwiphulo lokuphanda ngezenzo zentetho zezincomo. Kuqulunqwe izahluko ezintandathu ezineenjongo ezahlukiyo ukufezekisa eli phulo.

Isahluko sokuqala sinika umkhombandlela malunga nenjongo yesifundo, imethodi elandelweyo kananjalo nolwakhiwo zinikwa ingqwalasela.

Isahluko sesibini sinika ingqwalasela kwithiyori yezenzo zentetho kananjalo neyentlonelo. Uluvo olungundoqo nolunika umdla kule ngxelo luqulathe izenzo ze (a) ilokhushini, (b) I- ilokhushini ne (c) nephelokhushini.

Ezi zenzo zixhibe ingcamango yokuba intetho eveliswa ngabo bathatha inxaxheba kunxibelelwano iqulathe (a) izandi zolwakhiwo lwesigama, ukuze eso sigama (b) sijoliswe kwinjongo ethile ekuyimfuneko ukuba iphunyezwe ekugqibeleni (c) ifuthe laloo mpumelelo lingqale lowo kunxibelelwano naye okanye umphulaphuli. Nasekubeni ekhona namanye amasolotya axhagileyo, kodwa le ngcamango iphawuliweyo iphume izandla kwesi sahluko.

Isahluko sesithathu siphonononga izenzo zeentetho zezincomo kananjalo neempendulo zazo. Olu phononongo lungqongwe zizimvo zeengcali eziphuma kwiinkalo ngeenkalo. Umkhombandlela osisikhokhelo kwiphulo lophando lwezenzo zeentetho naziphi na, ukuze lube yimpumelelo kwaye lusulungeke kufuneka lulandele imodeli okanye umgaqo we-ethinografi yonxibelelwano phantse bonke aba baphandi babeke umnwe kule ngcamango.

Ngokunxusa oku, esi sahluko, xa sihlabela mgama, siphawula ngeyantlukwano yezincomo neempendulo zazo ngesini, nangezinye iimpawu ezikhankanyiweyo. Uqulunqo lwemigaqo yokuphendula, ubunjani, ubume nembonakalo yayo entethweni gabalala ngokunxulumene nezincomo ngamanye amasolotya abalulekileyo nanika umdla kwesi sahluko.

Isahluko sesine sinika ingqwalaselo kwimisebenzi yesincomo. Umzekelo, phantse zonke ezi ngcali zikweli phulo ziyayingqina nento yokuba izincomo zivuselela , ziyila okanye zikhuthaza umanyano. Nangona ibonakala ikhona eminye imisebenzi ekhankanywayo engqonge esi senzo sentetho njengokuthabatha indawo yezinye zeefomula zonxulumano,

umz. imibulisi, ukuthomakalisa ugxeke–ncomo, olu luvo lomanyano lubonwa njengoluhamba phambili. Enye indima ephotonongwayo ziimpawu zolwakhiwo lwezincomo, kananjalo neempawu zesintaksi neleksikali. Olu hlalutyo lulo oludulisa izigaba zentetho ezibandakanyekayo kananjalo nobufomula besi senzo sentetho. Ukwaleka, iwonga nesini sabo bathabatha inxaxheba kolu nxibelelwano ngokulawulwa ziimeko okanye izihlobo ezikholisa ukunconywa, konke oku yimibandela efumana ukuphicothwa kwesi sahluko.

Isahluko sesihlanu siqulathe umongo wesi sifundo. Uhlalutyo lwezincomo neempendulo zazo lunikwa ingqwalasela ngamehlo abukhali; ngeenjongo zokufumanisa umahluko ongaba ukhona phakathi kwezincomo zamaduna namabhinqa.

Isahluko sesithandathu nesokugqibela sinika iziphumo zophando nesiphelo sesi sifundo.

ACKNOWLEDGEMENT FOR NRF REPORT

The financial assistance of National Research Foundation (NRF) towards this research is hereby acknowledged. Opinions expressed and conclusions arrived at, are those of the author and are not necessarily to be attributed to the National Research Foundation.

IMIBULELO

Abantu abaninzi bandikhuthazile bandincedisa kananjalo ngeendlela ezininzi kwesi sifundo. Ndingabalula aba balandelayo:

Mpumezo Yekiwe, Julius Dantile, Monelwa Manjiya, Sbongile Madi, Xoliswa Mdemka, Jimmy Masalesa, Njingalwazi Kaschula, ootitshala besikolo saseKayamandi nabanye endingabakhankanyanga abathe balulutho kweli linge, ndithi enkosi kakhulu.

Umbulelo ongazenzisiyo kubalingane bam basemsebenzini ngenkxaso nenkuthazo xeshikweni ndisehla ndisenyuka ngenxa yolu phando: uNjingalwazi Zulu (Ndab'eztha), Visser, uGqirha Satyo (Magatyeni), uMnumzana Mavela (Skhomo), noMnumzana Mhlobo Jadezweni (Chizama).

Lo mqulu ngewungakhange ube yimpumelelo ngaphandle kwezandla zikaNomusa Hlongwa, Karin Vergeer, Surena Du Plessis. Ndithi nangomso manenekazi.

Ndiphinde ndibulele inkxaso engazenzisiyo yabazali bam, ifemeli yakwa Mafuya, kwaAlam nooRalarala, ooZikode, ooGidela, ooNgwekazi, ooMashiya mahle njengenyamazana, bathi imbabala kaMashiya igweb' igijima, abafazi bayibamba bo, ebebengayazi besithi ayinamhlehle kant' asomhlehle yimbambalala.

Okokugqibela, ndibulele ngokungazenzisiyo kubakhokheli bam ngokundifundisa nokundibonisa izinto ebe ndingazazi nebe ndingazithatheli ngqalelo. Ndithi ukwanda kwaliwa ngumthakathi kuGqirha Dlali noNjingalwazi Du Plessis.

ISALATHISO

Iphepha

| | |
|--------------------------|------|
| ABSTRACT | i |
| OPSOMMING..... | iii |
| ISISHWANKATHELO | v |
| NRF ACKNOWLEDGEMENT..... | vii |
| IMIBULELO | viii |

Isahluko 1: Intshayelelo

| | |
|--------------------------------|---|
| 1.1 Injongo yesifundo..... | 1 |
| 1.2 Imethodi yesifundo..... | 1 |
| 1.3 Ulwakhiwo lwesifundo | 2 |

Isahluko 2: Ithiyori yentlonelo nezenzo zentetho

| | |
|---|----|
| 2.1 Injongo | 3 |
| 2.2 Trosborg (1995) | 3 |
| 2.2.1 Umsebebenzi wonxibelelwano | 3 |
| 2.2.2 Uluhlu lwezenzo ze-ilkhushini | 3 |
| 2.2.3 Uchithachitho lwezenzo zentetho..... | 4 |
| 2.3 Thomas (1995)..... | 6 |
| 2.3.1 Ifilosofi yolwimi eqhelekileyo | 7 |
| 2.3.2 Iphositivisimu yengqiqo nesemantiki yemiqathango enobunyani | 8 |
| 2.3.3 Ihayiphotesisi yesenzeko | 8 |
| 2.3.4 Ukuwa kwehayiphotesisi ka Austin yephefomethivi | 11 |
| 2.4 Yule (1996) | 11 |
| 2.4.1 Izenzo neziganeko zentetho..... | 11 |
| 2.4.2 Izenzo zentetho..... | 12 |
| 2.4.3 Idivayisi ebonisa ifuthe le l-ilotyhushini | 12 |
| 2.4.4 Uluhlu lwezenzo zentetho | 13 |
| 2.4.5 Izenzo zentetho ezingqalileyo nezingangqalanga | 14 |
| 2.4.6 Iziganeko zentetho | 14 |
| 2.5 Ithiyori yentlonelo | 14 |
| 2.5.1 Trosborg (1995) | 14 |
| 2.5.2 Thomas (1995)..... | 17 |

Isahluko 3: Izincomo neempendulo zazo

| | | |
|-----|----------------------------|----|
| 3.1 | Injongo | 20 |
| 3.2 | Isincomo..... | 21 |
| 3.3 | Iimpendulo zezincomo | 27 |
| 3.4 | Isishwankathelo | 35 |

Isahluko 4: Iimpawu zesincomo

| | | |
|-----|---|----|
| 4.1 | Injongo | 37 |
| 4.2 | Imisebenzi yezincomo..... | 37 |
| 4.3 | Iimpawu zolwakhiwo lwezincomo..... | 40 |
| | 4.3.1 Iimpawu zesintaksi neleksikali..... | 40 |
| 4.4 | Iwonga labancomi nabanconywa | 47 |
| 4.5 | Isini sabancomi nabanconywa | 51 |
| 4.6 | Isishwankathelo | 55 |

Isahluko 5: Uhlalutyo lwezincomo neempendulo zazo kwisixhosa

| | | |
|-----|--|----|
| 5.1 | Injongo | 56 |
| 5.2 | Iimeko zesincomo namagatya oyamileyo..... | 56 |
| 5.3 | Amaphepha emibuzo | 58 |
| | 5.3.1 Iphepha lemibuzo elibhekiselele kumaduna..... | 59 |
| | 5.3.2 Iphepha lemibuzo elibhekiselele kumabhinqa | 62 |
| 5.4 | Uhlalutyo lwezincomo | 66 |
| | 5.4.1 Itafle 1: Iindlela zokubiza ezivelayo kwizincomo..... | 67 |
| | 5.4.2 Itafle 2: Ukubonakalisa nesikhuzo sothakazelo ezivela kwizincomo | 70 |
| | 5.4.3 Itafle 3: Ukubonakalisa nesikhuzo somothuko ezivela kwizincomo | 73 |
| | 5.4.4 Itafle 4: Izincomo nezandiso zazo ezibhekiselele emntwini..... | 76 |
| | 5.4.5 Itafle 5: Izincomo nezandiso zazo ezibhekiselele kwizinto ezibambekayo..... | 79 |
| | 5.4.6 Itafle 6: Izincomo nezandiso zazo ezibhekiselele kwisiganeko | 82 |
| | 5.4.7 Itafle 7: Izincomo nezandiso zazo ezibhekiselele kwisenzeko | 85 |
| | 5.4.8 Izincomo zizonke..... | 88 |
| 5.5 | Ifomula yezincomo | 89 |
| 5.6 | Iimpendulo zezincomo | 91 |
| | 5.6.1 Itafle 8: Iintlobo zeempendulo zesincomo → Iimpendulo ezivela kumaduna | 92 |

| | | |
|-------|--|----|
| 5.6.2 | Itafile 9: lintlobo zeempendulo zezincomo → limpendulo ezivela kumabhinqa..... | 93 |
|-------|--|----|

Isahluko 6: Isiphelo

| | | |
|------|--|-----|
| 6.1 | Injongo | 97 |
| 6.2 | Iindlela zokubiza ezisetyenziswa ngamabhinqa namaduna kwizincomo | 97 |
| 6.3 | Ukubonakalisa uthakazelelo kwizincomo | 98 |
| 6.4 | Ukubonakalisa izikhuzo zomothuko kwizincomo..... | 99 |
| 6.5 | Izincomo ezibhekiselele emntwini | 99 |
| 6.6 | Izincomo ezibhekiselele entweni..... | 100 |
| 6.7 | Izincomo ezibhekiselele kwisiganeko..... | 101 |
| 6.8 | Izincomo ezibhekiselele kwisenzeko..... | 101 |
| 6.9 | Izincomo zizonke | 102 |
| 6.10 | Ifomula zezincomo | 102 |
| 6.11 | Iimpendulo zezincomo | 103 |
| 6.12 | Isiphelo..... | 103 |
| | IBHIBHLIOGRAFI..... | 104 |

APPENDIX

ISAHLUKO 1

INTSHAYELELO

1.1 INJONGO YESIFUNDO

Injongo yolu phando kukuzama ukufumanisa umahluko ongaba ukhona kwizincomo zamaduna namabhinqa kulwimi olusisiXhosa. Umgaqo oyakuthi ulandelwe kolu hlalutyo ngongqonge izincomo ngokuqulathwe yithiyori yezenzo zentetho neyentlonelo. Nangona ingengomongo wesi sifundo, iimpendulo zezincomo ezibandakanya la maqela mabini akhankanyiweyo ziyakuphawulwa kwesi sifundo. Ukuphumeza injongo yolu phando, iimeko nezihloko zezincomo kananjalo namagatya oyamileyo ziya kuqulunqwa ngolu hlobo:

| | | |
|---------------------|-----------------------------|-------------------------------|
| | a) Ezibhekiselele kumaduna | b) Ezibhekiselele kumabhinqa |
| Imbonakalo: | 1.1 Ukuphuma esibhedlele | 1.1 Isinxibo |
| | 1.2 linwele | 1.2 Isinxibo sesintu |
| | 1.3 Isinxibo | 1.3 linwele |
| Ubuchule: | 2.1 Umsebenzi omtsha | 2.1 Ukonyulwa |
| | 2.2 Ukunyuselwa emsebenzini | 2.1 Ukupheka |
| | 2.3 Ubuchule kwezemidlalo | 2.3 Ukuphucula ikhaya |
| | 2.4 Ukosa | 2.4 Ubukrelekrele ezifundweni |
| | 2.5 Ukuqhuba | 2.5 Ukuqhuba |
| Izinto ezibangwayo: | 3.1 Imoto entsha | 3.1 Impahla ezintsha |
| | 3.2 Indlu entsha | 3.2 Izihlangu ezintsha |
| | 3.3 Izihlangu ezintsha | 3.3 Ifanitshala |

1.2 IMETHODI YESIFUNDO

Ezi meko nezi zihloko kananjalo nala magatya akhankanyiweyo, konke oku kuyakuthi kuqulathwe kumaphepha emibuzo angamashumi amabini aqulunqiweyo, apho oobani bayakuthi banikwe iimeko emabaphendule phantsi kwazo ngokuthi banike izincomo ukuze umnconywa aphenndule. Ishumi la lamaphepha emibuzo liya kubandakanya izincomo ezivela kumaduna zijoliswe kumabhinqa, kwakunye nezincomo ezivela kumabhinqa

zijoliswe kumabhinqa. Ukuze ishumi lesibini, libandakanye izincomo ezivela kumabhinqa zijoliswe kumaduna, kwakunye nezincomo ezivela kumaduna zijoliswe kumaduna. Le ngqokelela nala maphepha esi sifundo aya kwabiwa aze agcwaliswe ngabefundisi-ntsapho besikolo esiphakamileyo saseKhayamandi eStellenboch.

1.3 ULWAKHIWO LWESIFUNDO

Esi sifundo sinezahluko ezintandathu eziqulathe oku kulandelayo:

Isahluko sokuqala: Siqwalasela ngokufusthane injongo yesi sifundo ndawonye nemethodi esetyenzisiweyo ukuphumeza le njongo.

Isahluko sesibini: Ithiyori yezenzo zentetho neyentlonelo ebandakanya ezi ngcali zikhankanyiweyo zingumongo wesi sifundo: Trosborg (1995); Thomas (1995); Yule (1996).

Isahluko sesithathu: Izincomo njengezenzo zentetho kananjalo neempendulo zazo zifumana ukuphononongwa phantsi kwemisebenzi yeziphumo zophando ezidandalaziswa ziingcali ezivela kwiinkalo ngeenkalo.

Isahluko sesine: Imisebenzi, ulwakhiwo neleksikali yezincomo, kananjalo newonga nesini sabancomi nabanconywa, konke oku kufumana ingqwalasela njengenxalenye yesi sifundo.

Isahluko sesihlanu: Uhlalutyo lwezincomo neempendulo zazo kwisiXhosa lunikwa ingqalelo.

Isahluko sesithandathu: Umqulu weziphumo zophando ufumana ingqwalasela nokuxoxwa kude kufikelelwe esiphelweni.

ISAPHLUKO 2

ITHIYORI YENTLONELO NEZENZO ZENTETHO

2.1 INJONGO

Injongo yesi sahluko kukuphonononga nokunika ingqwalasela kumasoloty ethiyori yentlonelo nezenzo zentetho. Iingcali ezinegalelo kwesi sifundo zibandakanya uTrosborg (1995), uThomas (1995) noYule (1996). Imiba elulutho kwesi sishwankathelo iqulathe umsebenzi wonxibelelwano wezenzo zentetho kananjalo namasoloty angqongileyo, uluhlu lwezenzo lwe-ilotyushini, ifilosofi yolwimi eqhelekileyo, yonke le yimibandela eyakuthi ifumane ingqwalasela kwesi sahluko.

2.2 TROSBORG (1995)

2.2.1 Umsebenzi wonxibelelwano

Inggokelela eza kuthiwa thaca kulo mqulu iyakuthi ihlalutywe phantsi kwethiyori yomsebenzi wonxibelelwano. Imodeli yezenzo zentetho iya kuthi isetyenziswe njengomgangatho wethiyori yolu hlalutyo. Le modeli ibalulwayo ibonwa njengesihlomelo seethiyori zezenzo ze-ilokhushini ezaqulunqwa nguAustin (1962), zaze zaphuhliswa emva koko nguSearle (1969, 1971, 1975, 1976). Iithiyori zezenzo ze-ilotyushini nezentlonelo ezaqulunqwa nguAustin noSearle ngokwahlukeneyo, zithatyathwa njengomgangatho wophuhliso lwesiseko senkcaza ethi isetyenziswe njengesixhobo sokuhlalutyamaasoloty ofundo lonxibelelwano ngabafundi bolwimi lwasemzini, kananjalo nempumelelo yabo yokuzalisekisa ifuthe lepelokhushini (Trosborg, 1995).

2.2.2 Uluhlu lwezenzo ze-ilokhushini

UAustin noSearle bathi baseke iithiyori zabo phantsi kwehayiphotesisi ethi, '*speaking a language is engaging in a rule-governed form of behavior*'. (Searle, 1969:11), nangona uChomsky ebona ulwimi njengeseti yezivakalisi. Kolu luhlu, uTrosborg (1995) ukhankanya uSearle ngomsebenzi wakhe wokwahlulahlula umsebenzi wolwimi ngokuthi ahlule i-ilokhushini ngokweendidi eziqinqiweyo. Indlela athi ayibone iyeyokuqala yokwahlulahlula iinjongo zonxibelelwano zesithethi. Esi sifundo, ngokukaSearle (1976), sibonisa ukuba

umsebenzi wonxibelelwano ungancitshiswa ube ziiklasi ezintlanu ezingundoqo, Qwalasela le mizekelo ingezantsi:

- 1) Izenzo zentetho ezimeleyo
- 2) Izenzo zentetho ezingqalileyo
- 3) Izenzo zentetho ezibalulayo
- 4) Izenzo zentetho ezivakalisayo
- 5) Izenzo zentetho ezigunyazisayo

2.2.3 Uchithachitho lwezenzo zentetho

UTrosborg uyayikhankanya kwesi sifundo into yokuba abaphandi balamkela igama lezenzo zentetho njengesuntswana lentetho ukuze balisebenzise kwingqwalasela yophando lwabo.

Ilokhushini, i-ilokhushini nephelokhushini

UTrosborg uthi xa ubani evelisa isivakalisi, ubani uvelisa izenzo eziliqela. Phantsi kwezi ngcamango, uSearle uthi aqulunqe abuye achithachithe ezi zenzo kuthethwa ngazo, ngolu hlobo;

- i) Isenzo sokuthetha, sona sibandakanya ukuphinyiswa kwezandi zentetho ezithile, amagama nezivakalisi.
- ii) Isenzo sesiphakamiso, sona sibhekiselele entweni okanye emntwini kwaye sixela iimpawu zaloo nto okanye zaloo mntu.
- iii) Isenzo se-i-ilokhushini, sona siphanda intetho nesithembiso sefuthe lonxibelelwano, ingxelo yenyani njalo-njalo.

Okubalulekileyo nokugxininisiwayo, ngokukaSearle, kukuba ezi zenzo zintathu azizo ntsalu, nto nje ngamagatyana esenzo esinye esipheleleyo, ngamanye amagama ubukho besinye buxhomekeke kwesinye. Le ngcali ingacatshulwa ukunika inkcaza ethe vetshe;

"In performing an illocutionary act, one characteristically performs propositional acts and utterance acts" Trosborg (1995: 17)

Ehlabela mgama, uTrosborg uthi xa isithethi sisenza intetho silindelekile ukuba sibe nefuthe kumphulaphuli, elo futhe libizwa ngokuba sizenzo sephelokhushini. Ukudandalazisa le ngcamango, uTrosborg (1995: 17) ucaphula uAustin (1962) ngelithi;

'There is yet a further sense...in which to perform a locutionary act and therein an illocutionary, may also be to perform an act of another kind. Saying something will often, or even normally, produce certain consequential effects upon the feelings, thoughts or actions of the audience, or of the speaker or of other persons, and it may be done with the design, intention or purpose of producing them..., We shall call the performance of an act of this kind the performance of a perlocutionary act...'

Ukuhlatywa kwamadlala kwethiyori ka Searle ye i-ilokhushini

Le thiyori kaSearle ithatyathwa njengenye yeethiyori ezibe negalelo eliphume izandla kwizifundo zepragmatiki. Noko kunjalo, uTrosborg uthi inazo iziphako ezikhankanywayo. Umz. Le thiyori kuyaqapheleka ukuba iyohluleka ukunika imiqathango eyiyo ebonisa umahluko phakathi kwesivakalisi ndawonye nesenzo sentetho. Le ngcali ingacatshulwa isithi:

[Searle] "takes 'the complete sentence' as the characteristic grammatical form of the illocutionary act. While the notion of a sentence is a grammatical unit, a speech act is a pragmatic unit referring to a stretch of speech with a communicative function, and the speech act is considered the minimal unit of communication" (1995: 18-19)

Nangona ukuzalisekiswa kwephelokhusini kudalwa kuphela kukufikelela kwefuthe kumphulaphuli, noko kunjalo akaniki nkcazo eyanelisayo ngokuqulathwe leli futhe. Ukwaleka, uluvo lokuba le thiyori inokusebenza kumhlaba wonke nalo aluginyeki ncam kuba imigaqo eyiqulathileyo isenokulawulwa yiyantlukwano yenkcubeko, njengoko kungqinwa ziziphumo zophando zezinye iingcali. Equkumbela le ngcamango, uTrosborg uthi kutsha nje le thiyori kaSearle iqatshelwe njengeyoyisiweyo ukuphuhlisa iingcamango zikaAustin zezenzo zephelokhushini. Ecacisa ngakumbi:

"To Searle, the conversation reduced to a flow of one-way traffic, in which the performance of perlocutionary acts always consists of using illocutions to bring about effects on the actions, thoughts, beliefs, etc. of the listener. the listener is deemed to play a purely passive role and no account is taken of the interactional aspect of language". (1995:20)

Injongo yonxibelelwano/yokunxibelelana

Ngokwembono zikaTrosborg, ithiyori yezenzo zonxibelelwano epheleleyo yileyo ethi ikwazi ukucacisa inike ingxelo ngeenjongo zesithethi kananjalo noqikelelo lesiseko sesenzo sonxibelelwano, nekwaziyo ukunika inkcazo emalunga nokuphunyezwa kwezo njongo. Nangona uSearle engakhange ayise so ingcamango yephelokhushini, le ngcamango ithe yafumana ingqwalasela kubaphandi athe wabandulela abanje ngoCohen (1973) noHoldcroft (1978). Ukanti le ngcamango ithe yakhuliswa ngakumbi ngu Eemeren-Grootendorst (1984). Phakathi kwezinto azicacisayo, ukhankanya umahluko phakathi konxibelelwano nokunxibelelana, kananjalo nefuthe lephelokhushini lemvelo neziphumo zephelokhushini ezilandelelanayo. Ukucacisa le ngcamango:

"Illocutions and perlocutions are regarded as two distinct aspects of the complete speech act, with the illocutionary relating to the communicative aspect expressed in the attempt to achieve understanding and perlocutionary act relating to the interactional aspect expressed in the attempt to achieve acceptance". (Trosborg, 1995:21)

2.3 THOMAS (1995)

Ngokwezimvo zikaThomas umsebenzi kaAustin, nangona wayengeyongcali yolwimi, uthe wanegalelo nefuthe elingenakubaliswa phantsi kwezifundo zepragmatiki. Uyazichaza ke izizathu zoko. Okokuqala, kukuvela kwengqokelela yamaphepha akhe esihloko sithi, *'How to do things with words'* eyashicilelwa ngonyaka ka-1962. Okwesibini, yindlela efikelelekayo abhala ngayo uAustin, nenika umdla. Nangona ekuhambeni kwexesha enze utshintsho kwiingcinga zakhe, kodwa ingqiqo yakhe yona iye yahlala ingagungqi.

2.3.1 Ifilosofi yolwimi eqhelekileyo

Le filosofi yakhiwe liqela elibizwa ngokuba ziifilosofa zolwimi eziqhelekileyo phantsi kwembono nengqwalasela yokuba abantu abaqhelekileyo banakho ukusebenzisa ulwimi ngendlela eyiyo neyimpumelelo ngaphandle kwamagingxigingxi okanye kwengxaki nokusokola. Iinjongo zeli qela ke ngoko ibikukuqwalasela nokwazi ukuba le nto yenzeka kanjani. Endaweni yokuzisokolisa ngokukhangela nokususa iziphene, njengoba ezinye iingcali zenzile, uAustin (1962) kuThomas (1995:29) uhambisa athi:

"...we should try to understand how it is that people manage with it as well as they do"

Kwinyathelo lakhe lokuqala, uAustin wenze ubango lokuba uninzi lwentetho aluqulathanga miqathango yobunyani. Ecatshulwa nguThomas:

" They are not statements or questions but actions". (1995:32)

Le mizekelo ingezantsi inika ingxelo ethe vetshe:

a) **Ndilala ngalo lonke ixesha gqirha.**

(I sleep all the time, doctor.)

Kuselubala ukuba le ntetha ayisiyonyaniso kuba xeshikweni ethetha nogqirha lo mntu akalelanga.

b) **Imoto engabonakaliyo yathi gqi esithubeni, yagila imoto yam yaza yaphela emehlweni.**

(An invisible car came out of nowhere, hit my car and vanished)

Nakulo mzekelo ungentla kuyacaca ukuba akukho nyani kuba akukho moto ingaveli ndaweni, ingabonakaliyo eza kuvela seyitshayisa enye.

2.3.2 Iphositivisimu yengqiqo ne-semantiki yemiqathango enobunyani

Apha sixelelwa ngesizekabani somahluko nokungavumelani phakathi kweefilosofa zolwimi eziqhelekileyo kwakunye nezo zephozitivizimu yengqiqo. Ifilosofi yolwimi eqhelekileyo inoluvo lokuba intetho enentsingiselo yileyo inokuthi ivavanywe kwaye ihlalutywe. Ukanti iphozitivizimu yengqiqo yona ithi izibandakanye nalo masoloty ezivakalisi anokuthi avavanywe ngobunyani okanye okuchaseneyo nobunyani. Okubalulekileyo, ngokwembono zikaAustin, kukuba kuninzi okuqulathwe lulwimi ukodlula intsingiselo yamagama namabinzana. Le ngcali ibikholelwa ekubeni asaneli nje kukuthetha, siyenza ngolwimi. Yile nkolo ethe yazalisekisa ithiyori yakhe ebizwa ngokuba yi-*ilokhushinali*.

2.3.3 Ihayiphothesisi yesenzeko

Le hayiphothesisi ibonwa njengebalulekileyo ngenxa yezi zizathu zilandelayo. Ithi ibonise ukukhula kweengcamango zikaAustin. Kananjalo ithi ibonise iindlela nezizathu zokubela kwepragmatiki. Okwesithathu, iphefomethivi iqulathe esinye isigaba sezenzi ze-*ilokhushinali*. Zizenzi zephefomethivi ezithe zasetyenziswa yile ngcali ukufikelala esigqibeni sokuba iintetho ezininzi zizenzo. Le mizekelo ilandelayo iyakudulisa oku:

- a) **Ndiyaxengxeza**
(I apologise)
- b) **Ndidlala nge-R5 kuza kunetha**
(I bet you R5 it will rain)
- c) **Le nqanawa ndiyibiza ngokuba yi The Albatross**
(I name this ship The Albatross)
- d) **Ndiqhuba imoto emhlophe**
(I drive a white car)

Okuqaphelekayo ngezi zivakalisi zingentla kukuba zonke zikumntu wokuqala. Zonke zikwixesha langoku. Zonke zikwimo yentshukumo.

Phantsi kolu luvo, zikho izivakalisi ekungelulanga ukuzibona ubunyani bazo, kuba izenzi ezisetyenzisiweyo azidulisi nkcazo enokusetyenziswa ukubhentsisa ubunyani okanye ubuxoki, kodwa kuyo yonke loo nto zibe ziziphefomethivi. Indlela yokuvavanya nokuqinisekisa ubukho besenzi sephefomethivi kukuhlomela isihlomelo phakathi kwentloko nesenzi eso ngolu hlobo:

- a) **Ngenxa** yoko ndiyangxenxeza
(I **hereby** apologise)

- b) **Ngenxa** yoko ndidlala nge R5
(I **hereby** bet you R5)

Iphefomethivi zemetalingwistiki

UThomas uthi njengazo naziphi na iiphefomethivi, nezi zinezenzi ezibhekisa kuloo nto isithethi sentetho sibhekisa kuyo. Ziquathe ubunyani, kwaye zinefelisithi nempumelelo. Qwalasela le mizekelo ilandelayo:

- a) **Ndithi uJohn lixoki**
(I **say** that John is a liar)

- b) **Ndiyazithethelela andinatyala**
(I **plead** not guilty)

- c) **Ndiya hambisana nento yokuba kufuneka kupheliswe izingelo lweempungutye**
(I **move** that fox-hunting be abolished)

- d) **Ndiyangxengxeza ngokuqhatha abaphicothi zincwadi zemali**
(I **apologise** for deceiving the auditors)

Iphefomethivi yamatiletile

Olu hlobo lweephefomethivi impumelelo yalo ixhomekeke kumntu onelungelo lokwenza loo ntetho yesenzo ngelo xesha lithile. Yiyo le nto uThomas ethetha ngemiqathango

yefelisithi, kuba yiyo enxulumene namatiletile kananjalo neziganeko ezilandela imigaqo ethile. Xa simcaphula uhambisa athi, 'If the **felicity condition** are not observed, the performative may be **infelicitous**'. Le mizekelo ingezantsi icacisa ngakumbi:

- 1) *I sentence you to ten years.*
- 2) *I absolve you from your sins.*
- 3) *I baptize you.*

Iphefomethivi yentsebenziswano

Olu hlobo lwephefomethivi impumelelo yalo ixhomekeke kwintsebenziswano kulowo ubandakanyekayo. Imizekelo elandelayo icacisa ngakumbi:

- a) **Ndiyakumema kwiipistoli ekuseni**
(I challenge you to pistol at dawn)
- b) **Ndiyakwabela ilifa leeglasi zam**
(I bequeath you my glasses)

Ukungasebenzisani kwabo bathi babandakanyeke, ngokwale mizekelo ingentla, le phefomethivi ayingekhe ibe yimpumelelo.

Iphefomethivi yeqela

Olu hlobo lwephefomethivi impumelelo yalo ixhomekeke ekubeni kubandakanywe iqela. Le mizekelo ilandelayo inika inkcaza:

- a) **Thina matye mathathu sithembisa ukuzama ukulifaka igama lethu ezincwadini zembali ngoba yeyethu yaye akakho umntu onokuthi kungenxa yootatomkhulu bethu.**
(We three Fossils...vow to try and put our name in history books because it's our very own and nobody can say it's because of our grandfathers)
- b) **Asikufumani unetyala lokuziphatha kakubi emsebenzini.**
(We do not judge you to be guilty of professional misconduct)

UThomas uthi kananjalo abonise ukuba ezi ntlobo zeephofemothivi ziyadibana. Kwakule ngxoxo yakhe uveza umahluko wenkcubeko ehlukeneyo ekusetyenzisweni kwephefomethivi.

2.3.4 Ukuwa kwehayiphotesisi ka Austin yephefomethivi

UThomas uthi azibeke elubala izizathu zokuwa kwale hayiphotesisi. Esinye sesizathu esibalulekileyo soku sesokuba zikho iimeko apho unokwenza izinto ngamagama ngaphandle kokubandakanya izenzi zephefomethivi. Kuyacaca ke ngoko ukuba uAustin uye wayiqonda loo nto. Yiyo lo nto ethe yakhokelela ekubeni aveze umahluko phakathi kwephefomethivi efihlakeleyo neyokuqala, (UThomas ayibiza ngokuba yecacileyo). Equkumbela olu luvo, uThomas uthi aphawule ngala manqaku alandelayo; ilokhushini njengentetho, i-ilokhushinali njengenjongo entethweni nephelokhushini njengefuthe. Qwalasela lo mzekelo:

- a) **Kushushu apha ngaphakathi (ilokhushini), intsingiselo; ndifuna umoya obandayo (i-ilokhushini) ukuze ifuthe lephelokhushini; ubani makavule ucango okanye ifestile.**

2.4 YULE (1996)

2.4.1 Izenzo neziganeko zentetho

Kuphononongo lwakhe, uYule uphawula ngelithi abantu xa bethetha abaneli nje kukuvelisa intetho enezakhiwo zegrama namagama, bathi kananjalo baphefome izenzo ngokusebenzisa intetho. Izenzo eso akunyanzelekekanga ukuba ibe sesanelisayo njengomzekelo olandelayo, *'You're fired'*. Isenokuba sisenzeko esanelisayo okanye esimnandi njengomzekelo olandelayo, *'You're so delicious'*. Izenzo ezithi ziphefonywe ngokusebenzisa intetho zibizwa ngokuba zizenzo zentetho. Ukanti bobabini, isithethi nomphulaphuli, bathi bancediswe kule nkqubo ziimeko ezingqonge intetho. Ezi meko zibizwa ngokuba ziziganeko zentetho. Ngamaxesha amaninzi iba bubume bezi ziganeko zentetho okuzalisekisa ukutolikwa kwentetho ephefonywa zizenzo zentetho. Kuyacaca kwakhona ukuba intetho enye iyakwazi ukutolikwa ngeendlela ezininzi, ingasisikhalazo, uncomo njalo njalo.

2.4.2 Izenzo zentetho

Isenzeko esithi siphefonywe ngokuvelisa intetho siya kusoloko siqulathe izenzo ezintathu. Okokuqala, i) ilokhushini, ethatyathwa njengomongo wentetho kuba iqulathe ukuveliswa kwentetho yelingwistiki. Umz. *'Ndenze ikofu'*. Okwesibini, ii) isenzo se-i-ilokhushini, esi senzo siphefonywa ngefuthe lonxibelelwano lwentetho, Okwesibini, iii) isenzo sephelokhushi, ngamafusthane esi senzo singqale ekubeni umphulaphuli ayiqonde injongo nembali yentetho. Kwesi sifundo i-ilokhushini ithi ifumane ingqwalasela ngakumbi, kuba izenzo zentetho zisenokutolikwa njengesenzo se-i-ilokhushini.

2.4.3 Idivayisi ebonisa ifuthe le i-ilotyhushini

Umzekelo wale divayisi zizenzi zephofemothivi ezithi zichaze ngokucacileyo isenzo se i-ilokhushini esiphefonywayo. Qaphela lo mzekelo ungezantsi:

I (Vp) you that...

UYule ucacisa ngakumbi xa esithi:

"In the preceding example, 'promise' and 'warn' would be the performative verbs and, if stated, would be very clear IFIDS. Speakers do not always 'perform' their speech acts so explicitly, but they sometimes describe the speech act being performed " (1996: 49)

Ezinye i-divayisi singabalula ugxininiso, ithoni njalo njalo.

Imiqathango yefelisithi

Ifelisithi yimeko efanelekileyo nelindelekileyo apho isenzo sithi siqondakale njengesenzo esinenjongo. Kwakhona, isenzo esithile singathathwa njengesingafanelekanga xa sinokuphefonywa ngumntu ongafanelekanga. Ukanti kule miqathango kuyimfuneko kananjalo ukuba abo bathabatha inxaxheba baqondane ngolwimi abalusebenzisayo. Kulo mzekelo ungezantsi esi senzo besingekhe silindeleke okanye sifaneleke ukuba isithethi besingeyojaji.

a) *'I sentence you to six months in prison.'*

Ngaphandle kwale izekelisiweyo, ithi ibikhona neminye imiqathango eyandulelayo, umzekelo, imiqathango jikelele, imiqathango equlathileyo, imiqathango elungiselelayo, imiqathango enyanisekileyo kwakunye nemiqathango engundoqo.

Ihayiphothesisi yesenzeko

Le hayiphothesisi isekelwe phantsi koqikelelo lokuba kukho igatya eliquathe isenzi sephefomotivi esenza ifuthe le i-ilokhushini licace. Lo mzekelo ulandelayo uyicacisa ngakumbi le meko:

a) *I (hereby) Vp you (that) U.*

UYule uyicacisa ngakumbi le meko:

"This underlying clause will always make explicit, as [in example 2. below what, in utterances such as 1.], is implicit".

1. *Clean up this mess.*

2. *I hereby order you that you clean up this mess. (1996: 51)*

Lo mzekelo uku 1. usetyenziswe njengephefomotivi efihlakeleyo, ukanti lo uku-2. yiphefomethivi ecacileyo. Kwakhona kukho inzuzo nezithintelo kolu hlalutyo. Inzuzo malunga nohlalutyo lwephefomotivi ecacileyo kukucacelwa ngokuqulathiweyo kwimveliso nasekutolikweni kwentetho. Ukanti ezinye zezithintelo zezokuba kunzima ukwazi kanye kanye isenzi sephofemotivi kwezinye intetho nto leyo ithi idale ingxaki ngakumbi kuba eneneni alaziwa inani lezenzi zephefomethivi nakoluphi na ulwimi.

2.4.4 Uluhlu lwezenzo zentetho

Phantsi kolu luhlu singabalula iintlobo zibe ntlanu zemisebenzi gabalala eyenziwa zizenzo zentetho: (1) izenzo zentetho ezigunyazisayo, (2) izenzo zentetho ezimeleyo, (3) izenzo zentetho ezivakalisayo, (4) izenzo zentetho ezivakalisayo, (5) izenzo zentetho ezibophelelayo.

2.4.5 Izenzo zentetho ezingqalileyo nezingangqalanga

Apha kolu hlalutyo kuyaqapheleka ukuba kukho ubudlelwana phakathi kolwakhiwo nomsebenzi apho sifumana isenzo sentetho esingqalileyo. Lo mzekelo ungezantsi ucacisa ngakumbi:

a) *I hereby tell you about the weather.*

Ukanti xa kungekho budlelwana bubonakalayo phakathi kolwakhiwo nomsebenzi apho sifuna isenzo sentetho esingangqalanga. Qaphela umzekelo ongezantsi,

b) *I hereby request of you to close the door.*

Okuqaphelekayo kwakhona kukuba isenzo zentetho ezingangqalanga zinxulunyaniswa ngakumbi nentlonipho kwisiNgesi ukodlula isenzo zentetho ezingqalileyo.

2.4.6 Iziganeko zentetho

Iziganeko zentetho zichazwa njengomsebenzi apho abathabathi nxaxheba benxibelelana ngolwimi ngemvumelwano ethile ukuze kufikelelwe esigqibeni. Imizekelo yeziganeko zentetho ingabandakanya le mizekelo; ukucela ,ukukhalaza, ukucenga njalo-njalo.

2.5 ITHIYORI YENTLONELO

2.5.1 Trosborg (1995)

Kwesi sifundo intlonelo ithi ichazwe ngeendlela ngeendlela ziingcali ezahlukeyo. Umzekelo, uTrosborg uyibona intlonelo njengento yepigmatiki apho iimilo okanye izakhiwo zisebenzisanayo ngokweenjongo zesithethi ukuphumeza unxibelelwano olusulungekileyo. Ukanti ezinye iingcali ezinjengooLakoff (1973,1975), Brown noLevinson (1978,1987), Leech (1983) njalo njalo nazo zikhankanyiwe ngokuwa zivuka ekunikeni inkcazo engahlukanga kuyaphi ngolu luvo. Kuyo yonke le nquleqhu, ezi zimvo zihambe ziyokungqubeka kwimakzimu kaGrice (1975) yencoko. Kuqulunqo lwakhe lwemodeli, uGrice uzibalula ngezi makzimu zilandelayo; eyobuninzi, eyokulunga, eyonxulumano, neyemo yokuziphatha.

Kwakwesi sifundo uLeech (1977) uhambisana nemithetho-siseko yentsebenziswano kaGrice, noko kunjalo uthi aleke ngeyakhe imithetho siseko, ngelithi uweza le modeli kaGrice engxakini. Apha singakhankanya ezi makzimu zilandelayo; eyobuchule, eyobubele, eyolulamo eyemodesti, eyovumelwano neyovelwano. Ezi thiyori, ekaGrice noLeech zithi nazo zifumane ugxeke-ncomo, kuba kaloku ayililo lonke unxibelelwano olufumana intsebenziswano (Trosborg, 1995). Kolu gxeke-ncomo kunyathelwa nobu buninzi bezi makzimu zezi ngcali zimbini. Ukukhawulelana nale ngxaki uTrosborg usikrobisa kwithiyori ka Sperber-Wilson ebizwa ngokuba yimithetho siseko yonxulumano. Le thiyori ithi ibalulwe ngokungqala nangokucaca kwayo xa isetyenziswa, ukodlula eka-Grice. Amandla ayo abonwa ekhangelwa kusulungeko nokucaca kananjalo nokoyama kumqathango omnye olawulwa yinkqubo yengqiqo.

Ingcamango yobuso

Isiseko sethiyori yentlonelo kaGrice noLevinson bubuso nengqiqo. Kananjalo le ngcamango izibalula ngamacandelo amabini; intlonelo evumayo nentlonelo ekhanyelayo okanye egxekayo. Zikho izenzo ezoyikisa ubuso (FTA), (Brown noLevinson, 1978). Nasekubeni kubalulekile ubuso kwinkquleqhu yonxibelelwano, busenokulahleka okanye busenokugcinakala, kubalulekile ke ngoko ukuba abathabathi nxaxheba basebenzisane ekugcineni ubuso (Trosborg, 1995). Phantsi kongcipheko bobuso, ubani angasibaleka isenzo sokoyikisa ubuso, kungenjalo asenze phantsi kweemeko ezilandelayo; ukoyikisa ubuso ngokungachazwanga nokuba mbaxa. Ukoyikisa ubuso ngokuchaziweyo ngentetho ngqo. Ukoyikisa ubuso ngezicwangciso zentlonelo evumayo nangentlonelo ekhanyelayo. Kuyo yonke le nquleqhu, isicwangciso sixhomekeke kumyinge wesithethi wongcipheko wokuphulukana nobuso (Trosborg, 1995). Ngamafutshane, impumelelo yonxibelelwano olusulungekileyo ixhomekeke ekuthatheni ingqalelo phakathi kwabo bathabatha inxaxheba.

Ugxeke-ncomo lethiyori kaBrown noLevinson

Le thiyori ithi ifumane ukugxekwa nokuhlaselwa, ingakumbi ziingcali zaseAsia, ngokungathatheli ngqalelo indlela ubuso obusebanza ngayo kwezinye iinkcubeko. Ukunika ingqwalasela nokujongisa umbombo kwintlonelo yelingwistiki yaseNtshona kuphela. Ukungaqapheli ezinye iimo zeligwistiki ezinje ngehonorifiki ezibaluleke kakhulu kwintetho yentlonelo kwiilwimi ezinje ngesiJapani. Kuthi kubaluleke ke ngoko ukuba (Trosborg,

1995) sibe noluvo oluphangaleleyo ukuze sibe nokukwazi ukuphumeza ithiyori enokubangwa jikelele yentlonelo.

Intlonelo nemisebenzi yei-iloKhushinali

UTrosborg (1995) usikrobisa kuluhlu lwemisebenzi ye i-iloKhushinali ngokukhokhelwa yingcamango yeyentlonelo. Uluhlu lokuqala lolukaLeech (1983). Kolu luhlu uLeech ukhankanya umsebenzi wokhuphiswano obandakaya izezo ezinje ngokucela, ukunyanzelisa njalo njalo. Umsebenzi wolonwabo onemizekelo yokubulela, ukumema, njalo njalo. Umsebenzi wentsebenziswano ozekelisa ngokunika ingxelo, ukuyalela, ukupapasha njalo njalo. Umsebenzi wembambano, othi uzekelise ngezityholo, izoyikiso njalo njalo. Olunye uluhlu esikrotyiswa kulo nguTrosborg lolukaHaverkate (1988:386-387). Olu luhlu lubandakanya izezo zentlonelo nezenzo ezingezo zentlonelo. Esi senzo sentlonelo sithi singqamane (Trosborg, 1995) nemisebenzi kaLeech, njengowokonwaba, ukanti undilele yena afaniswe nentsebenziswano. Phantsi kolu luhlu imiyalelo ithatyathwa njengezenzo ezingezozentlonelo. Ukanti ezivakalisayo ngendlela ekhanyelayo zithi zihlelwe njengezo zingenayo kwa ukuba nayo intlonelo. Uluhlu lukaLakoff (1975) lona luqulathe intlonelo; izezo ezo zithi zikholose ngemithetho yentlonelo. Ezingezo zentlonelo zona zibandakanya izezo ezingakholosanga ngemithetho yentlonelo. Isenzo sobukwada sona sithi singazibandakanyi nentlonelo xeshikweni kuyimfuneko. Nangona kukho ingxoxo-mpikiswano phakathi kweengcali malunga nezi zintlu zentlonelo, uTrosborg (1995) uzibona zonke ziyimfuneko.

Ixesha nedeyikisisi yomntu

Phantsi kwesi sihloko inqaku eliphambili yimvumelwano yencoko phakathi kwesithethi nomphulaphuli ekuyimfuneko ukuba banyenise intetho ukuze ilungelelane nembonakalo yemithetho nemiqathango leyo. Ukuhlabela mgama nokugxininisa olu luvo uTrosborg uthi:

"The greater the distance from the deictic center, be it temporal or personal dimensions, the greater the degree of illocutionary force". (1995: 32)

Okunye okubalulekileyo yingqwalasela yenkcubeko ethi idlale indima enkulu kakhulu kunxibelelwano, ingakumbi kulowo usebenzisa ulwimi lwasemzini.

Imodeli yencoko

Le modeli iqulunqelwe incoko yaseklasini. Inamanqanaba angala; ukunxibelelana, intengiselwano, ulandelelwano, utshintshiselwano, ukusuka, isenzo nokulungiselelwa kwemodeli. Okubalulekileyo nomakuqatshelwe ziinjongo zokwakha (Trosborg) imodeli enamandla okuchaza, hayi incoko yeklasi kuphela, neezinye iincoko ezingaphandle kweklasi njengogqirha nomguli.

2.5.2 Thomas (1995)

Intlonelo njengento yepragmatiki

Kwesi sifundo uThomas (1995) ubalula ukubalaseka kwemisebenzi kaLeech (1980), uBrown noLevinson (1987) ngokunika ingqwalaseka kwintlonelo njengento yepragmatiki. Ukanti uThomas uthi ahlanganise intlonelo phantsi kwezihloko ezine; imakzumu yencoko, eyokulawula ubuso, imvumelwano yencoko kananjalo nesikali sepragmatiki.

Inkcazo yentlonelo njengemithetho siseko neemakzimu:

Kolu hlalutyo uThomas uhlomla amanqaku kaLeech (1983) amabini; ubumbaxa nemithetho sisekelo yepragmatiki. Le ngcali ihambisa ithi xa ubani enika intetho enobumbaxa kuyakwazeka ukuba umyalezo ufikelele kumphulaphuli ngaphandle kokukhubekisa okugqithisileyo. Ngokunxulumene nemithetho siseko yepragmatiki, olu luvo lubonwa nguLeech lukwinqanaba elinye nemithetho siseko kaGrice (1975). Kwakhona kwesi fundo, uLeech uvakalisa ukubaluleka kweemakzimu ekuchazeni intsingiselo namandla kwincoko. ULeech apha ubalula imakzimu yobuchule, yobubele, yemvume, yolulamo, yovumelwano, neyovelwano. Ezi makzimu, ngokuka Leech zinobudlelwane neemakzimu zikaGrice ezizezi; imakzimu yobuninzi, yokulunga, yonxulumano, neyemo yokuziphatha.

Ngokufutshane ngeemakzimu zikaLeech

Eyolulamo, le makzimu ithi inciphise inkolo yentetho ebandakanya ixabiso kubani, ize yandise inkolo yentetho ebandakanya inzuzo kubani. Eyobubele; le yona ithi inciphise ixabiso lentetho kubani, ize yandise inzuzo yentetho kubani. Eyemvume yona ihambisa

ithi; nciphisa inkolo yentetho engamncomiyo ubani, uze wandise inkolo yentetho encomayo. Eyolulamo yona ithi; nciphisa intetho encoma ubuqu, wandise intetho engancomi ubuqu. Eyovumelwano yona ithi inciphisa ukungavumelani ngentetho phakathi kwakho nalowo, uze wandise imvumelwano phakathi kwakho nalowo. Enye yeemakzimu ezikhankanyiweyo nguLeech yimithetho siseko yePoliyana. Le makzimu yona ithi ibandakanye izinciphisi kananjalo nobulekisisikali bokuphinda.

Okubalulekileyo omakukhankanywe kwesi sifundo kukuba iinkcubeko neelwimi ziyohluka kakhulu ngendlela imakzimu ezisetyenziswa ngayo entethweni. Nasekubeni uThomas (1995) ekhankanya iingxaki ngokunxulumene nale thiyori kaLeech, uthi agxininise ekuvakaliseni ukubaluleka kwayo kwindlela eyodwa yokuthelekisa nokuchaza ipragmatiki zeenkcubeko ezahlukeneyo phantsi kwentlonelo.

Intlonelo nokulawula ubuso

UThomas (1995) uthi undoqo kwithiyori yentlonelo, nto leyo ethi ivunywe ziingcali ezininzi njengoBrown noLevinson (1978), bubuso. Ngokwale ngcamango isidima, ukubaluleka nemizwa kabani konke kungonakaliswa kwaye kungagcinakala ngokunxibelelana. Kananjalo le ngcamango ineempawu ezimbini, evumayo nekhanyelayo okanye egxekayo. Kunxibelelwano zikho izenzo zentetho ezithi zibe negalelo ekoyikiseni ubuso (Brown noLevinson, 1978), ezo ke zibizwa ngokuba zizenzo ezoyikisa ubuso (FTA).

Izicwangciso zemisebenzi eyoyikisa ubuso

Ngokweengcamango zikaBrown noLevinson (1987), zikho izigaba apho ezi zenzo zinokusetyenziswa khona. Okokuqala, kukuphefoma izenzo ezoyikisa ubuso ezichaziweyo. Esi sigaba sixhaphake phantsi kweemeko ezimaxongo okanye ezinengozi, apho ubani kuyimfuneko ukuba enze intetho ngqo. Ukuphefoma isenzo esokoyikisa ubuso ngentlonelo evumayo kungabandakanya ulangazelelo (Thomas, 1995) nezinye iimeko zomdla kumphulaphuli. Okuqaphelekayo, esi sigaba sithi siyelelane neso sikaLeech sokufuna imvumelwano, ukwalana nokungavumelani njalo njalo. Ukuphefoma isenzo sokoyikisa ubuso ngentlonelo ekhanyelayo kuqapheleka ngeempawu zentlonelo eziqhelekileyo, iimpawu zentobelo, nesinciphiso sesinyanzelo. Imizekelo yolu hlobo ithi ibe lula ukuyifumana kulwimi olusisiNgesi (Thomas, 1995). Ukuphefoma isenzo esoyikisa ubuso ngentlonelo engachazangwa sesinye sezigaba esithi sibandakanye izikweko,

ubumbaxa, ukungagqali, njalo njalo. Ukungasiphefomi isenzo esoyikisa ubuso kuthi kunyanzeleke ngamanye amaxesha ingakumbi imeko xa isoyikisa (Thomas, 1995) ngakumbi.

Ugxeko-ncomo lukaBrown noLevinson

UThomas uyayidandalazisa into yokuba umsebenzi kaBrown noLevinson wesenzo sokoyikisa ubuso sibe nefuthi negalelo elingenakubaliswa phantsi kwezifundo zentlonelo. Noko kunjalo uthi aliveze igxeke ngale modeli. Kwakhona uThomas uthi asikrobise kwimodeli kaFraser (1990) yemvumelwano yencoko ethi ingabi namkhondo ubheke phi ngokwesi sifundo. Okokugqibela, uThomas ukhankanya uSpencer-Oatey (1992) yena othi imodeli kaBrown noLevinson iyacalucalula ngokwenkcubeko. Le ngcali iveza umyinge wentlonelo phantsi kwesikali sepragmatiki njengesisombululo kule ngxaki.

ISAPHLUKO 3

IZINCOMO NEEMPENDULO ZAZO

3.1 INJONGO

Injongo yesi sahluko kukudandalazisa uphononongo lwemodeli yezincomo njengezenzo zentetho. Ukuze kwindima yesibini siqwalasele iimpendulo zesincomo, imodeli yazo kananjalo nonxulumano olungqalene neyantlukwano ngesini esibandakanya izincomo neempendulo zazo kwesi sifundo. Eli linge liyakuthi liphunyezwe ngokuqwalasela imisebenzi yeengcali ezinje ngooWolfson noManes (1980), Wolfson (1983), Manes (1983), Holmes (1986,1988), Herbert (1990), Pomerantz (1978), Ylanne-McEwen (1993).

3.2 ISINCOMO

UWolfson no Manes (1980)

Kwesi sifundo, ezi ngcali zinika ingqwalasela kumsebenzi wesincomo ingakumbi umsebenzi wokuxhomekeka nolwakheko. Kungenjongo yesi sifundo ukukhethwa, kuphela, kwemo nomsebenzi ovumayo wesincomo. Xa beqwalasela izincomo, uWolfson no Manes (1980) bafumanisa ukuba olu hlobo lwezenzo zentetho luziifomula. Nasekubeni izincomo ziyidlala indima kwimibulelo nakwimibuliso, kuyaqwalaseleka kwakhona ukuba owona ndoqo womsebenzi wesincomo kukudala nokugcina umanyano, kananjalo ulwakheko lunendibano ngekhonco nalo msebenzi. Aba babhali bagxininisa kakhulu kumgaqo omawulandelwe xa kusenziwa uphando olunxulumene nawo nawuphina umsebenzi wezenzo zentetho kunxulumano lwemihla ngemihla. Ngoko ke i-ethinografi yonxibelelwano ngokukaWolfson noManes (1980) ngumgaqo othembekileyo nosetyenzisiweyo kwingqokelela yabo yezincomo.

Kolu phando, uhlalutyo lwenziwe kwingqokelela ekumanqanaba ngamanqanaba onxibelelwano eqikelelwa kwi 950 yezincomo. Singabalula izithethi nabaphulaphuli amaduna namabhinqa abaminyaka iphantsi ukubheka phezulu. Abantu abavela kumakhono ngamakhono, isini sabo nendlela abanxulumene ngayo. Kananjalo le ngqokelela ithi ihlanganise abapheki, oomabhalani, abathengi, abaqeshwa, nabaqeshi, abazali nabantwana, abalingane, abahlobo, abamelwane, nabazanayo. Ukanti izinto

ezinconywayo zona zibandakanya iinwele, isiqu, izindlu, iimoto, ukutya, iziyunguma, izinephu, amaphepha emfundo ephakamileyo, iigadi, abantwana, izilwanyana njalo njalo.

UWolfson (1983)

Kwesi sifundo uWolfson (1983) unika izimvo ezithe gabalala ngenkcaza yendima yezincomo kwisiNgesi sase-Amarika njengomzekelo wolwazi oyimfuneko kwabo balwimi lwenkobe ingesosiNgesi, ukuze bakwazi ukunxibelelana ngempumelelo kwilizwe lase-Merika. Kolu hlalutyo, ecaphula kuHymes (1974), uWolfson uyayigxininisa into yokuba akukho ndlela yohlalutyo enokuba yimpumelelo ebandakanya izenzo zentetho ngaphandle kokulandela i-ethinografi yonxibelelwano. Xa simcaphula:

"The theoretical framework proposed by Hymes as a way of discovering the social rules, patterns and meanings of language would seem to be ideally suited to uncover the information most needed by language learners".
Wolfson (1983: 84)

Kolu hlalutyo, le ngcali inika uhlalutyo-nkcazo leziphumo zayo zophando lwesincomo. Eli waka lengqokelela yezincomo libandakanya izincomo ezivela kumaduna namabhinqa aphuma kumaqela ohlukileyo ngokwasekuhlaleni, ngokwemfundo, nangokwengqesho. Okunye okubandakanywa njengokubalulekileyo bubudlelwane babanxibelelani, imiz. abo bangaqhelananga, amalungu efemeli, abahlobo abavanayo, abalingane emsebenzini, abamelwane, abo baqhelene nje, abaminyaka ilinganayo. Ukanti ezinye iimeko ezibalulwa njengezidlala, indima, yiminyaka, isini, imvelaphi, ubudlelwane phakathi komncomi nomnconywa nendawo yonxibelelwano. Ezi, ziimeko ezikhankanywa njengezo zibaluleke kakhulu ekwazini nasekuqondeni ulwakhiwo nomsebenzi wesincomo.

Emva koxilongo nohlalutyo ngokwenkqubo yelingwistiki, iziphumo zolu phando zidandalazisa ukuba uninzi lwezincomo, nasekubeni luvela kubantu abohlukileyo naphantsi kweemeko ezohlukileyo, ziyafana ngokwenkqubo yolwakhiwo neleksikali. Le mizekelo ilandelayo ikhanyisa ingakumbi:

'NP is/looks (really) ADJ'

'I (really) like/love NP'

'PRO is (really) (a) ADJ NP'

Le mizekelo ikhankanyiweyo ibonakala njengevelayo phantse kuyo yonke ingqokelela yezincomo zikaWolfson. Okunye okuqaphelekayo kukuxhaphaka nokusetyenziswa kwezichazi ezintlanu ukubonisa imo evumayo kwizincomo. Imizekelo ekhankanywayo yile; *'nice', 'good', 'beautiful', 'pretty'* no *'great'*. Noko kunjalo, kuyacaca ukuba izenzi, izibizo kananjalo nezihlomelo zilulutho ekwakheni izincomo kwesi sifundo. Imizekelo exhaphakileyo ibandakanya oo *'well', 'genius', 'angel', 'like' no 'love'*.

Kuqhathaniso lwemisebenzi ka (Shelton, 1982) no (Manes no Wolfson 1980), uWolfson ufumanise iseti yeziphawuli eyahluke mpela kwizincomo ezivela kumaMerika aseAfrika athetha isiNgesi. imiz. *'serious', 'rough', 'seet', 'hooked', 'on time'*. Ezi ziphumo, (Wolfson, 1983), xa ziveza uluvo lokuba xa kukho iyantlukwano kwindlela yokuncoma phakathi kwamaqela athetha ulwimi olunye, loo nto ithetha ukuba le yantlukwano igabadele kumaqela athetha iilwimi ezahlukeyo. Ngenxa yesi sizathu, ezi ngcali zikufumanisa kubalulekile kakhulu ukuba ubani azi ukuba izincomo zingaqulatha umsebenzi ongekhe uqondakale kwabo ulwimi lwabo lungesosiNgesi sase-Amerika.

Enye ingcamango enika umdla kolu hlalutyo, ngokunxulumene nemisebenzi yezincomo kwizenzo zentetho zase Amerika, kukusetyenziswa kwezincomo njengokomeleza imvisiswano, ukukhwezela isenzeko esinqwenelekayo, ukugcina nokukhuthaza umanyano, ukuthomalalisa ugxeke-ncomo emsebenzini naphakathi kwabo bavanayo. Ukuze kwelinye inqanaba esi senzo sentetho sikwazi ukuthatha indawo yeefomula yezinye izenzo zentetho ezinjengemibuliso, izingxengxezo, imibulelo njalo njalo (Wolfson 1983). Imizekelo ebalulwayo icacisa olu luvo lwesibini:

- 1) *'Thanks for the card. We really like it'.*
- 2) *'That was a delicious dinner. Thanks for having us'.*

Phantsi kwezihloko, izihloko ezibandakanya ubuchule nembonakalo (Wolfson, 1983) ziqatshelwa njengezo zingundoqo kwizenzo zentetho zezincomo. Le mizekelo ilandelayo ilulutho;

- 'I like those pants on you'.*
'That outfit looks really nice'.

'I should have had my hair cut this week'.

'I think your apartment is fantastic'.

'Your baby is adorable'.

'Your husband is such a nice guy'.

'Jane writes extremely good papers- better than almost anyone I know'.

'You do this kind of writing so well. It has just the right tone'.

You 're being so nice about this. What you 've suggested is so sane, so reasonable. That 's very rare around here'.

Kule mizekelo ingentla, uncomo lwezinto ezibangwayo, njengempahla, ukubukeka kwabantwana kananjalo nobuchule zizinto eziqaphelekayo.

Ezinye iziphumo zolu phando zibonakalisa ukuba uthotho lwezincomo lufumaneka phakathi kwabo balinganayo nakwabo bawonga linye, kwaye zigxininise kwimbonakalo nakwizinto ezibangwayo. Noko kunjalo, esi senzo sentetho siyaqapheleka naphakathi kwabo bangalinganiyo ngamawonga, ingakumbi izincomo ezibhekiswa ngabo bakhulu/baphetheyo kwabo bangezantsi ngokunxulumene nobuchule babo. Le nquleqhu yokuncoma phantsi kwezi meko zikhankanyiweyo ingqale ukukhuthaza abo banconywayo ukuze babe nenkqubela phambili kwezo zinto zintle babandakanyeka kuzo.

Ngaphandle kwewonga, isini somncomi nomnconywa naso sidlala indima enkulu kakhulu kwesi senzo sentetho. Okunye okunika umdla okukhankanywayo kukuba amabhinqa akholisa ukuncoma kwaye ayanconywa rhoqo ukodlula abo bangamaduna ingakumbi kwizincomo ezibandakanya imbonakalo. Okuphawulekayo phantsi kolu luvo ngamagama elekisikali akholisa ukuvela kwizincomo zabo bangamabhinqa (Wolfson, 1983).

Ecaphula uLakoff (1973) ngelithi:

"...women use 'empty adjectives' such as 'divine' and 'cute'."

Aze angqine ngelithi:

"These are said to be not only meaningless but also devoid of any connotation of power if contrasted with" 'men's adjective' such as 'great' and 'terrific'. (Wolfson,1983: 93)

Xa iqukumbela, le ngcali ivakalisa ukuxhaphaka kwezichazi u 'great' no 'cute' kwizincomo zamabhinqa namaduna ngokunjalo. Xeshikweni isiphawuli u 'divine' singaveli kwaphela kolu phando.

Manes (1983)

Kwesi sifundo uManes (1983) uqwalasela indlela yokubonisa, ukugcina nokukhuthaza ixabiso lenkcubeko ekuhlaleni kwizenzo zentetho zezincomo. Uhambisa athi:

"Any speech act, of course, reflects a variety of cultural norms and values, and in so doing serves to express and maintain those values. Compliments are of particular interest, however, in regard to the reflection and expression of cultural values of their nature as judgements, over expressions of approval or administration of another's work, appearance, or taste".

Ngokwembono zikaManes, isincomo akuyomfuneko ukuba sibonwe njengesenzo samaqhetseba kuba owona msebenzi waso kukudala umanyano phakathi komncomi nalowo unconywayo. Ngenxa yesi sizathu, (Manes, 1983) kubalulekile ukuba kugxininiswe kuncomo, ekuboneni ngasonye nasemdeni, hayi amaqhetseba.

Kwakwesi sifundo, izincomo zifunyaniswa zinegalelo lokomeleza, zithi kananjalo zisebenze njengenkuthazo ekuphemeleleni izenzo eziyimfuneko kwabo banconywayo. Ehlabela mgama, uManes uveza uluvo lwembono-ngasonye. Uthi njengoko izincomo zikholisa ukuvela phakathi kwabo bangazani ncam, umz. phakathi kwabalingane basemsebenzini, abamelwane, abo bangaqhelananga ncam, kuyimfuneko ke ngoko ukuba ubani abone ngasonye okanye ahambisane nomoya wasekuhlaleni wokujolisa izincomo kwiimeko ezinjengembonakalo yomntu, izinto ezintsha nomsebenzi omhle. Ngokwenjenjalo uyakuba uyaziqonda izinto ezisixabisweni lokunconywa.

Kule ngcamango, uManes ukhankanya ukubaluleka kwembonakalo ekwayibona njengemeko eqaphelekayo, ngakumbi kwizincomo zamabhinqa. Le mbono izalwa yinkolo yokuba amabhinqa ekuhlaleni ayakholwa yimbonakalo entle. Le mizekelo ecacisa oku;

'Gee I like your skirt. I've been looking for one like it'

'I like your outfit'

'You 're looking very good. You 've lost weight'

Le mizekelo ingentla ayipheleli nje ekubonakaliseni imbonakalo entle nencomekayo phakathi kwamabhinqa, nto nje yomeleza (Manes, 1983) ukubaluleka kwale mbonakalo. Ukuba imbonakalo entle iyanconywa ngokuphandle, ubani uthi akhuthazeke ngokuthi gqolo ngezo nzame zokuzenza mhle ukuze afumane izincomo. Ukanti xa ezo nzame zingakhuthazwa ngokunconywa, ubani uthi akhathazeke okanye ave kabuhlungu.

Kwakwesi sifundo uManes uthi akhankanye ubutsha okanye izinto ezintsha ezincomekayo nendima eziyidlalayo ekuvezeni nasekomelezeni ixabiso lenkcubeko. Apha kukhankanywa izinto zexabiso eziqaphelekayo njengemoto entsha, indlu entsha njalo-njalo. Ezi zinto zinconywa xa zithe zaqapheleka okanye xa umninizo enokuzenza ziqapheleke, mhlawumbi, ngokuthi athethe ngazo kubani.

Ekuxilongeni ingqokelela yezincomo, le ngcali ifumanisa ukuba akho amacebo okuhlangabezana neendlela ezinxulumene nokuphendula izincomo. Eyona iqhelekileyo nesetyenziswa rhoqo kukuthi 'enkosi' xa ubani esamkela isincomo. Enye indlela eqhelekileyo, efumana ingqwalasela kolu phando lukaManes , kukusala isincomo ngendlela ethile yokujongela phantsi le nto inconywayo. Imizekelo ebonisa oku ingayile;

A: Oh, Anne, this is adorable !

B: Well, it's small, though

A: Oh! I really like that dress.

B: It's just an old thing. I really need some new clothes

Ngaphandle kwembonakalo nezinto ezibangwayo, ukuphucuka kweziphumo ngenxa yeenzame nobuncutshe kwalowo unconywayo, yenye yeemeko ezikholisa ukufumana ukunconywa. Singabalula ukutya okumnandi nomdlalo wobuncutshe. Noko kunjalo,

kwingqwalasela yale ngcali kule meko yezi zincomo zikhankanywe ekugqibeleni, kuyafunyaniswa ukuba izincomo ezingunozala wobuncutshe okanye umzamo azamkeleki ngokuzingca kulowo unconywayo. Qaphela le mizekelo;

A: Boy, that's nice work. I don't know how to do it.

B: It's easy when you have good tools.

A: Great meal

B: I just threw some things in the pot

Kubalulekile ukuyikhankanya into yokuba ayiyontengiso kuphela ekhuthaza abantu ukuba bathenge iimpahla ezintsha, balahle ezindala. Sizikhuthaza ngokwethu ngokusebenzisa izincomo ukwenza oko (Manes, 1983)

UHolmes (1988)

Kwinkcazelo yezincomo enikiweyo kwesi sifundo, (Holmes, 1988:454), ibonisa ukuba intetho yesincomo yileyo ibhekisa kwinto ebalulwa njengevumayo ngabo bathabatha inxaxheba, ebandakanya kananjalo umnconywa. Ngokwesi sifundo, izihloko okanye iimeko ezikholisa ukunxulunyaniswa nezincomo zibandakanya imbonakalo, ubuchule okanye ukuphefoma, izinto ezibangwayo kwakunye nezinye iimpawu zobuntu okanye ubuhlobo. Kuphononongo lolwabiwo lwezi zihloko zezincomo ngokwesini, ubani ufumanisa ukuba uthotho lwezincomo zembonakalo zijoliswe kumabhinqa ukodlula abo bangamaduna, Kwakwesi sihloko sinye, uthotho lwezincomo zembonakalo luqapheleka ngakumbi kwizincomo ezivela kumabhinqa, zijoliswe kumabhinqa (Holmes, 1988).

Okwesibini, kuyaqapheleka kwakhona ukuba izincomo zamaduna ezijoliswe kumaduna ezibandakanya izinto ezibangwayo zinegalelo eliphume izandla kule yantlukwano yezincomo zesini. Okunye okunika umdla kwesi sifundo luqhathaniso oludulisa ukuba amaduna aseNew Zealand ngokuchaseneyo nalawo ase-aMerika (Holmes, 1988) ayazifumana aze kwakho azinikezele izincomo zembonakalo. Elinye igalelo kule yantlukwano zizincomo ezikholisa ukuvela kumaduna, zibandakanya ubuchule, zijoliswe kumabhinqa.

UHerbert (1990)

Kwisifundo esiqwalasela iyantlukwano ngokwesini kwizincomo (Herbert, 1990), ulwakhiwo lwesiganeko sentetho sesincomo lelinye lamanqaku afumana ingqwalasela. Esi siganeko sentetho siqulathe ulwakhiwo loo mati abameleneyo okanye isiganeko setsheyina sesenzeko. Ngamanye amagama singathi, njengokuba uHerbert engqina:

"...the compliment event is a two-unit turn in which utterance 1 and utterance 2 are linked by both temporal and relevancy conditions"
(1990:201).

Olu luvo lucaciswa ngakumbi yile mizekelo yale ngcali;

- 1) A: *That's a beautiful sweater.*
B: *Thanks, my sister made it for me.*

- 2) A: *You look very nice today.*
B: *I 'm in such a hurry though.*

Xa siqwalasela ngakumbi, ubani ufumanisa ukuba u B ungqalane, kwaye uxhomekeke ku A. Ngoko ke u A no B bathande ukunxulumana njengokuba u A encoma u B, ukuze kananjalo u B aphendule okanye angqine ukuba u A uthethile. Olunye uluvo olunxulumeneyo olunika umdla kwesi sifundo sikaHerbert lubandakanya amagatya okanye iimeko zezincomo. Apha singakhankanya imizekelo eyile; imbonakalo ingakumbi isinxibo neenwele, izinto ezibangwayo kananjalo neziphumo zeenzame nobuchule.

3.3 IIMPENDULO ZEZINCOMO**UPomerantz (1978)**

Kwesi sifundo u Pomerantz (1978) ubalula ulungiso ngendlela emisiweyo kwiimpendulo zezincomo. Ulungiso lokuqala olungqalileyo lolubandakanya uvumelwano okanye ukungavumelani nesincomo. Ukanti ulungiso lwesibini lubandakanya ukwamkela okanye ukwala isincomo. Ngamanye amagama, uPomerantz (1978), uthi uvumelwano lunxulunyaniswa nokwamkelwa ukuze ukungavumi kunxulunyaniswe nokwala. Xa ubani

eqwalasela indlela yokusebenza kwezi meko zolungiso, kananjalo nendlela ezinxulumene ngayo, ubani ulindele ukuba kuvele iziphumo eziphume izandla ezibandakanya uvumelwano nokwamkelwa kweempendulo zezincomo. Noko kunjalo, le ngqokelela iveza umnqa koku kulindelekileyo ngokuthi idulise imodeli evumelana nokungavumi nokwala kwiimpindulo zezincomo (Pomerantz, 1978).

Enye ingcamango yale ngcali, ekwagxininiswa nguHerbert (1990), yeyokuba ulungiso oluhlenganisa izincomo neempendulo zazo lolo lwesenzeko setsheyina. Xa simcaphula uhambisa enjenje:

:" An action chain may be characterised as a type of organization in which two ordered actions, Action 1 and Action 2 are linked such that the performing of A1 provides the possibility of performance of A2 as an appropriate next action" (Pomerantz, 1978:82)

Le mizekelo yale ngcali iyibeka le ngcamango elubala;

A1: A compliments B

*A2: B accepts /rejects the compliment
okanye*

A1: A compliments B

A2: B agrees /disagrees with the complimentary assertion

Kweli tsheyina izincomo zinezenzeko ezizixhasileyo ezibandakanya izimemo, izipho, izibongo izithembiso njalo njalo. Xa ehlabela mgama, uPomerantz unika uthotho le mizekelo kolu hlalutyo ezama ukugxininisa iifomula ezahlukeneyo zeempendulo zezincomo. Umzekelo, phantsi kwemeko yokwamkela, kwigatyana lophawu lothakazelelo, ubani angalindela u -enkosi, enkosi kakhulu, heke enkosi njalo njalo. Qwalasela:

A: 'Why it's the loveliest record I ever heard' And the organ-

B: Well thank you

A: That's beautiful It really is [Yah]

B: Thank you

Imizekelo ebandakanya ukwala, ubani angalindela uhayi enkosi okanye isizathu okanye unobangela wokwala:

| | | |
|--------------|---|----------------------------|
| <i>John:</i> | <i>You wanna sandwich?</i> | <i>[offer]</i> |
| <i>Dave:</i> | <i>No thanks,</i> | <i>[neg. appreciation]</i> |
| | <i>I ate before I left</i> | <i>[account]</i> |
| | <i>Bill, what do you drink.</i> | <i>[offer]</i> |
| | <i>Thank you dear</i> | <i>[appreciation]</i> |
| | <i>I'm not - not drinking right now</i> | <i>[account]</i> |

Le ngcali iphinda ibonise ukuba, phantsi kweemeko ezithile ukwamkela kungalandelwa luvumelwano:

A: Oh it was just beautiful
B: Well thank you + Uh I thought it was quite nice...

Xa enika ingqwalasela kwimeko yokungavumi, le mizekelo kaPomerantz ilandelayo ilulutho:

H: Gee, Hon, you look nice in that dress
W: Do you really think so? It's just a rag my sisiter gave me.

H: (You) did a graet job cleaning up the house.
W: Well I guess you haven't seen the kid's room.

Eminye imizekelo enokukhankanywa phantsi kwemeko yohlobo lwesisombululo kolu hlalutyo, ingekuphela kwayo, yebonisa ukuphepha ingeniso phantsi kwamagatyana amabini; i) ukunikezela ngesincomo kwakhona,

R: You 're a good rower, Honey.
J: These are very easy to row. Very light.

ii) nokubuyisela isincomo.

A1: A compliments B

Ya ' sound (justiz) real nice

A2: B compliments A

Yeah you soun' real good too

UHolmes (1986)

Kuphando lwakhe olubandakanya izincomo neempendulo zazo, uHomes uphawula ngelithi, nasekubeni inkqubo yelingwistiki idlala indima yayo ekucaciseni izincomo ngokolwakhiwo neleksikali, uhlalutyo lweempendulo lona lunyanzelekile ukuba lucaciswe ngesemantiki (Holmes 1986). Ehlomla ngomsebenzi kaPomerantz (1978), uHolmes uthi iimpendulo zezincomo zimele isisombululo somnconywa samacala achaseneyo onxibelelwano. Ngoko ke kukho umoya wonyanzelo kumnconywa, wokuba avumelane kwaye asamkele isincomo njengoko umncomi/isithethi sinyanzelekile ukuba siphephe/siphambuke okanye sinciphise amathuba okuzincoma. Ephawula ngomsebenzi kaLeech (1983), uHolmes ukhankanya imakzimu yolulamo neyovumelwano. Umoya onyanzelisa uvumelwano nokwamkelwa kwesincomo ngumnconywa uchazwa njengemakzimu yovumelwano, ukuze umoya onyanzelisa ukuba ale, angasivumi isincomo woyanyaniswa nemakzimu yolulamo (Holmes, 1986).

Kuluvo lwakhe, uHolmes ubona kuyimfuneko kwaye kubalulekile kuhlalutyo nolwabiwo lwamacandelo eempendulo zezincomo ukuba kohlulwe phakathi kokuvuma nokungavumi komnconywa, kuphononongo oluvumayo, kwimeko yokwamkela okanye yokwala. Enika inkcazelo yesincomo uhambisa athi;

"A compliment not only makes a positive assertion, it attributes credit to the addressee in relation to that assertion. So compliments on the addressee's appearance, for instance, implicitly give credit to the addressee for achieving a good appearance. Attributing credit in this way may also extend to the appearance of any other person or thing..."

Olu luvo lugxininiswa ngakumbi nguWolfson (1983) kumsebenzi wakhe ohlalutya izincomo njengezenzo zokugcina nokukhuthaza ixabiso lenkcubeko.

Xa ehlabela mgama, uHolmes uveza uqulunqo lwakhe lweentlobo ezintathu ezinokusetyenziswa kwiimpendulo zezincomo. Ezi ntlobo zihamba namagatyana oyamileyo kwakunye nemizekelo ecacisayo:

A) **Ukwamkela**

- 1) Uphawu lothakazelelo/ lovumelwano: umz., *thanks, yes, or smile.*
- 2) Uphawu lovumelwano: umz., *I think it's lovely, too.*
- 3) Intetho yokweya: umz., *it's not too bad, is it.*
- 4) Ukubuyisela isincomo: umz., *you 're looking good, too.*

B) **Ukwala**

- 1) Ukuphepha ingeniso: umz., *I'm afraid I don't like it much*
- 2) Ukubuza unqondo: umz., *is beautiful the right word?*
- 3) Ukucela umngeni wobunyani: umz., *you don't really mean that.*

C) **Ukuphambuka/Ukuphepha**

- 1) Ukuphepha ingeniso: umz., *my mother knitted it.*
- 2) Inxelo yolwazi: umz., *I bought it at that Vibrant Knits place.*
- 3) Ukungahoyi: umz., *it's time we were leaving, isn't it.*
- 4) Ukuphambuka okusemthethweni: umz., *you know that shop in Cubacade.*
- 5) Ukucela ingqiniseko: umz., *do you really think so?*

Uhlobo lokuqala lulo olubonisa ngokuphandle okanye ngokucacileyo, ngokungacacanga okanye ngokufihlakeleyo ukwamkela izincomo. Ukanti uhlobo lwesibini lona loyanyaniswa neentetho ezibonisa ukungavumelani kananjalo nokwala izincomo, ukuze uhlobo lokugqibela lubandakanye ukuphepha okanye ukuphambuka komnconywa ekwamkeleni izincomo, esebenzisa la magatyana akhankanywe ngasentla.

Kwenye inkcazelo ayinikayo yeziphumo zophando lweempendulo zezincomo alenze eNew Zealand, uHolmes ufumanise isisithethe esixhaphakileyo nesinqenqeza phambili ukwamkela izincomo. Xa ecatsulwa uthi:

" On the evidence here by far the most common New Zealand response to a compliment is to accept it (61%) (1986: 496).

Okunye okunika umdla kwakhona, kukuvela kolunye uluvo kuphando lukaPomerantz, uHolmes umcaphula esithi;

"A large proportion of compliment responses deviate from the model response of accepting compliments" (1986: 495).

Ngenxa yesi sizathu, kuyacaca ukuba amandla emakzimu yovumelwano kwaneyolulamo, kananjalo nendlela umconywa axazulula ngayo uchasaniso phakathi kwezi makzimu ixhomekeke kwiinkcubeko ezahlukeneyo (Holmes, 1986).

Kulwabiwo lwezincomo, le ngqokelela kaHolmes iveza ezi zihloko zilandelayo; imbonakalo, ubuchule, izinto ezibangwayo, ubuhlobo okanye ubuntu kwanezinye ezingakhankanywanga. Ephnononga iziphumo zophando zezinye iingcali ezinjengoo-Wolfson (1983b:90) noManes (1983:98), uHolmes ufumanisa ubungqina bokuba isihloko sembonakalo (50%), silandelwe bubuchule (30%) ngokwahlukeneyo, ziqulathe uthotho lwezincomo. Njengoba lincipha inani kuthi kuvele izinto ezibangwayo (11%) ukuze kugqibele ubuhlobo okanye ubuntu.

UHolmes (1988)

Xa ephnononga umbandela weempendulo zezincomo, uHolmes (1988) uvula ngokugxeka encoma umsebenzi kaPomerantz (1978). Uhambisa athi uluvo olungqinwa ziziphumo zophando olwenziwe ngulo kaPomerantz ezidulisa imodeli evumelana nokuxhaphaka kokungavumi nokwala kwiimpendulo zezincomo uyaphikisana nalo. Kwingqokelela ayenze eNew Zealand iveza luvo lumbi. Okokuqala, ukufumanisa kukho ukunyanzeleka kulowo unconywayo ukuba avumelane nesincomo, asamkele kananjalo. Okwesibini, kukho ukunyanzeleka kumconywa ukuba aphephe okanye anciphise ukuzincoma. Loo nto, xa le ngcali iqukumbela olu luvo, ithi idulise ukuxhaphaka kokwamkelwa kwezincomo. Ukuze kulandelwe kukuphambuka kwengeniso.

Kwakhona, kolu hlalutyo uHolmes (1988) uphawula ngeentlobo zeempendulo zezincomo ezithe zaqulunqwa ngeenjongo zokunika inkcazelo epheleleyo ngengqokelela yophando lwayo. Le ngcali iyichaza le ndlela njengeyanelisayo ekulandeleni olu hlalutyo. Uhlobo ngalunye luhamba namagatyana oyamileyo njengokuba kucacisiwe apha ngezantsi.

1) Ukwamkela

- Uphawu lothakazelelo
- Uphawu lovumelwano
- Intetho yokweya
- Ukubuyisela isincomo

2) Ukwala

- Intetho yokungavumi
- Ukubuza unqalo
- Ukucela umngeni wobunyani

3) Ukuphambuka/ Ukuphepha

- Ukuphepha ingeniso
- Ingxelo yolwazi
- Ukungahoyi
- Ukuphambuka okusemthethweni
- Ukucela ingqiniseko

Xa ehlabela mgama ngohlalutyo lweempendulo zezincomo, uHolmes (1988) akaboni mahluko ubalulekileyo nonika umdla ngokunxulumene neyantlukwano phakathi kwamaduna namabhinqa, ingakumbi xa ubani equka ezi ntlobo zikhankanyiweyo. Noko kunjalo, le ngcali iyayigxininisa into yokuba xa ubani ekhangela ngokuqwalasela iimpendulo zezincomo phantsi kwala magatyana oyamileyo, umahluko obalulekileyo ukhona. Angacatshulwa esithi:

" It seems more likely that a man will ignore or legitimately evade a compliment than that a woman will" (19.3% vs 11.2%) (Holmes, 1988:461)

Le yantlukwano iphinde ivele xa abo bangamaduna bekhulisa ukuphepha ukuphendula isincomo ngandlela zonke, ngokuthi bangahoyi okanye ngokuphendula intetho eyandulelayo nengangqalanga. Ukanti amabhinqa, phantsi kokwala, ayabalulwa kwezi ziphumo ngentetho yokungavumi ukodlula ukubuza unqalo okanye ukucela umngeni wobunyani. Xa equkumbela, ngenxa yengcamango yokuba amabhinqa ethabatha izincomo njengezenzo zentetho ezinemizwa evumayo, uHolmes ufumanisa ingumnqa into yokuba amabhinqa abandakanyeke kwiziphumo zokwala izincomo.

Herbert (1990)

UHerbert uthi kukho uvumelwano kwiinkalo ezininzi zonxibelelwano, lokuba impendulo yezincomo eyiyo yile:

"Thank you" (1990:207)

Noko kunjalo, le ngcali iyayidandalazisa into yokuba ukuphendula izincomo asinto ilula njengoko ubani enokucinga. Elinye isuntswana elibonakalisa ubunzima, eliveza ngokuhlomla ngomsebenzi kaPomerantz (1978), uhambisa athi:

"The addressee 's dilemma is to respond simultaneously to the content component of the assertion (true vs false) and to the gift component (Acceptance vs.Rejection)" (1990: 208)

Kwingqokelela ayenze eBinghamton, lo kaHerbert uqulunqe iintlobo ezili-12 zokuphendula izincomo:

1. Uphawu lothakazelelo: umz. *Thanks, Thank you.*
2. Ukwamkelwa kwengxelo: umz. *Yea it's my favorite too.*
3. Ukunyusa isincomo: umz. *Really brings the blue out in my eyes, doesn't it?*
4. Imbali yengxelo: umz. *I bought it for the trip in Arizona.*
5. Ukuqinisekisa kwakhona: umz. *My brother gave it to me/It really knitted itself.*
6. Ukubuyisela isincomo: umz. *So 's yours.*
7. Ukubhekisa ezantsi: umz. *It's really quite old.*
8. Ukubuza: umz. *Do you really think so?*
9. Ukungavumi: umz. *I hate it.*
10. Isiqinisekiso: umz. *It's alright, but Len's is nicer.*
11. Ukunganaki: umz. *Ngokuphepha ingeniso/ngokungaphenduli*
12. Utoliko lwesicelo: umz. *You wanna borrow this one too.*

Olunye uluvo olunika umdla kwesi sifundo kukuqaphela ukuba sisiqingatha esithile kuphela seempendulo zezincomo ezivelayo kuhlobo lokwamkela. Ngapha koko uthotho lwezi senzo lubonwa njengesenzo somanyano kwizincomo zesiNgesi zase-Amerika. Ngaphandle kokwamkela, ukuba izincomo zibonwa njengezenzo zokukhuthaza

umanyano, akuhko sizathu esibangele ukuba iimpindulo zazo zingawuzalisekisi loo msebenzi (Herbert, 1990). Ukucacisa olu luvo, angacatshulwa esithi:

"I recognize that your compliment was intended to make me feel good. I choose to avoid self-praise and thus assert that we are equal" (1990: 211).

Xa ihlabela mgama, le ngcali ithi olu hlalutyo lunika intelekelelo yokuba ukwamkela, ingakumbi uphawu lothakazelelo njengo 'enkosi' alumelanga luvele rhoqo phakathi kweempindulo zabo baqheleneyo.

Ekugqibeleni, uhlalutyo lweempindulo zezincomo elibandakanya ukubuyisa ngenjongo yokukhuthaza umanyano, oluqulathwe yimithetho emibini echaseneyo kaPomerantz, lungoyanyaniswa kwaye lutolikwe phantsi komthetho womanyano. Ukanti, uhlalutyo lwezincomo neempindulo zazo njengeempawu ezibonisa umanyano kunxibelelwano, konke oku kubonwa njengengcamango yobuso (Herbert, 1990).

Ylanne-McEwen (1993)

Kwingxelo yayo yeempindulo zezincomo, le ngcali inika ulwabiwo lweentlobo zeempindulo zezincomo ezifanayo twatse nezo zidandalaziswa ziziphumo zophando lukaHerbert (1990). Ephawula ngolwabiwo lwezi zincomo, eqamela ngezimvo zikaHerbert, uthi kuvumelwana nolwamkelo lwezincomo ngumnconywa akubangi kuphambukela ekuzincomeni. Nto nje izincomo ezinxulunyaniswa nokuphepha okanye ukuphambuka ukuzincoma zikholisa ukuba nomanyano phakathi. Uninzi lwazo zezo zibandakanya ukubuyiswa kwezincomo (Ylanne-McEwen, 1993).

3.4 ISISHWANKATHELO

Kwesi sahluko ilinge lenziwe ukudandalazisa izimvo neengcamango zeengcali ezivela kwiinkalo ngeenkalo ngokunxulumene nolu phando. Ugxininiso kwithiyori ye-ethinografi yonxibelelwano, ebalulwa njengomongo othembekileyo, obalulekileyo nonempumelelo kuphando olululo nolusulungekileyo lwezenzo zentetho, yenye yeengcamango eziphambili. Kananjalo, umba wenkcubeko, nexabiso lenkcubeko eliqulathwe zizenzo zentetho zezincomo, konke oku kuthatyathwa njengegalelo elingenakubaliswa

ekukhuthazeni, ekuqeqesheni, kuvuselelo, kululeko nakunxibelelwano lasekuhlaleni kananjalo nokunxibelelana kwabantu ngokuthe gabalala.

Esi sahluko sithi kanjalo siphawule ngokuthe vetshe ngezihloko okanye iimeko ezikholisa ukunxulunyaniswa nezincomo, ugxininiso lukwiyantlukwano phakathi kwamaduna namabhinqa ekunikezelweni nasekufumaneni izincomo, lo mahluko kuphinde kuhlomlwe ngawo phakathi kwamaqela asekuhlaleni anjengabahlobo, abalingane emsebenzini, umqeshi nomqeshwa, abo bangazaniyo ncam njalonzalo. Izihloko, njengoba besekukhankanyiwe apha ngasentla, ezinje ngembonakalo, ubuchule nenkuthalo emsebenzini, izinto ezibangwayo, zonke ezi meko zithi zidlale indima nefuthe kule yantlukwano kuthethwa ngayo.

Xa sihlabela mgama kwiimpendulo zezincomo, esi sahluko siphawula ngolungiso lwetsheyina oluhlanganisa izincomo neempendulo zazo. Uthotho lwemizekelo enikiweyo luyiveza ngakumbi le ngcamango. Iintlobo ngeentlobo zoqulunqo eziqulathe ubuchule obunokusetyenziswa kwiimpendulo zezincomo ezibandakanya ukwamkela, ukwala, ukuphambuka okanye ukuphepha nazo zifumana ingqwalasela kwesi sahluko.

ISAHLUKO 4

IIMPAWU ZESINCOMO

4.1 INJONGO

Injongo yesi sahluko kukuveza iingcamango nezimvo zeengcali nabaphandi ababandakanya ooWolfson noManes (1980), Holmes (1986, 1988), Wolfson (1988), Ylanne-McEwen (1993), Herbert (1990). Ezi zimvo ziduliswa, ingakumbi, ziziphumo zophando eziquathe imisebenzi yezincomo, iimpawu zolwakhiwo lwazo, iwonga labancomi nabanconywa, ukuze kuqunjelwe ngemeko yesini sabancomi nabanconywa.

4.2 IMISEBENZI YEZINCOMO

UWolfson noManes (1980)

Kolu hlalutyo ezi ngcali zigxininisa uluvo lokuba umsebenzi wesincomo ubandakanya ukuyila nokugcina umanyano. Okwesibini, ubufomula kananjalo nokufihlakala kwako kunxulumene kakhulu kulo msebenzi ukhankanyiweyo (Wolfson noManes, 1980). Kule ngqokelela yaba baphandi kuyaqapheleka ukuba elinye isuntswana elibalulekileyo ngezincomo yinkululeko yazo yokuba zivele naphina kwimeko yentetho. Ngamanye amagama, singathi izincomo azibophelekanga kwintetho ethile yencoko. Ngenxa yesi sizathu esi senzo sentetho siyasetyenziswa njenge (a) mibulelo, (b) xa kuqalwa incoko, (c) kwimibuliso ekwabandakanya isincomo. Le mizekelo ingezantsi icacisa ngakumbi:

- a) *Thanks a lot for your present, I 'm so excited with it, it's beautiful.*
- b) *A: Well, don't you look cute today. You have such nice clothes.
B: Thank you. I've had this (blouse) for a while.*
- c) *Hi, Joe, you look nice today. Why so dressed up?*

Ukanti kuyaqapheleka kwakhona ukuba izincomo azaneli nje ukuvela nezihloko zokuvula incoko, sithi sibandakanye nenqaku lovumelwano ngokuyila umoya wokwamkela novumelwano.

Xa behlabela mgama, aba baphandi bafumanisa ukuba izinto ezintsha ezinje ngeemoto, iimpahla, iinwele ezenziweyo zizo ezikholisa ukuqaqamba ngokunconywa ekuhlaleni. Ngenxa yeso sizathu izincomo zithatyathwa njengezixhobo ezinokusetyenziswa ukukhuthaza ixabiso lenkcubeko eliyimfuneko, kuba eneneni ezi zinto zikhankanyiweyo zezinye zezinto ezibonwa ukubaluleka xa zinxulunyaniswa nomntu (Wolfson noManes, 1980).

UWolfson noManes bathi seyisiqhelo ebantwini into yokuncomana phakathi kwabalingane emsebenzini, kubahlobo ngezinto ezinxulumene nobuchule, ukuhlakanipha, ukubukeka njalo-njalo. Ngenxa yokuba isincomo sibonwa njengesiqinisekiso phantsi kwezi meko zikhankanyiweyo, ukunganconywa kusenokuthatyathwa njengento engamkelekanga kulowo alibona ililungelo lakhe ukuba anconywe. Kananjalo, zikhona nezinye iimeko apho isincomo sinokulindeleka, njengaphakathi kwabahlobo abagqibelana kudala, ngeenjongo zokuvuselela obo buhlobo ngokusebenzisa izincomo. Kanti kwezinye iimeko (Wolfson noManes, 1990) esi senzo sentetho siyaqinisekisa kwaye sivuselele unxibelelwano lwemihla ngemihla phakathi kwabalingane, abamelwane nabahlobo.

Ukusetyenziswa nokulandelwa kwefomula kubaluleke kakhulu xa kuqwalaselwa umsebenzi wezincomo, kuba xa kuthe akwasiwa so kungadala uchaselwano neyantlukwano phakathi kwabo babandakanyekayo, nto leyo ingaphazamisa ixabiso lomanyano. Kananjalo, ukusetyenziswa kweemo ezithile nezingaqondakaliyo, ingakumbi phakathi kwabo basuka kwiilwimi ezingafaniyo ncam, loo nto ingadala ifuthe elingelilo kwiinzame zokudala imvisiswano njengoko esi senzo sentetho sixhibe oko.

Ukanti izincomo, phakathi kwabo balwimi lunye, zikholisa ukuqulatha amagama angqalileyo eleksikali, njengeziphawuli, izihlomelo njalo-njalo, athi ahambelane nefomula, nto leyo ethi igxininise umanyano. Ukwaleka, ubufomula abaneli nje ukuthintela ubumbaxa ekusetyenzisweni kwezincomo, kuthi kananjalo kubangele ukuba zibe nokuqondakala njengokuba zihlonyelwa nandawunina entethweni. Okunye okubalulekileyo kukuba, nangona izincomo zinendima enkulu eziyidlalayo kumanyaniso, owona msebenzi uselubala kuzo kukuncoma ngokwenyani nangokukhululekileyo (Wolfson noManes, 1980).

Holmes 1986 (p 486-488)

UHolmes (1986) uthi abalule omnye wemisebenzi yesincomo njengezenzo zentetho ezinemizwa evumayo ezijoliswe kumnconywa, kwaye zixhibe ukugangatha umanyano okanye imvisiswano phakathi komncomi nomnconywa. Ngaphandleni kweminye imisebenzi yesincomo, ngokudandalaziswa zezinye iingcali ezinjengoWolfson (1978, 1983b), Brown noLevinson's (1978), Thomas (1985), Manes (1983), le ngcali ithi iyayinqina into yokuba izincomo zikwasebenza njengezenzo ezoyikisa ubuso phantsi kweemeko ezithile. Umzekelo onika umdla ngowokuba umncomi athi kanti uncwase okanye unqwenela ukuzuza into yalowo amncomayo. Le ngcamango iyavela ngakumbi kwezinye iinkcubeko (Holmes, 1986) ezinjengamaSamoan apho umnconywa azifumanisa sele enoxanduva okanye esetyaleni lokunikezela ngento ephathekayo anayo kungenjalo ubugcisa bakhe kumncomi. Lo mzekelo ucacisa ngakumbi:

C. *What an unusual necklace. It's beautiful.*

R. *Please take it.*

Le ngcali ithi ikhankanye neminye imisebenzi ebalulekileyo edlalwa sisincomo. Apha singabalula ukuvuselela nokukhuthaza isenzo esihle njengakutitshala kubantwana esikolweni. Le mizelo inika inkcaza ethe vetshe:

C. *Mary's sitting up nicely.*

R. *Non-verbal response: Mary sits up even straighter.*

You are doing well, Good work, Well done.

Kule ngcamango iselubala into yokuba izincomo zingasetyenziswa ngempumelelo njengesixhobo esivumayo sokuqeqesha nokufundisa.

Kuqukumbelo, UHolmes (1986) uyahambisana noWolfson noManes (1980) ngoluvo lokuba isincomo singasebenza njengendlela yokubonakalisa umbulelo ongazenzisiyo. Lo mzekelo unika umdla:

C. *I loved the tacos. I'll be back tomorrow for some more.*

R. *Hope they weren't too hot.*

UHolmes (1988)

Omnye wemisebenzi eselubala wesincomo kukubandakanya izenzo zentetho zemizwa ezivumayo ezijolise kumnconywa ngenjongo yokongeza okanye ukuqinisa umanyano phakathi komncomi nomnconywa (Holmes, 1984b, 1988). Enika ingqwalasela kwigalelo likaBrown noLevinson (1978), uHolmes ufumanisa ukuba izincomo ziyangqinelana nomthetho wezi ngcali oqulathe inkcazelo enokusetyenziswa njengentlonelo evumayo. Phantsi kwalo mgaqo, izincomo zibonwe njengezithomalalisi zezoyikisi zobuso eziqulathwe zizenzo ezoyikisa ubuso ngokuthi zidambise kwaye zithathele ingqalelo evumayo iimfuno zomnconywa (Holmes, 1988).

Ngamafutshane, izincomo zenza umsebenzi wokunciphisa umgama okanye umsantsa nokukhuthaza umanyano phakathi komncomi nomnconywa. Ukanti, phantsi kwelinye iqondo, le ngcali ifumanisa ukuba obu buchule buntsonkothileyo beSoshiyolingwistiki kungasetyenziswa njengesenzo sokoyikisa ubuso, ngokuthi buqulathe iminqweno neenkanuko ezijoliswe kwizinto zalowo unconywayo (Holmes, 1986, 1988).

4.3 IIMPAWU ZOLWAKHIWO LWEZINCOMO

4.3.1 Impawu zesintaksi neleksikali

UWolfson noManes (1980) (P400-404)

Kuphononongo lweleksikali nolwakhiwo lwezincomo, uWolfson noManes (1980) badanda lazisa izigaba zentetho ezilulutho ekwakheni esi senzo sentetho. Imizekelo ephawulekayo ziziphawuli, izenzi, izihlomelo, izibizo, nezigxininisi, nasekubeni uthotho lwezincomo lusebenzisa iziphawuli ezizintlobo njengezigaba zentetho, kuyaqapheleka kwesi sifundo ukuba uninzi lubandakanya iziphawuli ezizezi; a) *good* no b) *nice*. Ukuze zilandelwe ngu *beautiful*, *pretty*, no *great* ngokuxhaphaka kwazo. (Wolfson noManes, 1980). Le mizekelo icacisa ngakumbi:

- a) *That's a really nice couch.*
- b) *Your hair looks good.*

Ukanti phantsi kwezenzi, zimbini ezibalulwa ngokuxhaphaka phantse kuzo zonke izincomo, umz. (a) *like* no (b) *love*. Qwalasela:

- a) *like your hardwood floors.*
- b) *I love that shirt.*

Ikho imizekelo ebalulwayo, nasekubeni inqongophele, ebandakanya izihlomelo nezibizo. Qwalasela:

- a) *You do this kind of thing so well. It has just the right tone.*
- b) *Jane, you 're a genius*

Ukanti, phantsi kwezigxininisi kubalulwa imizekelo eyile; *really*, *very*, *such* njalo-njalo. Ukuze, eminye yemizekelo exhaphakileyo ibandakanye ukusetyenziswa komntu wesibini kwakunye nezimelabizo zokwalatha.

Kwingqwalasela yolwakhiwo, iziphumo zikaWolfson noManes zidandalazisa ubufomula bezincomo. Phantsi kwale fomula, kuyaqapheleka kwaye kunika umdla ukuba, kangangeepesenti eziyi80% zezincomo zilandela inkqubo ezintathu. Ezi ntlobo zo lwakhiwo nale mizekelo ingezantsi ikhankanyiwe;

- a) NP [is] (really) ADJ
[looks]

Imizekelo: *'Your hair looks nice'*. *'That shirt is so nice'*. *'It looks comfortable'*. *'This is really good'*.

- b) I really [like] NP
[love]

Imizekelo: *'I love your hair'*. *'I really like those shoes'*

- c) PRO is (really) (a) ADJ NP

Imizekelo: *'That 's a nice piece of work'*. *'This was really a good meal'*

Holmes (1986) (p489-490)

UHolmes uphawula ngeziphumo zophando zikaWolfson noManes (1981) ngobufomula bezincomo njengezenzo zentetho. Le ngcali ithi iqaqobana leeleksikali kananjalo neenkqubo ezimbalwa zezincomo zimele uthotho lwezincomo kwingqokelela yase-Amerika yaba baphandi bakhankanyiweyo. NgokukaHolmes (1986), ezi ziziphumo zingumfanekiso okhutshelweyo wophando alwenze eNew Zealand. Ethelekisa ezi ziphumo, le ngcali inika ingqwalasela kwinkqubo yesintaksi neleleksikali. Nasekubeni ingezizo zodwa ezifumanekayo kwisishwankathelo sakhe, kuyaqapheleka ukuba zine iinkqubo zesintaksi ezikholisa ukuxhaphaka kuwo omabini la mazwe. Kananjalo, kufumaniseke ukuba le nkqubo inika ingxelo yeepesenti eziyi 86.2% e-Amerika, ukuze zibeyi 78% eNew Zealand ngokunxulumene nengqokelela ebandakanya ukusetyenziswa kwezincomo. Le mizekelo ingezantsi icacisa isisikhokelo:

| | Ifomula yesintaksi | NZ | % | USA | % |
|----|---|-----------|-------------|------------|-------------|
| 1. | a) <i>NP BE (INT) ADJ</i> b) <i>BE LOOKing</i> e.g. <i>Your hair is really great</i> <i>You 're looking terrific</i> | | 41 | | 53 |
| 2. | <i>I (INT) LIKE NP</i> e.g. <i>I simply love that skirt</i> | | 15 | | 16 |
| 3. | a) <i>PRO BE a (INT) ADJ NP</i> e.g. <i>That 's a very nice coat, or</i> | | 13.0 | | 14.9 |
| | b) <i>PRO BE (INT) (a) ADJ NP</i> e.g. <i>That 's really great juice</i> | | " | | " |
| 4. | <i>(INT) ADJ)(NP)</i> e.g. <i>Really cool ear-ring</i> | | 7.7 | | 1.6 |
| | | | 78.0 | | 86.2 |

Isigaba sentetho esixhibe ukuveza imo evumayo nesixhaphakileyo kwesi senzo sentetho sesincomo sisiphawuli. Kwiziphumo zophando, kuyaqapheleka ukuba i-65% yamagama

asetyenzisiweyo kwizincomo eziqokelelwe eNew Zealand ziziphawuli, noko kunjalo inani ingqokelela ephelileyo yeepesenti zeziphawuli ngu86%. Ukanti uHolmes (1986) uphawula ngelithi iziphawuli ezithile ziye zabalasela ngokuxhaphaka. Imizekelo:

Good, lovely, beautiful, great, nice, no neat.

Olu luvo, uhambisa athi, luyangqinwa ngu Wolfson (1984) ngengqokelela yeepesenti eziyi 80% zase-Amerika. Ezi ziphumo nazo zibonakalise ukuxhomekeka kwiziphawuli ukuze zidulise imizwa evumayo. Imizekelo athetha ngayo yile:

Nice, good, beautiful, pretty and great.

Ukanti amanye amagama athi abalulwe ngokuba lulutho kwisincomo zezi zenzi zilandelayo:

Love, like, enjoy, admire, and be impressed.

Kwakhona, okunika umdla kule ngxelo kukuthabatha indawo ephezulu nokuxhaphaka kwezenzi, u *like* no *love*. Kuyaqapheleka kananjalo ukuba iNew Zealand inkqenqweza phambili ngeepesenti eziyi 90% xa iqhathaniswa ne-Amerika (86%) kwesi sigaba sentetho.

Holmes 1988

Kule ngxelo yophando, uHolmes (1988) uthlekisa amabhinqa namaduna ngokunika ingqwalasela yeenkqubo zesintaksi ezikholwa ngala maqela ngokwahlukeneyo. Okokuqala, ngokwale tafile iqulunqiweyo, iselubala into yokuba amaduna namabhinqa asebenzisa iifomula ezifanayo. Okwesibini, iinkqubo zesintaksi zamaduna namabhinqa zingumfanekiso okhutshelweyo. Okwesithathu, inkqubo yokuqala ekhankanyiweyo, ngokwengxelo yeziphumo zophando zaseNew Zealand, ibonakala njengeyona ephantse isetyenziswe emhlabeni uphela kulwimi olusisiNgesi, nto leyo engakhathalelanga sini nalwimi langingqi. Le nkcaza ingezanzi ilulutho.

| | Ifomula yesintaksi | Amabhinqa % | Amaduna % |
|----|---|--------------------|------------------|
| 1. | a) NP BE (INT) ADJ b) BE LOOKing e.g. <i>That coat is really great</i> <i>You 're looking terrific</i> | 42.1 | 40 |
| 2. | I (INT) LIKE NP e.g. <i>I simply love that skirt.</i> | 17.8 | 13.1 |
| 3. | a) PRO BE a (INT) ADJ NP e.g. <i>That 's a very nice coat. or</i> | 11.4 | 15.6 |
| | b) PRO BE (INT) (a) ADJ NP e.g. <i>That 's really great juice</i> | " | " |
| 4. | What (a) (ADJ) NP! e.g. <i>What lovely children!</i> | 7.8 | 1.25 |
| 5. | (INT) ADJ (NP) e.g. <i>Really cool ear-rings</i> | 5.1 | 11.8 |
| 6. | Isn't NP ADJ! e.g. <i>Isn't this food wonderful!</i> | 1.5 | 0.6 |
| | | 85.7 | 82.4 |

Enye ingcamango evelayo kwesi sisifundo yeyokuba amabhinqa akholisa ukusebenzisa le fomula yesine (4), umz. (*What a neat blouse*) xeshikweni abo bangamaduna begxininisa kule fomula yesihlanu (5), umz. (*Great shoes*). UHolmes (1988) uyabuveza ubucukubhede bale yantlukwano obubandakanya inkqubo yobuciko bentetho, ithoni, ulandelelwano magama logxininiso njalo-njalo, nto leyo echaphazela abo babhinqileyo kananjalo nokuncitshiswa kwenkqubo yesintaksi ukuya kwelona qondo lakhe lalincinci nto leyo ebandakanya amaduna. Kule yantlukwano kubalulekile ukuba kukhankanywe

ukungabikho kwezincomo ezivela kumaduna, zijoliswe kuwo kule fomula yesine (4) njengeline lamanqaku akhokhelela kumahluko phakathi kwala maqela.

Kule ngqokelela (Holmes, 1988), amaduna akholisa ukunciphisa amandla esi senzo sentetho ngokutyumba ifomula yesintaksi ethile, xeshikweni amabhinqa esebenzisa amandla kolu tyumbo. UHolmes, oku ukubona ingomnye woonozala bale yantlukwano. Angacatshulwa esithi:

" It is worth noting that these preferences are consistent with the view that women perceive compliments as unambiguously positively affective acts while men perhaps feel more ambivalent about using them" (1988: 454)

Ylanne-McEwen (1993)

Kuphando luka Ylanne-McEwen olunxulumene nezincomo, ingqwalasela inikwa kumaqela amathathu kananjalo neelwimi azithethayo. Elinye inqaku eligxininiswa zezi ziphumo bubufomula bezincomo. Kolu hlalutyo, le ngcali iqulunqe uthelekiso lweetafile ezibandakanya ezi lwimi kananjalo nala maqela.

| Itafile 1, iqela 1 (IsiNgesi sase Britane) | Ukuxhaphaka | %(N =73) |
|---|--------------------|-----------------|
| <i>I NP is /looks (really) ADJ</i> e.g. <i>your room is very tidy</i> | 26 | 36% |
| <i>II e.g. I (really) like /love NP</i> | 14 | 19% |
| <i>III PRO is /looks (a) (really) ADJ NP</i> e.g. <i>that's a nice briefcase</i> | 11 | 15% |
| <i>IV You (have) (got) (a) ADJ NP</i> e.g. <i>You 've got a good tan</i> | 5 | 7% |
| <i>V You are looking really ADJ (ADV)</i> e.g. <i>you 're looking very well</i> | 5 | 7% |
| <i>VI PRO (really) suits you</i> e.g. <i>it suits you</i> | 3 | 4% |

| | | | |
|--|---|----|-----|
| VII | <i>What (a) ADJ NP (NP) (V)</i> e.g. <i>what a lovely suntan you have</i> | 2 | 3% |
| | <i>Others</i> e.g. <i>the furniture makes lovely</i> <i>you 're doing really well in this course</i> | 7 | 10% |
| Itafile 2, Iqela 2 (IsiFinishi) | | | |
| | <i>NP on /nayttaa (tosi) ADJ</i> <i>NP is /looks (really) (ADV) ADJ</i> e.g. <i>saa oot tosiruskee</i> | 22 | 27% |
| II | <i>Sinulla /teilla /NP on (tosi) ADJ NP</i> <i>You (T)/You (V) NP have (really) ADJ NP</i> e.g. <i>sulla on hyvannakonen salkku</i> | 22 | 27% |
| III | <i>(tosi) ADJ (NP)</i> <i>(really) ADJ (NP)</i> e.g. <i>ihana uusi laukku</i> | 16 | 20% |
| IV | <i>PRO on (tosi) ADJ NP</i> <i>(PRO) is (really) ADJ NP</i> e.g. <i>naai on todella V (ADV)</i> | 7 | 9% |
| V | <i>Sina olet tosiaan/todella V (ADV)</i> <i>You aux (really) V (ADJ)</i> e.g. <i>sa oot tosiaan laihtunut paljon</i> | 4 | 5% |
| | <i>Others</i> e.g. <i>nama hounekalut todella sopivat asuntoosi</i> | 11 | 13% |

Itafile 3, Iqela 3 (Abafundi besiNgesi abalwimi lusisiFinishi)

| | | | |
|-----|---|----|-----|
| I | <i>NP is /looks (really) ADJ</i> e.g. <i>your shoes are very nice</i> | 15 | 39% |
| II | <i>You (have) (got) (a) (ADJ) (NP)</i> e.g. <i>You 've got lovely suntan</i> | 14 | 37% |
| III | <i>I (really) like/love NP</i> e.g. <i>I love your new furniture</i> | 3 | 8% |
| IV | <i>Others</i> e.g. <i>you 've lost so much weight since we last met</i> | 6 | 16% |

Kangangeepesenti eziyi70% zezincomo eziqulwathwe yile ngqokelela ziwela kwenye yeenkqubo zesintaksi (kwezi zikhankanyiweyo, I, II, III) kwitafile yokuqala. Enika ingxelo yezinye iingcali (Wolfson noManes, 1981; Wolfson, 1983, 1986), uYlanne-McEwen (1993) uthi ezi nkqubo zikhankanyiweyo zidandalazisa iipesenti eziyi 85% zezincomo. Ukanti izincomo ezivela kubantu nakulwimi lwesiFinishi, ziwela (74%) phakathi kwenye yezi nkqubo zintathu zikhankanyiweyo. Ukuze iqela lesithathu elibandakanya abafundi besiNgesi abalwimi lusisiFinishi liwele kwenye yezi nkqubo zintathu ngeepesenti eziyi 84%. Kuyaqapheleka kananjalo, kwesi sifundo, ukuba izincomo ezivela kwisiNgesi nakwisi Finishi, zisebenzisa iziphawuli eziqingqiweyo. Umzekelo, kwisiNgesi kuphawuleka le mizekelo, *nice, lovely, no good*. Ukuze kwisiFinishi, kuxhaphake u *lovely no nice*, nto leyo equka iipesenti eziyi 51% zeziphawuli ezisetyenzisiweyo kwizincomo kolu lwimi (Ylanne-McEwen, 1993).

4.4 IWONGA LABANCOMI NABANCONYWA**Holmes (1986)**

Le ngxelo iphawula ngezincomo eziphakathi kwabo bangabalingane ngewonga, nto leyo uHolmes (1986) ayibalula njengexhaphakileyo nethathe unyawo kwesi sifundo. Le ngcali iqulunqe itafile yolwabiwo yothelekiso lwezincomo, ngolu hlobo:

| Relative Status | No | % |
|--------------------------------------|------------|--------------|
| <i>Recipient is higher in status</i> | 58 | 11.2 |
| <i>Recipient is equal in status</i> | 409 | 79.1 |
| <i>Recipient is lower in status</i> | 50 | 9.7 |
| TOTALS | 517 | 100.0 |

Njengokuba namanani engqina, izincomo phakathi kwabo bangabalingane ngewonga zitshatshela ngokuxhaphaka (79%) kwingqokelela eyenziwe eNew Zealand. Xa ehlabela mgama uHolmes uthi ezi ziphumo zophando zifumana inkxaso kuphando olwenziwe ngu Wolfson e-Amerika. Kolu hlaluty kuyaqapheleka ukuba ezijoliswe kwabo baphezulu nakwawbo bangezantsi ngewonga azibonisi yantlukwano ekunikezeleni kwazo, nto leyo ingumahluko kwiziphumo zophando lwase-aMerika, ngokuthi uthotho lwezincomo phantsi kweli nqanaba zivele kulowo uphezulu ngewonga (Wolfson, 1983b). Okunye okunika umdla kolu hlaluty yindlela yefuthe lobuqhetseba engunozala wezincomo ezivela kongezantsi zijoliswe kulowo uphezulu ngewonga ngeenjongo zokuzuza okuthile.

Okunye okuqaphelekayo kwesi sifundo yindawo nemeko apho uncomo lwenzeka khona. Apha uHolmes (1986) usininika inqaku lokuba iindawo neemeko ezithile ziyahambelana nenkqubo ethile yoncomo. Singazekelisa ngemeko yesikolo, esikolweni izincomo zijoliswe ngutitshala kubantwana apho ezisebenzisa ukubakhuthaza kwimizamo yabo, ngamanye amagama zinyanzelekile ukuba zikholise ukujoliswa ngongentla kwabo bangezantsi.

Enye ingcamango evelayo ebalulekileyo, kwiziphumo zaseNew Zealand, yeyokuba izincomo ezibandakanya izihloko ezithile, njengobuchule nenkuthalo emsebenzini, ezijoliswe phezulu nasezantsi ngewonga (54%) zikholisa ukuqaqamba ngaphaya kwembonakalo (27%). Ukanti ezibandakanya imbonakalo (57%) phakathi kwabo bangabalingane ngewonga zikholisa ukuxhaphaka ngaphaya kobuchule nenkuthalo (25%). Xa kuthelekiswa neziphumo zase-Amerika, kuyaqapheleka ukuba izincomo ezijoliswe ngezantsi zikholisa ukubandakanya umsebenzi ndawonye nobuchule nenkuthalo, nto leyo ikhuphela ngaphandle imbonakalo nezinto ezibangwayo. Ukwaleka, izincomo eziquathe imbonakalo, ezijoliswe kwabo bangentla azixhaphakanga ngokweziphumo zophando (Holmes, 1986).

Holmes (1988)

Kolu hlalutyo le ngcali inika ingqwalasela yezincomo ezivela kwiyantlukwano ngesini esibandakanya abancomi nabanconywa. Olu lwabiwo lunika inkcazo ethe vetshe:

Itafile yolwabiwo lwezincomo ngokwesini newonga labo bathabatha inxaxheba:**Isini somncomi nomnconywa**

| Iwonga | <i>F-F</i> | <i>M-F</i> | <i>F-M</i> | <i>M-M</i> |
|--------------------------------------|---------------|-------------|--------------|--------------|
| <i>Recipient is higher in status</i> | 31 (12.5) | 17 (15) | 5 (6.3) | 4 (9) |
| <i>Recipient is equal in status</i> | 193 (77.8) | 84 (75) | 70 (87.5) | 34 (77.3) |
| <i>Recipient is lower in status</i> | 24 (9.7) | 11 (9.8) | 5 (6.2) | 6 (13.6) |
| <i>Total</i> | 248 | 112 | 80 | 44 |

Qaphela: lipesenti zikwizibiyeli

Iziphumo zophando zidulisa into yokuba amabhinqa aphezulu ngewonga akholisa ukunconywa ngokuphindaphindwe kabini ukodlula amaduna akweli nqanaba. Ngokwentelekelelo, kuyaqapheleka ukuba izincomo ezijoliswe kumabhinqa aphezulu ngewonga zifumana ukwamkelwa ngaphandle kwentandabuzo okanye izoyikiso nokuba zivela kumabhinqa okanye kumaduna, xeshikweni amaduna ebonwa njengelona qela lijolisa izincomo ngakumbi kumabhinqa aphezulu ngewonga. Ukanti amaduna aphezulu ngewonga abonwa njengeqela eliyingozi nelinentandabuzo ukujolisa izincomo kulo. Oku kudandalaziswa ngamaduna namabhinqa ngaxesha linye (Holmes, 1988).

Xa ehlabela mgama, uHolmes uphawula ngokunxulumana kwezihloko newonga, ndawonye nesini sabo bathabatha inxaxheba. Ukucacisa olu luvo, olu lwabiwo lungezantsi lubalulekile:

Itafile yolwabiwo lwezincomo ngewonga, isini sabo bathabatha inxaxheba kananjalo nezihloko:

isini somncomi nomnconywa

| Iwonga | <i>F-F</i> | <i>M-F</i> | <i>F-M</i> | <i>M-M</i> |
|--------------------------------------|-------------|-------------|-------------|-------------|
| | % | % | % | % |
| <i>Recipient is higher in status</i> | | | | |
| <i>Appearance</i> | 4.8 | 1.8 | - | 2.3 |
| <i>Possession</i> | 2.4 | 0.9 | 1.3 | 2.3 |
| <i>Skill</i> | 4.8 | 11.6 | 3.8 | 4.6 |
| <i>Recipient is equal in status</i> | | | | |
| <i>Appearance</i> | 50.4 | 45.5 | 40 | 31.8 |
| <i>Possession</i> | 8.9 | 0.9 | 8.8 | 22.7 |
| <i>Skill</i> | 12.9 | 23.2 | 27.5 | 15.9 |
| <i>Recipient is lower in status</i> | | | | |
| <i>Appearance</i> | 5.7 | - | - | 2.3 |
| <i>Possession</i> | 0.8 | - | 1.3 | - |
| <i>Skill</i> | 2.4 | 8.9 | 3.8 | 11.4 |
| Total | 86.5 | 92.8 | 93.1 | 93.3 |

La manani ayayingqina into yokuba izincomo ezibandakanya imbonakalo njengesihloko zikholisa ukuxhaphaka phakathi kwabo bangabalingane ngewonga, nto leyo engakhathalele sini. Kuyaqapheleka kananjalo ukuba izincomo ezibandakanya imbonakalo zikholisa ukulawula phakathi kwamabhinqa, nto leyo engakhathalele wonga. Okunika umdla kukuba, isini esifanayo sibonwa njengemeko evala isikhewu necima iyantlukwano yewonga kumabhinqa ngaphezulu kwabo bangamaduna. Izincomo zobuchule zona zikholisa ukuvela kwabo bahlukeneyo ngewonga, kanti nalapha isini sidlala le ndima ikhankanyiweyo. Ukuxhaphaka kwezincomo zobuchule ezivela kumaduna aphezulu ngewonga, zijoliswe kumaduna namabhinqa sesinye sesenzeko esibalulekileyo ngokolu lwabiwo lungentla (Holmes, 1988).

Wolfson (1988)

Le ngcali izingca ngeziphumo zophando lwayo lwethiyori yodumo. Le thiyori iqulathe umahluko obalulekileyo nobanzi kakhulu, ofumaneka nosetyenziswa ngabo bakumgangatho ophakathi wempucuko kwelase-Amerika. Le yantlukwano, kwelinye icala, ibandakanya izithandani, abangalinganiyo ngewonga, nabangazani ncam. Ukuze kwelinye icala iqwalasele abangathandaniyo, abahlobo abalinganayo ngewonga, abo baqheleneyo, nabalingane emsebenzini. Elinye lamanqaku avelayo lelokuba, umz. eli qela likhankanywe ekuqaleni yintoni elihlanganisayo nefanayo kulo, engekho kwele lesibini?. Enika inkcazelo ethe vetshe, angacatshulwa esithi:

"...the more status and social distance are seen as fixed, the easier it is for speakers to know what to expect of one another. In a complex urban society in which speakers may belong to a variety of non-overlapping networks, relationships among speakers are often uncertain. On the other hand, these relationships are dynamic and open to negotiation". Wolfson (1988: 33)

Ehlabela mgama, le ngcali iyayiphawula into yokuba izincomo ezixhibe inkuthalo emsebenzini zibaluleke kakhulu kubudlelwane obuphakathi komqeshi nomqeshwa okanye utitshala nomfundi. Ukanti apho izincomo ziqulathe imbonakalo, isini sesona sikhokhelo singundoqo esiqabela sigqumelele iwonga phantse kuzo zonke iimeko. NgokukaWolfson, inqaku elibalulekileyo kwesi sifundo lelokuba, zonke izincomo, akukhathalisekanga nokuba kuphantsi kwesiphi isihloko okanye imeko, uthotho okanye uninzi lwazo luvela phakathi kwabo balinganayo ngewonga (Wolfson, 1988).

4.5 ISINI SABANCOMI NABANCONYWA**Holmes (1988)**

Okuselubala nokuqaphelekayo kwesi sifundo, ngokukaHolmes, kukuba amabhinqa ngawona ancoma nanconywa kakhulu ukodlula amaduna. Le tafile ingezantsi ilulutho:

Izincomo ngokwesini sabo bathabatha inxaxheba:

| Compliment- Recipient | Number | % |
|------------------------------|---------------|----------|
| <i>Female-Female (F-F)</i> | 248 | 51.1 |
| <i>Female-Male (F-M)</i> | 80 | 16.5 |
| <i>Male-Female (M-F)</i> | 112 | 23.1 |
| <i>Male-Male (M-M)</i> | 44 | 9 |
| <i>Total</i> | 484 | 100 |

Kolu hlaluty, amabhinqa anikezela ngezincomo eziyi 67.7% ngokweepesenti, ukuze bona bazuze izincomo eziyi74% ngokweepesenti. Kuyaqapheleka kananjalo ukuba izincomo phakathi kwamaduna zikholisa ukunqongophala (9%), eli nani liphinde libe ngaphantsi xa lithlekiswa nezincomo ezijoliswe ngamabhinqa kumaduna (25.5%). Xa ehlabela mgama, uHolmes unika ingqwalasela kwizincomo ezibandakanya isini sabo bathabatha inxaxheba nabo bangabaphandi. Le tafile ingezantsi inika isikhokhelo:

Isini ngokwesini sabo bathabatha inxaxheba nabaphandi:

| Compliment-Recipient | Sex of reseacher | | | |
|-----------------------------|-------------------------|----------------------|---------------|-----------------------|
| | Number | Average | Number | Average |
| | | per reseacher | | per researcher |
| | | <i>F (N=23)</i> | | <i>M (N=2)</i> |
| <i>Female-Female (F-F)</i> | 247 | 10.7 | 1 | 0.5 |
| <i>Female-Male (F-M)</i> | 71 | 3.1 | 9 | 4.5 |
| <i>Male-Female (M-F)</i> | 94 | 4.1 | 18 | 9 |
| <i>Male-male (M-M)</i> | 32 | 1.4 | 12 | 6 |
| <i>Total</i> | 444 | | 40 | |

Inqaku eliqaphelekayo nelibalulekileyo apha lelokuba, nasekubeni kungekho bungqina bupheleleyo, inani lezincomo elivela kwabo bangamabhinqa likholisa ukuba ngentla xa umphandi ilibhinqa. Ukanti inani lezincomo phakathi kumaduna likholisa ukuba ngentla xa umphandi iliduna.

Xa equkumbela olu hlaluty, uHolmes ubuza umbuzo obalulekileyo nonika umdla kakhulu:

"...why people don't compliment men as often as they do women" (1988: 452)

Kungathelekelelwa ngelithi izincomo zidandalazisa ukwamkeleka ekuhlaleni, kulindelekile ke ngoko ukuba zijoliswe kongezantsi njengesixhobo sokuqhelanisa nokwakha ukuzithemba kwabo bamo ibuthathaka. Amabhinqa ngokolu luvo, abonwa njengabo bangezantsi ngewonga ekuhlaleni. Kungenxa yeso sizathu esibangele ukuba bakholise ukufumana izincomo ukodlula amaduna. Ukanti ukuba amaduna athabatha izincomo njengezenzo ezoyikisa ubuso, ezibahlazayo nezingabaphathi kakuhle xa zijoliswe kubo, akumangalisi bani ukuba eli qela lingafumani zincomo zingako (Holmes, 1988).

Herbert (1990)

Kwesi sifundo, le ngcali inika ingqwalasela kwizincomo ngokwezenzo ezingqalene nomntu, le meko ivezwa ngokomntu wokuqala, wesibini, nowesithathu (enqeyeyomntu). (*1st, 2nd or 3rd, i.e., impersonal*)

Le mizekelo icacisa ngakumbi:

1st: I like your hair that way.

2nd: Your hair looks good short.

3rd: Nice haircut.

Okunika umdla kolu hlaluty, ngokukaHerbert, kukuba amabhinqa akholisa ukusebenzisa izincomo ezingqalene nomntu ukodlula amaduna. Ukuze amaduna abalulwe ngezincomo ezingangqalanga namntu. Le tafile ingezantsi ilulutho:

Izincomo ezingqalene nomntu ngokwesini sabanxibelelani:

| | <i>1st person</i> | <i>2nd person</i> | <i>3rd person</i> | <i>Total</i> |
|--------------|------------------------------|------------------------------|------------------------------|--------------|
| <i>M-M</i> | 35 | 37 | 156 | 228 |
| <i>M-F</i> | 51 | 73 | 134 | 258 |
| <i>F-F</i> | 152 | 120 | 58 | 330 |
| <i>F-M</i> | 111 | 79 | 56 | 246 |
| <i>Total</i> | 349 | 309 | 404 | 1,062 |

Iziphumo zophando zibonisa ukuba, kangangeepesenti eziyi60% zezincomo zamaduna azingqalanga mntu xa zithelekiswa neepesenti eziyi 20% zezincomo zamabhinqa. Okunye okubalulekilyo kolu hlaluty o sisini somncomi nomnconywa. Okokuqala, izincomo ezingqalene nomntu, akukhathalisekanga nokuba isini somnconywa sithini na, zixhaphakile phakathi kwamabhinqa. Ukanti olu hlobo lwezincomo lunqongophele phakathi kwamaduna ingakumbi xa lujoliswe kumaduna. Ukuze izincomo ezingqale umntu wesibini zikholise ukavela kumabhinqa, zijoliswe kumaduna, naxa zijoliswe ngamaduna kumabhinqa. Ukanti zikholisa ukunqongophala xa zivela kumaduna zijoliswe kwamanye amaduna. Kweli qela lokugqibela kukhankanywa ukuxhaphaka kwezincomo ezingangqalanga mntwini okanye ezibandakanya umntu wesithathu (Herbert, 1990).

Ehlabela mgama, le ngcali ikhankanya umahluko ovelayo xa kusetyenziswa izincomo ezingqalene nomntu, njengezi:

I love X no I like X

Olu thelekiso lucacisa ngakumbi:

| | | | |
|---|----|----|-------------------------|
| <i>M-M</i> | 28 | - | (<i>M-M total</i> 228) |
| <i>M-F</i> | 41 | - | (<i>M-F total</i> 258) |
| <i>F-F</i> | 94 | 47 | (<i>F-F total</i> 330) |
| <i>F-M</i> | 89 | 16 | (<i>F-M total</i> 246) |
| <i>(n = 315; 90.3% of 1st person compliment)</i> | | | |

Kuyaqapheleka ukuba ezi fomula zithabathe indawo engangeepesenti eziyi90% yezincomo ezingqalene nomntu. Kananjalo, le fomula ikhankanywe ekuqaleni (I love X) yoyanyaniswa ikakhulu namabhinqa ingakumbi intetho ebandakanya wona kuphela. (Female-Female), ukodlula unxibelelwano lwamabhinqa namaduna (Female-Male) (Herbert, 1990).

Equkumbela olu luvo, uHerbert ukhankanya iyantlukwano ethi ibonakale kwiimpedulo zezincomo phakathi kwamaduna namabhinqa. Kule yantlukwano, nangona singaniki nkcukacha, kuyabonakala ukuba isini salowo uncomayo sesona sikhokhelo sokuthekelela ukwamkelwa nokungamkelwa kwesincomo. Umz. phantsi kweemeko ezithile izincomo

ezinikezelwa ngamaduna zikholisa ukwamkeleka ukodlula ezo zivela kumabhinqa. Kululutho ukumcaphula:

"...there is an important difference in the likelihood of compliment acceptance that depends most directly on the sex of the person offering the compliment. Compliments from females will most likely not be accepted, whereas compliments from male will, especially by female recipients". (1990: 217)

4.6 ISISHWANKATHELO

Ngophononongo lwezimvo zeengcali ezahlukeneyo, esi sahluko sinika ingqwalasela kwimisebenzi yezincomo. Iingcamango eziphambili ezivela kuninzi lwezi ngcali zezokuba esi senzo sentetho sizibalula ngokuyila nokugcina umanyano phakathi kwabo bathabatha inxaxheba. Nasekubeni ikhona eminye imisebenzi enjengokuthatha indawo yezinye iifomula umz. imibuliso, isincomo sibalulwa kakhulu ekuvuseleleni imizwa evumayo kulowo sijoliswe kuye.

Kumbandela weleksikali nolwakhiwo, esi sahluko sidandalazisa iziphumo zophando ezivelisa, okokuqala, uthotho lwezigaba zentetho, okwesibini, inkqubo yolwakhiwo elandelwa sesi sigaba sentetho. Iziphawuli ezibalaseleyo ngokunkqenqeza phambili ngobuninzi kwizincomo, izenzi, izibizo, izigxininisi, zonke ezi zigaba zentetho zifumana ingqwalasela. Ezi ngcali ziyavumelana ngamxhel'umnye ngencamango ethi izincomo zizifomula. Obu bufomula kananjalo neliksikali zithi zithelekiswe kukhangelwa umahluko ongaba ukhona, ngokuqwalasela ulwimi olunye, olwahluke ngokweengingqi, kananjalo nolwimi olusetyenziswa ngamaduna namabhinqa ngokwahlukileyo.

Kwakwesi sahluko, uthelekiso lwezincomo phakathi kwabo bathabatha inxaxheba ngokulawulwa liwonga nesini lolunye uluvo oluthathelwa ingqalelo. Umz. uthelekiso lokunikezelwa kwezincomo phakathi kwabo balinganayo, kwabo bangezantsi nakwabo bangentla, amabhinqa namaduna, isini sabaphandi, izihloko ezikholisa ukubandakanyeka ukodlula ezinye ngokulandelelana kwazo, yonke le yimibandela ethi iphicothwe ngobunono kwesi sahluko.

ISAHLUKO 5

UHLALUTYO LWEZINCOMO NEEMPENDULO ZAZO KWISIXHOSA

5.1 INJONGO

Injongo yesi sahluko kukuzama ukufumanisa umahluko ongaba ukhona kwizincomo zamaduna namabhinqa. Ukuphumeza oku, kwenziwe ingqokelela yezincomo kumaduna nakumabhinqa ngokusebenzisa amaphepha emibuzo, apho kuthe kwabandakanywa iimeko zezincomo ezithile njengesiseko zesincomo ezizezi; imbonakalo, ubuchule nezinto ezibangwayo kananjalo namagatya oyamileyo kwezi ndidi. Ezi zincomo ziyakuthi zihlalutywe ngokuqwalasela umthamo kananjalo nefomula yazo ethi ibonakale kuzo. Okokugqibela, izinto ezikhankanyiweyo njengezinconywayo ziyakuthi zihlalutywe nazo.

5.2 IIMEKO ZESINCOMO NAMAGATYA OYAMILEYO

Le nkcazo ingezantsi izama ukubonisa iimeko okanye izihlokwana ezithe zasisikhokelo ekuqulunqeni ingqokelelela yezincomo ethi ihlalutywe kwesi sifundo. Kuyaqhaphaleka kwakhona ukuba ukho umahluko, apha naphaya, kula magatya okanye ezi zihlokwana onxulumene nezincomo ezijoliswe kula maqela, amaduna namabhinqa, ngokwahlukeneyo.

| | | |
|------------|----------------------------|------------------------------|
| Imbonakalo | a) Ezibhekiselele kumaduna | b) Ezibhekiselele kumabhinqa |
| | 1.1 Ukuphuma esibhedlele | 1.1 Isinxibo |
| | 1.2 Iinwele | 1.2 Isinxibo sesintu |
| | 1.3 Isinxibo | 1.3 Iinwele |

Nasekubeni ezinye izihlokwana zithande ukuyelelana phantsi kwembonakalo, umz. (iinwele-kumaduna). Xa kuphunywa ecaweni, iqela lolutsha libonakala lithabathekile luhlobo ezichetywe ngalo iinwele zomnye umfana okwaphakathi kwabo. Olu hlobo aluqhelekanga kweli qela, kodwa uthi ndijonge kuba mhle, nto leyo enika umdla ngakumbi kubo. Ukanti (iinwele-kumabhinqa), intombazana ilungise iinwele zayo. Isendleleni ebheka kukhuphiswano loonobuhle. Le nzwakazi izichongele uhlobo lwenene oluva yona lokuzenza mhle. Isendleleni njalo, idibana nomhlobokazi wayo ongakhange akwazi ukuzibamba bubuhle bezi nwele.

Xa siqwalasela ngakumbi, sifumana umahluko kwezi zihlokwana zilandelayo kula maqela omabini; (ukuphuma esibhedlele-kumaduna), Indoda izokubonwa ngabahlobo bayo emva kokuphuma esibhedlele. Lo mfo ebekhe wagula iintsukwana, ebonakala ehlike nasemzimbeni. Emva konyango lukagqirha, ubonakala echachile ngokwasempilweni, ebukeya, kwaye ebuyisile nasemzimbeni. Ukanti, (isinxibo sesintu-kumabhinqa) inkosikazi isemsithweni wenkcubeko. Wonke umntu oze kweli theko lokuvulwa kwe 'Art Gallery' unxibe imibhaco eqaqambileyo nemihle ngeyona ndlela. Kodwa le nkosikazi ithanda ukugqwesa ngesinxibo sayo sesintu esihle.

| | | |
|----------|-----------------------------|-------------------------------|
| Ubuchule | 2.1 Umsebenzi omtsha | 2.1 Ukonyulwa |
| | 2.2 Ukunyuselwa emsebenzini | 2.2 Ukupheka |
| | 2.3 Ubuchule kwezemidlalo | 2.3 Ukuphucula ikhaya |
| | 2.4 Ukosa | 2.4 Ubukrelekrele ezifundweni |
| | 2.5 Ukuqhuba | 2.5 Ukuqhuba |

Xa siqwalasela ubuchule, nalapha kuyaqapheleka ukuba kukho ukuyelelana. Umz. (ukuqhuba-kumaduna), indoda kuhola wendlela. Ecaleni kwayo kuhleli umhlobo wayo. Ngesaquphe kuthe thaphu iqhude liwela indlela lingaqaphelanga ukuba kukho imoto ezayo. Ngethamsanqa le ndoda ikwazile ukuphepha ngobuchule obungumangaliso ngaphandle kokothusa umhlobo wayo, ngokungathi yinto le ibilindelekile. Ukanti, (ukuqhuba-kumabhinqa) intombazana ikwindawo yokupaka imoto edolophini, le ntwazana izama ukupaka imoto ngendlela eyiyo ngokuthi ingene ngomva, nto leyo ethi iyenze ngempumelelo. Oogxa bayo ibingababoni ukuba bayibukele, bayiqhwabele izandla emva kwesi senzo.

Xa siqwalasela izihlokwana ezinomahluko singaphawula nje imizekelo eyile; (umsebenzi omtsha-kumaduna), ulutsha ludibana ebholeni, lukhumbuzana ngendlela umsebenzi osokoleka ngayo kule mihla siphila kuyo. Ukanti omnye phakathi kwabo usandul' ukuqeshwa ityeli lesithathu ingelothuba lide efumene isidanga. Uzidla ngobuchule bakhe bokukwazi ukwenza igalelo elililo kudliwano-ndlebe lomsebenzi. Ukanti, (ukuphucula ikhaya-kumabhinqa) Umfazi umi embindini wegumbi leendwendwe endlwini yakhe. Umama weli khaya ugqiba kufakela imifanekiso yokuhombisa eludongeni ngeenjongo zokwenza ukuba eli gumbi libukeke ngcono, libe nomtsalane. Nasekubeni singazi kunika ngxelo itheni, le mizekelo yobuchule ingentla idulisa umahluko ophume izandla ngokwezi zihlokwana zala maqela.

| | | |
|--------------------|-----------------------|-----------------------|
| Izinto ezibangwayo | 3.1 Imoto entsha | 3.1 Iimpahla ezintsha |
| | 3.2 Indlu entsha | 3.2 Izihlangu ezitsha |
| | 3.3 Izihlangu ezitsha | 3.3 Ifanitshala |

Kwizinto ezibangwayo, nalapha singakhankanya ukuyelelana kwesi sihlokwana; izihlangu ezintsha-kumaduna, apho inene liphuma ecaweni, linxibe izihlangu ezitsha ezinika umfaneleko ongumangaliso kwisinxibo salo. Kananjalo olu hlobo lwesihlangu lubizwa ngokuba yi 'Crocket and Jones', lulo olusefeshinini kwaye inene elisinxibileyo libonwa njengelo lilandelayo. Ukanti, izihlangu ezitsha-kumabhinqa, inenekazi liphuma ecaweni linxibe izihlangu ezinika umfaneleko ongumangaliso kwisinxibo salo. Kananjalo olu hlobo lwesihlangu lubizwa ngokuba yi 'Gino Poli', lulo olusefeshinini kwaye inenekazi elisinxibileyo libonwa njengelo lilandelayo.

Ukanti xa siqwalasela umahluko, singakhankanya imizekelo eyile; Indlu entsha-kumaduna, Abantu bancokola ngentsebenzo yabo. Enye indoda isandul' ukwandisa indlu yayo ngokufakela igumbi elinye. Lo mfo wakhe ngezi zitena zala maxesha zibiza kakhulu zibizwa ngokuba yi 'Face Brick' waza watyabeka ngee 'Ceramic Tiles'. Ukanti, (impahla ezintsha-kumabhinqa) umfazi uncediswa ngabantu kwigumbi lokulala, kuyapakishwa kwaye kubukwa izinto ezintsha. Omnye umntu uziva umdla wakhe uthabathekile bubuhle nokukhazimla kwezipili zomhlobokazi wakhe. Kuyacaca ke ngoko, ngokuqwalasela le mizekelo neminye ekunganikwanga nkcazo ngayo, ukuba ukhona umahluko ophume izandla kananjalo nokuyelelana kwiimeko ezibandakanya la maqela omabini.

5.3 AMAPHEPHA EMIBUZO

Ezi meko zezincomo kananjalo namagatya oyamileyo ziqulathwe kwiphepha lemibuzo apho oobani bathe banikwe iimeko emabaphendule kuzo ngokunika izincomo, ukuze umnconywa aphenndule. La maphepha emibuzo esi sifundo agcwaliswe ngabefundisi-ntsapho besikolo esiphakamileyo saseKhayamandi eStellenbosch, xeshikweni besempangelweni.

5.3.1 Iphepha lemibuzo elibhekiselele kumaduna:

1. Imbonakalo/*Appearance*

1.1 Ukuphuma esibhedlele

Indoda izokubonwa ngabahlobo bayo emva kokuphuma esibhedlele. Lo mfo ebekhe wagula iintsukwana, ebonakala ehlile nasemzimbeni.. Emva konyango lukagqirha, ubonakala echachile ngokwasempilweni, ebukeka kwaye ebuyisile nasemzimbeni.

Isincomo/Compliment: Ncoma umhlobo wakho ngempilo entle: ...

Impendulo/Response: Umhlobo wakho uyaphendula: ...

1.2 Iinwele

Xa kuphunywa ecaweni, iqela lolutsha libonakala lithabathekile luhlobo ezichetywe ngalo iinwele zomnye umfana okwaphakathi kwabo. olu hlobo aluqhelekanga kweli qela, kodwa uthi ndijonge kuba mhle, nto leyo enika umdla ngakumbi kubo.

Isincomo/Compliment: Ncoma umhlobo wakho ngenwele zakhe: ...

Impendulo/Response: Umhlobo wakho uyaphendula: ...

1.3 Isinxibo

Inene linoxibe isuti esikwe ngendlela engaqhelekanga, emnyama ngebala kwanehempe emhlophe qhwa. Lo mfo ugaxele kuba esiya kudliwano ndlebe lomsebenzi. Onjani wona umfaneleko kulo msiko. Obukeleyo ebenokuthi lo mfo sele ewufumene lo msebenzi.

Isincomo/Compliment: Ncoma umhlobo wakho ngesi sinxibo: ...

Impendulo/Response: Umhlobo wakho uyaphendula: ...

2. Ubuchule/*Ability*

2.1 Umsebenzi omtsha

Ulutsha ludibana ebholeni, lukhumbuzana ngendlela umsebenzi osokoleka ngayo kule mihla siphila kuyo. Ukanti omnye phakathi kwabo usandul' ukuqeshwa ityeli lesithathu ingelothuba lide efumene isidanga. Uzidla ngobuchule bakhe bokukwazi ukwenza igalelo elililo kudliwano-ndlebe lomsebenzi.

Isincomo/Compliment: Ncoma umhlobo wakho ngobuchule bokuthetha ekuzuzeni umsebenzi omtsha: ...

Impendulo/Response: Umhlobo wakho uyaphendula: ...

2.2 Ukunyuselwa emsebenzini

Abahlobo badibana kwigumbi lokutyela emsebenzini emva kwesibhengezo sokonyuselwa kwelinye inene eliNtsundu ngenxa yemisebenzi yalo apha kule nkampani. Nkampani leyo ibifudula ilawulwa sisininzi sabantu abaMhlophe. Wonke ubani wonwabile ngenxa yale nkqubela phambili.

Isincomo/Compliment: Ncoma umhlobo wakho ngokunyuselwa emsebenzini: ...

Impendulo/Response: Umhlobo wakho uyaphendula: ...

2.3 Ubuchule kwezemidlalo

Kumdlalo weqakamba eNewlands phakathi kweqela lomZantsi Afrika neIndia, uMakhaya Ntini ungowokugqibela ukungena ebaleni kwisiqingatha sesibini somdlalo. Esinye sezikhulu zeqakamba esikwangumlandeli wakhe simbamba isandla sincoma kananjalo negalelo lakhe kwisiqingatha sokuqala salo mdlalo.

Isincomo/Compliment: Ncoma umhlobo wakho ngobuchule bokudlala iqakamba: ...

Impendulo/Response: Umhlobo wakho uyaphendula: ...

2.4 Ukosa

Emva kwesidlo sangokuhlwa, indoda ihleli nabahlobo bayo. Le ndoda izikhethele olu suku lokuzalwa komnye wabahlobo ukuba ibe lelona yosa ngalo inyama yenkukhu. Umfo lo asingomntu ukholwa ncam kukosa. Kodwa kuyo yonke loo nto, le nyama yakhe imuncisa iintupha namhlanje.

Isincomo/Compliment: Ncoma umhlobo wakho ngokosa inyama: ...

Impendulo/Response: Umhlobo wakho uyaphendula: ...

2.5 Ukuqhuba

Indoda iyaqhuba kuhola wendlela. Ecaleni kwayo kuhleli umhlobo wayo. Ngesaqophe kuthe thaphu iqhude liwela indlela lingaqaphelanga ukuba kukho imoto ezayo. Ngethamsanqa, le ndoda ikwazile ukuphepha ngobuchule obungummangaliso ngaphandle kokothusa umhlobo wayo, ngokungathi yinto le ibilindelekile.

Isincomo/Compliment: Ncoma umhlobo wakho ngobu buchule: ...

Impendulo/Response: Umhlobo wakho uyaphendula: ...

3. **Izinto ezibangwayo/Possessions**

3.1 Imoto entsha

Abantu badibana egaraji yokutha ipetroli. Kupholile, emva kokuba bekukhe kwatshisa, enye indoda ihamba ngezi moto zala maxesha zivulwa apha ngaphezulu. Onke amehlo akule moto ngenxa yobutsha nobuhle bayo.

Isincomo/Compliment: Ncoma le moto yale ndoda: ...

Impendulo/Response: Umhlobo wakho uyaphendula: ...

3.2 Indlu entsha

Abantu bancokola ngentsebenzo yabo. Enye indoda isandul' ukwandisa indlu yayo ngokufakela igumbi elinye. Lo mfo wakhe ngezi zitena zala maxesha zibiza kakhulu zibizwa ngokuba yi 'Face Brick' waza watyabeka ngee 'Ceramic Tiles'.

Isincomo/*Compliment*: Ncoma le ndoda ngale ndlu yayo: ...

Impendulo/*Response*: Indoda iyaphendula: ...

3.3 Izihlangu ezitsha

Inene liphuma ecaweni, linxibe izihlangu ezitsha ezinika umfaneleko ongummangaliso kwisinxibo salo. Kananjalo olu hlobo lwesihlangu lubizwa ngokuba yi 'Crocket and Jones', lulo olusefeshinini kwaye inene elisinxibileyo libonwa njengelo lilandelayo.

Isincomo/*Compliment*: Ncoma umhlobo wakho nge zihlangu zakhe: ...

Impendulo/*Response*: Umhlobo wakho uyaphendula: ...

5.3.2 **Iphepha lemibuzo elibhekiselele kumabhinqa**

1. **Imbonakalo/*Appearance***

1.1 Isinxibo

Inenekazi liya emtshatweni. Linxibe iimpahla ezintsha nezintle ngokungathi liyadlisela. Kangangendlela elinxibe ngayo kukhangeleka ngathi ligqwesile kuba onke amehlo akulo.

Isincomo/ *Compliment*: Ncoma umhlobokazi wakho ngendlela anxibe ngayo: ...

Impendulo/*Response*: Umhlobokazi wakho uyaphendula: ...

1.2 Isinxibo sesintu

Inkosikazi isemsithweni wenkcubeko. Wonke umntu oze kweli theko lokuvulwa kwe 'Art Gallery' unxibe imibhaco eqaqambileyo nemihle ngeyona ndlela kodwa le nkosikazi ithanda ukugqwesa ngesinxibo sayo sesintu esihle.

Isincomol/Compliment: Ncoma umhlobokazi wakho ngesinxibo sakhe: ...

Impendulo/Response: Umhlobokazi wakho uyaphendula: ...

1.3 Iinwele

Intombazana ilungise iinwele zayo. Isendleleni ebheka kukhuphiswano loonobuhle. Le nzwakazi izichongele uhlobo lwenene oluva yona lokuzenza mhle. Isendleleni njalo, idibana nomhlobokazi wayo ongakhange akwazi ukuzibamba bubuhle bezi nwele.

Isincomol/Compliment: Ncoma indlela ezenziwe ngayo iinwele zomhlobokazi wakho: ...

Impendulo/Response: Umhlobo wakho uyaphendula: ...

2. **Ubuchule/Ability**

2.1 Ukonyulwa

Kulonyulo lwekomiti entsha yesikolo, umama owayefudula engutitshalakazi omkhulu wesi sikolo, ngenxa yeempawu zakhe ezincomekayo zobunkokheli, uwelwa ngumqa esandleni ngokuthi onyulwe njengomongameli wale komiti. Le ngcamango ithakazelelwa ngumntu wonke.

Isincomol/Compliment: Ncoma umhlobokazi wakho ngokonyulwa kwakhe: ...

Impendulo/Response: Umhlobo wakho uyaphendula: ...

2.2 Ukupheka

Emva kwesidlo sangokuhlwa intombazana ihleli nabahlobo bayo. Le ntombazana izikhethele olu suku lokuzalwa komnye wabahlobo bayo ukuba ibe lelona ipheka ngalo

kamnandi. Usisi lo asingomntu ukholwa ncam ziimbiza, kodwa kuyo yonke loo nto upheke okumuncisa iintupha namhlanje.

Isincomo/Compliment: Ncoma umhlobokazi wakho ngesidlo sakhe: ...

Impendulo/Response: Umhlobokazi wakho uyaphendula: ...

2.3 Ukuphucula ikhaya

Umfazi umi embindini wegumbi leendwendwe endlwini yakhe. Umama weli khaya ugqiba kufakela imifanekiso yokuhombisa eludongeni ngeenjongo zokwenza ukuba eli gumbi libukeke ngcono, libe nomntsalane.

Isincomo/Compliment: Ncoma umhlobokazi wakho ngendlela ahombise ngayo eli gumbi:

...

Impendulo/Response: Umhlobokazi wakho uyaphendula: ...

2.4 Ubukrelekrele ezifundweni

Utitshala nabafundi egumbini lokufundela, kuphononongwa iziphumo zesiqingatha sonyaka. Utitshala uziva enochulumanco ngomsebenzi wakhe ngokuthi akhankanye uNomsa, omnye wabafundi oyintombazana, njengomnye ophume phambili ezifundweni.

Isincomo/Compliment: Ncoma lo mfundi ngale mpumelelo yakhe: ...

Impendulo/Response: Umfundi uyaphendula: ...

2.5 Ukuqhuba

Intombazana ikwindawo yokupaka imoto edolophini, le ntwazana izama ukupaka imoto ngendlela eyiyo ngokuthi ingene ngomva, nto leyo ethi iyenze ngempumelelo. Oogxa bayo ibingababoni ukuba bayibukele, bayiqhwabele izandla emva kwesi senzo.

Isincomo/Compliment: Ncoma umhlobokazi wakho ngobu buchule: ...

Impendulo/Response: Umhlobokazi wakho uphendula athi: ...

3. Izinto ezibangwayo/*Possessions*

3.1 Impahla ezintsha

Umfazi uncediswa ngabantu kwigumbi lokulala, kuyapakishwa kwaye kubukwa izinto ezintsha. Omnye umntu uziva umdla wakhe uthabathekile bubuhle nokukhazimla kwezipili zomhlobokazi wakhe.

Isincomo/Compliment: Ncoma umhlobokazi wakho ngezipili zakhe: ...

Impendulo/Response: Umhlobokazi wakho uyaphendula: ...

3.2 Izihlangu ezintsha

Inenekazi liphuma ecaweni linxibe izihlangu ezinika umfaneleko ongumangaliso kwisinxibo salo. Kananjalo olu hlobo lwesihlangu lubizwa ngokuba yi 'Gino Poli' lulo olusefeshinini kwaye inenekazi elisinxibileyo libonwa njengelo lilandelayo.

Isincomo/Compliment: Ncoma umhlobokazi wakho ngezihlangu zakhe: ...

Impendulo/Response: Umhlobokazi wakho uphendula athi: ...

3.3 Ifanitshala

Ummelwanekazi ufikelwe ziindwendwe ezamgqibela kudala. Ngezolo ebengeniselwe yivenkile yefanitshala umabonakude omtsha. Ezi ndwendwe zibuka ubukhulu nobuhle balo mabonakude, kananjalo ofumaneka ngexabiso eliphantsi.

Isincomo/Compliment: Ncoma umabonakude kammelwane wakho: ...

Impendulo/Response: Ummelwanekazi uphendula athi: ...

La maphepha emibuzo agcwaliswe ngabefundisi-ntsapho besikolo esiphakamileyo saseKayamandi, eStellenbosch.

5.4 UHLALUTYO LWEZINCOMO

Ezi zincomo zihlalutywa ngokoxibeelwano lwesuntswana oluqulathe iindidi ezahlukeneyo zezincomo:

- Indlela zokubiza kwizincomo.
- Ukubonisa nesikhuzo sothakazelelo xa kunconywa.
- Ukubonisa nesikhuzo somothuko kwizincomo.
- Izincomo ngokwazo nezandiso kuzo. Ezi ntlobo zilandelayo zithe zaqulunqwa kwizincomo;
- Izincomo ezibhekiselele emntwini.
- Izincomo ezibhekiselele entweni ebambekayo.
- Izincomo ezibhekiselele kwisiganeko.
- Izincomo ezibhekiselele kwisenzeko.

Zonke ezi zincomo zithi zihlanganiswe ekugqibeleni. Kuzo zonke ezi meko zingentla, ingqwalasela yezincomo ithe yanikwa kwimeko nganye kwizincomo ezivela kumabhinqa namaduna, zibhekiselele kananjalo kwabo banconywayo, babandakanya amaduna okanye amabhinqa.

5.4.1 Itafile 1: lindlela zokubiza ezivelayo kwizincomo

| Imeko | Indlela zokubiza kumaduna | | | Indlela zokubiza kumabhinqa | | | Imeko |
|-----------------------------|---------------------------|-----------|-----------|-----------------------------|-----------|-----------|-------------------------------|
| | m-m | w-m | lyonke | m-m | w-m | lyonke | |
| Imbonakalo | | | | | | | Imbonakalo |
| 1.1 Ukuphuma esibhedlele | 4 | 3 | 7 | 2 | 5 | 7 | 1.1 Isinxibo |
| 1.2 linwele | 6 | 3 | 9 | 2 | 4 | 6 | 1.2 Isinxibo sesintu |
| 1.3 Isinxibo | 3 | 3 | 6 | | 4 | 4 | 1.3 linwele |
| lyonke | 13 | 9 | 22 | 4 | 13 | 17 | lyonke |
| Ubuchule | | | | | | | Ubuchule |
| 2.1 Umsebenzi omtsha | 2 | 2 | 4 | 2 | 4 | 6 | 2.1 Ukonyulwa |
| 2.2 Ukunyuselwa emsebenzini | 3 | 2 | 5 | 1 | 5 | 6 | 2.2 Ukupheka |
| 2.3 Ubuchule kwezemidlalo | 2 | 5 | 7 | 2 | 2 | 4 | 2.3 Ukuphucula ikhaya |
| 2.4 Ukosa | 4 | 5 | 9 | 5 | 5 | 10 | 2.4 Ubukrelekrele ezifundweni |
| 2.5 Ukuqhuba | 4 | 4 | 8 | 2 | 5 | 7 | 2.5 Ukuqhuba |
| lyonke | 15 | 18 | 33 | 12 | 21 | 33 | lyonke |
| Ezibangwayo | | | | | | | Ezibangwayo |
| 3.1 Imoto entsha | 6 | 5 | 11 | 2 | 2 | 4 | 3.1 Iimpahla ezintsha |
| 3.2 Indlu entsha | 5 | 3 | 8 | 1 | 3 | 4 | 3.2 Izihlangu ezintsha |
| 3.3 Izihlangu ezintsha | 5 | 4 | 9 | 1 | 4 | 5 | 3.3 Ifanitshala |
| lyonke | 16 | 12 | 28 | 4 | 9 | 13 | lyonke |
| lyonke iphelele | 44 | 39 | 83 | 20 | 43 | 63 | lyonke iphelele |

| | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|-----|---|-----------------|-------------------|
| (i) | | | |
| | indlela zokubiza kwezi meko zontathu | 83 | 63 |
| | Indlela zokubiza kwezi meko zontathu ezivela kumaduna | 44 | 20 |
| | Ipesenti | 44/83 =53% | 20/63 =32% |
| | Indlela zokubiza kwezi meko zontathu ezivela kumabhinqa | 39 | 43 |
| | Ipesenti | 39/83 =47% | 43/63 =68% |

Ezi pesenti zidulisa iindlela zokubiza ezivela kumaduna kwezi meko zontathu. Kuyacaca ke ngoko ukuba amaduna akhokhela phambili (53%) ukodlula abo bangamabhinqa, ekwamkeleni iindlela zokubiza. Ukanti xa siqwalasela iindlela zokubiza ezivela kumabhinqa, sifumanisa ukuba amabhinqa ankqenqeza phambili (68%) ukodlula amaduna (47%) ekwamkeleni iindlela zokubiza.

| | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|------|--------------------------------|-----------------|-------------------|
| (ii) | | | |
| | indlela zokubiza Kwimbonakalo | 22 | 17 |
| | Ipesenti | 22/83 =26% | 17/63 =27% |
| | indlela zokubiza Kubuchule | 33 | 33 |
| | Ipesenti | 33/83 =40% | 33/63 =52% |
| | indlela zokubiza Kwezibangwayo | 28 | 13 |
| | Ipesenti | 28/83 =34% | 13/63 =21% |

Iipesenti zendlela zokubiza kwimbonakalo zibonisa ukungashiyani kuyaphi phakathi kwamaduna (26%) namabhinqa (27%). Ukuze kubuchule sifumane u40% ojoliswe kumaduna no52% ongqalene namabhinqa. Ukanti kwizinto ezibangwayo amaduna ahamba phambili ngo 34% ze alandelwe ngamabhinqa ngo21%.

| | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|-------|---|---------------|---------------|
| (iii) | Indlela zokubiza ezivela kumaduna Kwimbonakalo | 13 | 4 |
| | Ipesenti | 13/83 =30% | 4/63 =20% |
| | Indlela zokubiza ezivela kumaduna Kubuchule | 15 | 12 |
| | Ipesenti | 15/83 =34% | 12/63 =60% |
| | Indlela zokubiza ezivela kumaduna Kwezibangwayo | 16 | 4 |
| | Ipesenti | 16/83 =36% | 4/63 =20% |

Xa siqwalasela apha, sifumanisa ukuba iipesenti zendlela zokubiza zamaduna kwiimbonakalo ezibhekiselele kumaduna zihamba phambili ngo30% ukodlula u20% obhekiselele kumabhinqa. Kubuchule sifumanise ukuba amabhinqa abalasele (60%) ukodlula amaduna (34%), ukanti kwizinto ezibangwayo amaduna athi ankqenqenze phambili ngo36% esodlula amabhinqa (20%).

| | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|------|--|---------------|---------------|
| (iv) | lindlela zokubiza ezivela kumabhinqa Kwimbonakalo | 9 | 13 |
| | Ipesenti | 9/83 =23% | 13/63 =30% |
| | lindlela zokubiza ezivela kumabhinqa Kubuchule | 18 | 21 |
| | Ipesenti | 18/83 =46% | 21/63 =49% |
| | lindlela zokubiza ezivela kumabhinqa Kwezibangwayo | 12 | 9 |
| | Ipesenti | 12/83 =31% | 9/63 =21% |

Xa siqwalasela iipesenti zendlela zokubiza ezivela kumabhinqa ezijoliswe kumaduna namabhinqa ngokunjalo, sifumanisa ukuba imbonakalo iqulathe u23% wamaduna onganeno ku30% wamabhinqa. Kubuchule, amaduna (46%) awabonisi mahluko utheni kumabhinqa (49%), ukuze kwizinto ezibangwayo amaduna avele ngo 31% xa ethelekiswa no21% wamabhinqa.

5.4.2 Itafule 2: Ukubonakalisa nesikhuzo sothakazelo ezivela kwizincomo

| Imeko | Kumaduna | | | | | | Kumabhinqa | | | | | | Imeko |
|-----------------------------|----------------------|----------|-----------|----------------------------|----------|-----------|----------------------|-----------|-----------|----------------------------|-----------|-----------|-------------------------------|
| | Isikhuzo sothakazelo | | | Ukubonakalisa uthakazelelo | | | Isikhuzo sothakazelo | | | Ukubonakalisa uthakazelelo | | | |
| | m-m | w-m | lyonke | m-m | w-m | lyonke | m-m | w-m | lyonke | m-m | w-m | lyonke | |
| Kwimbonakalo | | | | | | | | | | | | | Imbonakalo |
| 1.1 Ukuphuma esibhedlele | | 1 | 1 | | | | 2 | | 2 | 2 | 3 | 5 | 1.1 Isinxibo |
| 1.2 linwele | 2 | | 2 | | 3 | 3 | | 1 | 1 | 1 | 1 | 2 | 1.2 Isinxibo sesintu |
| 1.3 Isinxibo | | | | 3 | 2 | 5 | 1 | 2 | 3 | | 3 | 3 | 1.3 linwele |
| lyonke | 2 | 1 | 3 | 3 | 5 | 8 | 3 | 3 | 6 | 3 | 7 | 10 | lyonke |
| Kubuchule | | | | | | | | | | | | | Ubuchule |
| 2.1 Umsebenzi omtsha | | | | 2 | 1 | 3 | | | | 2 | 1 | 3 | 2.1 Ukonyulwa |
| 2.2 Ukunyuselwa emsebenzini | 2 | | 2 | | 1 | 1 | 1 | 1 | 2 | 1 | 2 | 3 | 2.2 Ukupheka |
| 2.3 Ubuchule kwezemidlalo | 2 | 2 | 4 | 1 | 1 | 2 | | 2 | 2 | 3 | | 3 | 2.3 Ukuphucula ikhaya |
| 2.4 Ukosa | 1 | 1 | 2 | | | | | 2 | 2 | | | | 2.4 Ubukrelekrele ezifundweni |
| 2.5 Ukuqhuba | 1 | | 1 | 2 | | 2 | 2 | 2 | 4 | | | | 2.5 Ukuqhuba |
| lyonke | 6 | 3 | 9 | 5 | 3 | 8 | 3 | 7 | 10 | 6 | 3 | 9 | lyonke |
| Kwezibangwayo | | | | | | | | | | | | | Ezibangwayo |
| 3.1 Imoto entsha | 2 | | 2 | 2 | 1 | 3 | | 1 | 1 | | | | 3.1 Iimpahla ezintsha |
| 3.2 Indlu entsha | 1 | 2 | 3 | | | | | 2 | 2 | | | | 3.2 Izihlangu ezintsha |
| 3.3 Izihlangu ezintsha | 2 | | 2 | | | | 2 | 2 | 4 | 1 | 1 | 2 | 3.3 Ifanitshala |
| lyonke | 5 | 2 | 7 | 2 | 1 | 3 | 2 | 5 | 7 | 1 | 1 | 2 | lyonke |
| lyonke iphelele | 13 | 6 | 19 | 10 | 9 | 19 | 8 | 15 | 23 | 10 | 11 | 21 | lyonke iphelele |

| (i) | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|---|----------|---------------|---------------|
| Uthakazelelo kwezi meko zontathu | | 38 | 44 |
| Uthakazelelo kwezi meko zontathu oluvela kumaduna | | 23 | 18 |
| | Ipesenti | 23/38 =61% | 18/44 =41% |
| Uthakazelelo kwezi meko zontathu oluvela kumabhinqa | | 15 | 26 |
| | Ipesenti | 15/38 =39% | 26/44 =59% |

Ezi pesenti ziveza uthakazelelo kwezi meko zontathu ngokuveliswa ngamaduna ejolise kumaduna namabhinqa. Xa siqwalasela sifumanisa ukuba amaduna akholisa ukuthakazelelana (61%) ngakumbi ukodlula abo bangamabhinqa (41%) kwezi meko zontathu. Ukanti xa siqwalasela uthakazelelo lwamabhinqa olujoliswe kumaduna namabhinqa, sifumanisa ukuba amabhinqa athakazelelana ngakumbi (59%) ngaphezu kwamaduna kwezi meko zontathu.

| (ii) | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|----------------------------|----------|---------------|---------------|
| Uthakazelelo Kwimbonakalo | | 11 | 16 |
| | Ipesenti | 11/38 =29% | 16/44 =36% |
| Uthakazelelo Kubuchule | | 17 | 19 |
| | Ipesenti | 17/38 =45% | 19/44 =43% |
| Uthakazelelo Kwezibangwayo | | 10 | 9 |
| | Ipesenti | 10/38 =26% | 9/44 =21% |

Iipesenti zothakazelelo kwimbonakalo zibonisa ukuwa ngaphantsi okungephi kwamaduna (29%) xa ethelekiswa namabhinqa (36%). Ukuze kubuchule kungabikho kushiya kuyaphi phakathi kwala maqela omabini, amaduna (45%) namabhinqa (43%). Ukanti kwizinto ezibangwayo, sifumanise umahluko ongephi ngo (26%) wamaduna no (21%) wamabhinqa.

| | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|---|----------|---------------|---------------|
| (iii) | | | |
| Uthakazelelo oluvela kumaduna Kwimbonakalo | | 5 | 6 |
| | Ipesenti | 5/23 =22% | 6/18 =33% |
| Uthakazelelo oluvela kumaduna Kubuchule | | 11 | 9 |
| | Ipesenti | 11/23 =48% | 11/18 =50% |
| Uthakazelelo oluvela kumaduna Kwezibangwayo | | 7 | 3 |
| | Ipesenti | 7/23 =30% | 3/18 =17% |

Apha siqwalasela ukuba uthakazelelo oluvela kumaduna kwimbonakalo olujoliswe kumaduna (22%) luthi luwe phantsi xa luthelakiswa nothakazelelo olujoliswe kumabhinqa (33%). Ukuze singafumani mahluko utheni kula maqela omabini xa sijonga uthakazelelo phantsi kobuchule ovela ngo 48% wamaduna no 50% wamabhinqa. Kwizinto ezibangwayo uthakazelelo oluvela kumaduna lujoliswe kumabhinqa lunkqenkqeza phambili ngo 30% ukodlula abo bangamabhinqa (17%).

| | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|---|----------|--------------|-----------------|
| (iv) | | | |
| Uthakazelelo oluvela kumabhinqa Kwimbonakalo | | 6 | 10 |
| | Ipesenti | 6/15 =40% | 10/26 =38.5% |
| Uthakazelelo oluvela kumabhinqa Kubuchule | | 6 | 10 |
| | Ipesenti | 6/15 =40% | 10/26 =38.5% |
| Uthakazelelo oluvela kumabhinqa Kwezibangwayo | | 3 | 6 |
| | Ipesenti | 3/15 =20% | 6/26 =23% |

Uthakazelelo oluvela kumabhinqa lujoliswe kumaduna nakumabhinqa alubonisi mahluko utheni kwezi meko zontathu. Amaduna avela ngo 40% kunamabhinqa (38.5%) phantsi kwembonakalo. Ukuze kwakhona sifumane 40% wamaduna no 38.5% wamabhinqa phantsi kobuchule. Kwizinto ezibangwayo, amabhinqa athi 20% ukuze kubekho ukratya ka 23% wamabhinqa.

5.4.3 Itafile 3: Ukubonakalisa nesikhuzo somothuko ezivela kwisincomo

| Imeko | Kumaduna | | | | | | Kumabhinqa | | | | | | Imeko |
|-----------------------------|--------------------|----------|----------|------------------------|-----|--------|--------------------|----------|----------|------------------------|-----|--------|-------------------------------|
| | Isikhuzo somothuko | | | Ukubonakalisa umothuko | | | Isikhuzo somothuko | | | Ukubonakalisa umothuko | | | |
| | m-m | w-m | lyonke | m-m | w-m | lyonke | m-m | w-m | lyonke | m-m | w-m | lyonke | |
| Kwimbonakalo | | | | | | | | | | | | | Imbonakalo |
| 1.1 Ukuphuma esibhedlele | | | | | | | 1 | 1 | 2 | | | | 1.1 Isinxibo |
| 1.2 linwele | | | | | | | | | | | | | 1.2 Isinxibo sesintu |
| 1.3 Isinxibo | | | | | | | | | | | | | 1.3 linwele |
| lyonke | | | | | | | 1 | 1 | 2 | | | | lyonke |
| Kubuchule | | | | | | | | | | | | | Ubuchule |
| 2.1 Umzebenzi omtsha | | 2 | 2 | | | | | | | | | | 2.1 Ukonyulwa |
| 2.2 Ukunyuselwa emsebenzini | | | | | | | | | | | | | 2.2 Ukupheka |
| 2.3 Ubuchule kwezemidlalo | | | | | | | | 1 | 1 | | | | 2.3 Ukuphucula ikhaya |
| 2.4 Ukosa | | | | | | | | | | | | | 2.4 Ubukrelekrele ezifundweni |
| 2.5 Ukuqhuba | | 1 | 1 | | | | | | | | | | 2.5 Ukuqhuba |
| lyonke | | 3 | 3 | | | | | 1 | 1 | | | | lyonke |
| Kwezibangwayo | | | | | | | | | | | | | Ezibangwayo |
| 3.1 Imoto entsha | 2 | | 2 | | | | | | | | | | 3.1 Iimpahla ezintsha |
| 3.2 Indlu entsha | | | | | | | | | | | | | 3.2 Izihlangu ezintsha |
| 3.3 Izihlangu ezintsha | | 1 | 1 | | | | 1 | | 1 | | | | 3.3 Ifanitshala |
| lyonke | 2 | 1 | 3 | | | | 1 | | 1 | | | | lyonke |
| lyonke iphelele | 2 | 4 | 6 | | | | 2 | 2 | 4 | | | | lyonke iphelele |

| | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|-----|---|-----------------------|-----------------------|
| (i) | Umothuko kwezi meko zontathu | 6 | 4 |
| | Umothuko kwezi meko zontathu ovela kumaduna | 2 | 2 |
| | Ipesenti | $\frac{2}{6}$ =33% | $\frac{2}{4}$ =50% |
| | Umothuko kwezi meko zontathu ovela kumabhinqa | 4 | 2 |
| | Ipesenti | $\frac{4}{6}$ =67% | $\frac{2}{4}$ =50% |

Xa siqwalasela umothuko ovela kwezi meko zontathu ngokunikezelwa ngamaduna ujolise kumaduna nakumabhinqa, sifumanisa ukuba amaduna awa ngaphantsi (33%) kwizikhuzo zomothuko xa sithlekisa namabhinqa (50%) kwezi meko zontathu. Ukanti kwizikhuzo zomothuko ezivela kumabhinqa zijoliswe kumaduna nakumabhinqa, iziphumo zibonakalisa ukuba amaduna angentla mpela (67%) kumabhinqa kwezi meko zontathu.

| | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|------|------------------------|-----------------------|-----------------------|
| (ii) | Umothuko Kwimbonakalo | 0 | 2 |
| | Ipesenti | 0% | $\frac{2}{4}$ =50% |
| | Umothuko Kubuchule | 3 | 1 |
| | Ipesenti | $\frac{3}{6}$ =50% | $\frac{1}{4}$ =25% |
| | Umothuko Kwezibangwayo | 3 | 1 |
| | Ipesenti | $\frac{3}{6}$ =50% | $\frac{1}{4}$ =25% |

Iziphumo zomothuko kwimbonakalo ezijolise kumaduna yimbande yesikhova. Ukanti kumabhinqa sfumana u50%. Ukuze kubuchule abalasele ngeziphumo ezingu50% ukodlula u25% wamabhinqa. Ukanti kwizinto ezibangwayo la maqela aphuma neziphumo ezifanayo, amaduna ngo 50% ukuze amabhinqa avele ngo 25%.

| | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|-------|---------------------------------------|------------------------|-----------------------|
| (iii) | Umothuko ovela kumaduna Kwimbonakalo | 0 | 1 |
| | Ipesenti | 0% | $\frac{1}{2}$ =50% |
| | Umothuko ovela kumaduna Kubuchule | 0 | 0 |
| | Ipesenti | | |
| | Umothuko ovela kumaduna Kwezibangwayo | 2 | 1 |
| | Ipesenti | $\frac{2}{2}$ =100% | $\frac{1}{2}$ =50% |

Xa siqwalasela izikhuzo zomothuko kwimbonakalo ezivela kumaduna zijoliswe kumaduna, sifumana imbande yesikhova. Ukanti kwezijoliswe kumabhinqa zibalasele ngo 50%. Ukuze kubuchule, sifumane imbande yesikhova kula maqela omabini. Kwizinto ezibangwayo amaduna abalasele (100%) ukodlula amabhinqa (50%).

(iv)

Umothuko ovela kumabhinqa Kwimbonakalo

Ipesenti

Umothuko ovela kumabhinqa Kubuchule

Ipesenti

Umothuko ovela kumabhinqa Kwezibangwayo

Ipesenti

| | Kumaduna | Kumabhinqa |
|---|-----------------------|-----------------------|
| Umothuko ovela kumabhinqa Kwimbonakalo | 0 | 1 |
| Ipesenti | 0 | $\frac{1}{2}$ =50% |
| Umothuko ovela kumabhinqa Kubuchule | 3 | 1 |
| Ipesenti | $\frac{3}{4}$ =75% | $\frac{1}{2}$ =30% |
| Umothuko ovela kumabhinqa Kwezibangwayo | 1 | 0 |
| Ipesenti | $\frac{1}{4}$ =25% | 0 |

Iziphumo zezikhuzo zembonakalo kumabhinqa ezijolise kumaduna yimbande yesikhova. Ukanti ezijoliswe kumabhinqa zibalasele (50%). Xa sithelekisa ubuchule sifumanisa ukuba amaduna ankqenkqeza phambili (75%) ngaphaya kwamabhinqa (50%). Ukanti kwizinto ezibangwayo amaduna azuza izikhuzo zomothuko ezingaphaya (25%) kwembande yesikhova yamabhinqa.

5.4.4 Itafile 4: Izincomo nezandiso zazo ezibhekiselele emntwini

| Imeko | Kumaduna | | | | | | Kumabhinqa | | | | | | Imeko |
|-----------------------------|-----------|-----------|-----------|-----------|-----------|-----------|------------|-----------|-----------|-----------|-----------|-----------|-------------------------------|
| | Isincomo | | | Isandiso | | | Isincomo | | | Isandiso | | | |
| | m-m | w-m | lyonke | m-m | w-m | lyonke | m-m | w-m | lyonke | m-m | w-m | lyonke | |
| Kwimbonakalo | | | | | | | | | | | | | Imbonakalo |
| 1.1 Ukuphuma esibhedlele | 6 | 5 | 11 | 4 | 2 | 6 | 5 | 6 | 11 | 2 | 4 | 6 | 1.1 Isinxibo |
| 1.2 linwele | 2 | 1 | 3 | | 1 | 1 | 3 | 5 | 8 | 1 | 2 | 3 | 1.2 Isinxibo sesintu |
| 1.3 Isinxibo | 2 | 2 | 4 | 2 | 2 | 4 | 4 | 2 | 6 | 2 | 1 | 3 | 1.3 linwele |
| lyonke | 10 | 8 | 18 | 6 | 5 | 11 | 12 | 13 | 25 | 5 | 7 | 12 | lyonke |
| Kubuchule | | | | | | | | | | | | | Ubuchule |
| 2.1 Umsebenzi omtsha | 5 | 3 | 8 | 4 | 2 | 6 | 4 | 2 | 6 | 3 | 3 | 6 | 2.1 Ukonyulwa |
| 2.2 Ukunyuselwa emsebenzini | 1 | 1 | 2 | 1 | | 1 | 2 | 1 | 3 | | | | 2.2 Ukupheka |
| 2.3 Ubuchule kwezemidlalo | 2 | 5 | 7 | 1 | 1 | 2 | 2 | 1 | 3 | | | | 2.3 Ukuphucula ikhaya |
| 2.4 Ukosa | 2 | 3 | 5 | | | | 4 | 3 | 7 | 3 | 1 | 4 | 2.4 Ubukrelekrele ezifundweni |
| 2.5 Ukuqhuba | 5 | | 5 | | 3 | 3 | 2 | 3 | 5 | 1 | 1 | 2 | 2.5 Ukuqhuba |
| lyonke | 15 | 12 | 27 | 6 | 6 | 12 | 14 | 10 | 24 | 7 | 5 | 12 | lyonke |
| Kwezibangwayo | | | | | | | | | | | | | Ezibangwayo |
| 3.1 Imoto entsha | 1 | 1 | 2 | | | | 1 | 1 | 2 | | | | 3.1 Iimpahla ezintsha |
| 3.2 Indlu entsha | 1 | 3 | 4 | | 1 | 1 | 2 | 1 | 3 | 3 | 1 | 4 | 3.2 Izihlangu ezitsha |
| 3.3 Izihlangu ezintsha | 4 | 3 | 7 | 2 | | 2 | | 1 | 1 | | | | 3.3 Ifanitshala |
| lyonke | 6 | 7 | 13 | 2 | 1 | 3 | 3 | 3 | 6 | 3 | 1 | 4 | lyonke |
| lyonke iphelele | 31 | 27 | 58 | 14 | 12 | 26 | 29 | 26 | 55 | 15 | 13 | 28 | lyonke iphelele |

| (i) | | | | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|--------------------------------------|----------------|----------|-------|-----------|-----------------|-------------------|
| Izincomo zontathu | ezibhekiselele | emntwini | kwezi | meko | 84 | 83 |
| Izincomo zontathu ezivela kumaduna | ezibhekiselele | emntwini | kwezi | meko | 45 | 44 |
| | | | | lipesenti | 45/84 =54% | 44/83 =53% |
| Izincomo zontathu ezivela kumabhinqa | ezibhekiselele | emntwini | kwezi | meko | 39 | 39 |
| | | | | lipesenti | 39/84 =46% | 39/83 =47% |

Xa siqwalasela izincomo ezivela kumaduna, ezibhekiselele emntwini, zibandakanya abo bangamaduna (54%), ukuze ziquke nabo bangamabhinqa (53%) kwezi meko zontathu, sifumanisa ukuba ezi pesenti azibonakalisi mahluko. Kwakhona, izincomo ezibhekiselele emntwini, ezivela kumabhinqa, eziquka amaduna (46%) namabhinqa (47%) ngokwahlukeneyo, nazo azibonakalisi mahluko njengoko iziphumo zisichazela.

| (ii) | | | | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|--|--|--|--|-----------|-----------------|-------------------|
| Izincomo ezibhekiselele emntwini Kwimbonakalo | | | | | 29 | 37 |
| | | | | lipesenti | 29/84 =35% | 37/83 =45% |
| Izincomo ezibhekiselele emntwini Kubuchule | | | | | 39 | 36 |
| | | | | lipesenti | 39/84 =46% | 36/83 =43% |
| Izincomo ezibhekiselele emntwini Kwezibangwayo | | | | | 16 | 10 |
| | | | | lipesenti | 16/84 =19% | 10/83 =12% |

lipesenti zezincomo ezibhekiselele emntwini kwimbonakalo ezibandakanya amaduna (35%) namabhinqa (45%) ngokwahlukeneyo zidulisa ukuhamba phambili kwabo bangamaduna. Ukuze izincomo ezibhekiselele emntwini ezibandakanya la maqela, amaduna (46%) namaduna (43%), omabini zingavezi mahluko umngako. Kwizinto ezibangwayo, sifumanisa ukuba amaduna (19%) ahamba phambilana ukodlula amabhinqa (12%).

| (iii) | | | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|---|----------|--|--|---------------|---------------|
| Izincomo ezibhekiselele emntwini ezivela kumaduna Kwimbonakalo | | | | 16 | 17 |
| | Ipesenti | | | 16/45 =35% | 17/44 =39% |
| Izincomo ezibhekiselele emntwini ezivela kumaduna Kubuchule | | | | 21 | 21 |
| | Ipesenti | | | 21/45 =47% | 21/44 =48% |
| Izincomo ezibhekiselele emntwini ezivela kumaduna Kwezibangwayo | | | | 8 | 6 |
| | Ipesenti | | | 8/45 =18% | 6/44 =13% |

Xa sijonga izincomo ezibhekiselele emntwini zembonakalo, ezivela kumaduna zijoliswe kumaduna (35%) nakumabhinqa (39%), sifumanisa kungekho mahluko utheni. Nalapha kubuchule, iziphumo zezincomo zomntu ezivela kumaduna, zijoliswe kumabhinqa (48%) nakumaduna (47%) zingqina umahluko ongekho phakathi kwala maqela. Kwizinto ezibangwayo, iipesenti zezincomo zomntu ezivela kumaduna, zijoliswe kumaduna (18%) nakumabhinqa (13%) nazo azibonisi yantlukwano ingako.

| (iv) | | | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|---|----------|--|--|---------------|---------------|
| Izincomo ezibhekiselele emntwini ezivela kumabhinqa Kwimbonakalo | | | | 13 | 20 |
| | Ipesenti | | | 13/39 =33% | 20/39 =51% |
| Izincomo ezibhekiselele emntwini ezivela kumabhinqa Kubuchule | | | | 18 | 15 |
| | Ipesenti | | | 18/39 =46% | 15/39 =39% |
| Izincomo ezibhekiselele emntwini ezivela kumabhinqa Kwezibangwayo | | | | 8 | 4 |
| | Ipesenti | | | 8/39 =21% | 4/39 =10% |

Iipesenti zezincomo ezibhekiselele emntwini kwimbonakalo, ezivela kumabhinqa, ezibandakanya amabhinqa (51%) zinkqenqeza phambili ukodlula ezo zamaduna (33%). Ukuze iziphumo zezincomo zomntu kubuchule ezivela kumabhinqa, zijoliswe kumaduna (46%) namabhinqa (39%) ngokwahlukeneyo zingabonisi mahluko utheni. Xa sijonga ezibangwayo, siqaphela ukuba nalapha iziphumo zezincomo zomntu ezivela kumabhinqa, zijoliswe kumaduna (21%) namabhinqa (10%) ngokwahlukeneyo, zinomahluko ongephi.

5.4.5 Itafile 5: Izincomo nezandiso zazo ezibhekiselele kwizinto ezibambekayo

| Imeko | Kumaduna | | | | | | Kumabhinqa | | | | | | Imeko |
|-----------------------------|-----------|-----------|-----------|-----------|-----------|-----------|------------|-----------|-----------|-----------|-----------|-----------|-------------------------------|
| | Isincomo | | | Isandiso | | | Isincomo | | | Isandiso | | | |
| | m-m | w-m | lyonke | m-m | w-m | lyonke | m-m | w-m | lyonke | m-m | w-m | lyonke | |
| Kwimbonakalo | | | | | | | | | | | | | Imbonakalo |
| 1.1 Ukuphuma esibhedlele | | | | | | | 3 | 1 | 4 | 1 | | 1 | 1.1 Isinxibo |
| 1.2 Iinwele | | 2 | 2 | | | | 3 | 1 | 4 | 2 | | 2 | 1.2 Isinxibo sesintu |
| 1.3 Isinxibo | 2 | 3 | 6 | 1 | 3 | 4 | 1 | 2 | 3 | 1 | 1 | 2 | 1.3 Iinwele |
| lyonke | 2 | 5 | 7 | 1 | 3 | 4 | 7 | 4 | 11 | 4 | 1 | 5 | lyonke |
| Kubuchule | | | | | | | | | | | | | Ubuchule |
| 2.1 Umsebenzi omtsha | | | | | | | | | | | | | 2.1 Ukonyulwa |
| 2.2 Ukunyuselwa emsebenzini | | | | | | | 3 | 2 | 5 | 2 | 1 | 3 | 2.2 Ukupheka |
| 2.3 Ubuchule kwezemidlalo | | | | | | | 3 | 5 | 8 | 1 | 4 | 5 | 2.3 Ukuphucula ikhaya |
| 2.4 Ukosa | 4 | 4 | 8 | | | | | | | | | | 2.4 Ubukrelekrele ezifundweni |
| 2.5 Ukuqhuba | | | | | | | | | | | | | 2.5 Ukuqhuba |
| lyonke | 4 | 4 | 8 | | | | 6 | 7 | 13 | 3 | 5 | 8 | lyonke |
| Kwezibangwayo | | | | | | | | | | | | | Ezibangwayo |
| 3.1 Imoto entsha | 3 | 6 | 9 | 4 | 4 | 8 | 4 | 4 | 8 | 2 | 2 | 4 | 3.1 Iimpahla ezintsha |
| 3.2 Indlu entsha | 5 | 5 | 10 | 2 | 4 | 6 | 4 | 4 | 8 | 1 | 1 | 2 | 3.2 Izihlangu ezintsha |
| 3.3 Izihlangu ezitsha | 4 | 5 | 9 | 4 | 3 | 7 | 3 | 5 | 11 | 3 | 5 | 8 | 3.3 Ifanitshala |
| lyonke | 12 | 16 | 28 | 10 | 12 | 21 | 14 | 13 | 27 | 6 | 8 | 14 | lyonke |
| lyonke iphelele | 18 | 25 | 43 | 11 | 14 | 25 | 27 | 24 | 51 | 13 | 14 | 27 | lyonke iphelele |

| (i) | | | | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|--|--|--|--|----------|-----------------|-------------------|
| Izincomo ezibhekiselele entweni kwezi meko zontathu | | | | | 68 | 78 |
| Izincomo ezibhekiselele entweni kwezi meko zontathu ezivela kumaduna | | | | | 29 | 40 |
| | | | | Ipesenti | 29/68 =43% | 40/78 =51% |
| Izincomo ezibhekiselele entweni kwezi meko zontathu ezivela kumabhinqa | | | | | 39 | 88 |
| | | | | Ipesenti | 39/68 =57% | 38/78 =49% |

Iipesenti zezincomo ezibhekiselele entweni phantsi kwezi meko zontathu, ezivela kumaduna zijoliswe kumaduna (43%), ziwa ngaphantsi kancinci kwezo zijoliswe kumabhinqa (51%). Ukuze iziphumo ezibhekiselele entweni, ezivela kumabhinqa zijoliswe kumaduna (57%) namabhinqa (49%) ngokwahlukeneyo nazo zingashiyani kuyaphi, nto leyo engabonakalisi mahluko utheni kweli nqanaba.

| (ii) | | | | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|---|--|--|--|----------|-----------------|-------------------|
| Izincomo ezibhekiselele entweni Kwimbonakalo | | | | | 11 | 16 |
| | | | | Ipesenti | 11/68 =16% | 16/78 =20% |
| Izincomo ezibhekiselele entweni Kubuchule | | | | | 8 | 21 |
| | | | | Ipesenti | 8/68 =12% | 21/78 =27% |
| Izincomo ezibhekiselele entweni Kwezibangwayo | | | | | 49 | 41 |
| | | | | Ipesenti | 19/68 =72% | 41/78 =53% |

Xa sijonga iziphumo zezincomo ezibhekiselele entweni kwimbonakalo, ezijoliswe kumaduna (16%) nakumabhinqa (20%) asifumani mahluko utheni. Ukanti, kubuchule kuyaqapheleka ukuba amabhinqa akhokela phambili (27%) ukodlula abo bangamaduna (12%). Ukuze kwimbonakalo, kwakwezi zincomo zibhekiselele entweni, sifumanise iyantlukwano engqinwa ziziphumo. Amaduna (72%) ankqenqenze phambili ukodlula (53%) amabhinqa.

| | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|-------|--|-----------------|-------------------|
| (iii) | Izincomo ezibhekiselele entweni ezivela kumaduna Kwimbonakalo | 3 | 11 |
| | Ipesenti | 3/29 =10% | 11/40 =28% |
| | Izincomo ezibhekiselele entweni ezivela kumaduna Kubuchule | 4 | 9 |
| | Ipesenti | 4/29 =14% | 9/41 =22% |
| | Izincomo ezibhekiselele entweni ezivela kumaduna Kwezibangwayo | 22 | 20 |
| | Ipesenti | 22/29 =76% | 20/40 =50% |

Iziphumo zezincomo ezibhekiselele entweni, ezivela kumaduna kwimbonakalo, ezijoliswe kumaduna (10%) nakumabhinqa (28%) ngokwahlukeneyo, zidulisa umahluko ongqinwa zezi pesenti. Ukuze kwiziphumo zobuchule ezivela kumaduna ezijoliswe kumaduna (14%) namaduna (22%) ngokwahlukeneyo, nazo zibonise umahluko ololu hlobo. Kwizinto ezibangwayo, sifumanisa umahluko ophume izandla xa sijonga iziphumo zezincomo ezibhekiselele entweni, ezivela kumaduna zijoliswe kumaduna (76%) nakumabhinqa (50%) ngokwahlukeneyo.

| | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|------|--|-----------------|-------------------|
| (iv) | Izincomo ezibhekiselele entweni ezivela kumabhinqa Kwimbonakalo | 8 | 5 |
| | Ipesenti | 8/39 =21% | 5/38 =13% |
| | Izincomo ezibhekiselele entweni ezivela kumabhinqa Kubuchule | 4 | 12 |
| | Ipesenti | 4/39 =10% | 12/38 =32% |
| | Izincomo ezibhekiselele entweni ezivela kumabhinqa Kwezibangwayo | 27 | 21 |
| | Ipesenti | 27/39 =69% | 21/38 =55% |

Ipesenti zezincomo ezibhekiselele entweni, ezivela kumabhinqa kwimbonakalo, ezibandakanya amaduna (21%) namabhinqa (13%) ngokwahlukeneyo azibonisi mahluko ungako. Unkati, phantsi kobuchule, kwizincomo ezibhekiselele entweni, ezivela kumabhinqa, zijoliswe kumaduna (69%) nakumabhinqa (55%) ngokwahlukeneyo kuqapheleka umahluko obonakalayo.

5.4.6 Itafile 6: Izincomo nezandiso zazo ezibhekiselele kwisiganeko

| Imeko | Kumaduna | | | | | | Kumabhinqa | | | | | | Imeko |
|-----------------------------|----------|-----------|-----------|----------|----------|-----------|------------|----------|----------|----------|-----|--------|-------------------------------|
| | Isincomo | | | Isandiso | | | Isincomo | | | Isandiso | | | |
| | m-m | w-m | lyonke | m-m | w-m | lyonke | m-m | w-m | lyonke | m-m | w-m | lyonke | |
| Kwimbonakalo | | | | | | | | | | | | | Imbonakalo |
| 1.1 Ukuphuma esibhedlele | 1 | 3 | 4 | | | | | | | | | | 1.1 Isinxibo |
| 1.2 linwele | | 1 | 1 | | | | | | | | | | 1.2 Isinxibo sesintu |
| 1.3 Isinxibo | 1 | | 1 | 1 | | 1 | | | | | | | 1.3 linwele |
| lyonke | 2 | 4 | 6 | 1 | | 1 | | | | | | | lyonke |
| Kubuchule | | | | | | | | | | | | | Ubuchule |
| 2.1 Umsebenzi omtsha | 1 | | 1 | | 1 | 1 | | 1 | 1 | | | | 2.1 Ukonyulwa |
| 2.2 Ukunyuselwa emsebenzini | 4 | 5 | 9 | 5 | 4 | 9 | | | | | | | 2.2 Ukupheka |
| 2.3 Ubuchule kwezemidlalo | 2 | 1 | 3 | 1 | | 1 | | | | | | | 2.3 Ukuphucula ikhaya |
| 2.4 Ukosa | | | | | | | | | | | | | 2.4 Ubukrelekrele ezifundweni |
| 2.5 Ukuqhuba | | | | | | | | | | | | | 2.5 Ukuqhuba |
| lyonke | 7 | 6 | 13 | 6 | 5 | 11 | | 1 | 1 | | | | lyonke |
| Kwezibangwayo | | | | | | | | | | | | | Ezibangwayo |
| 3.1 Imoto entsha | | | | | | | | | | | | | 3.1 Iimpahla ezintsha |
| 3.2 Indlu entsha | | | | | | | | | | | | | 3.2 Izihlangu ezintsha |
| 3.3 Izihlangu ezintsha | | | | | | | | | | | | | 3.3 Ifanitshala |
| lyonke | | | | | | | | | | | | | lyonke |
| lyonke iphelele | 9 | 10 | 19 | 7 | 5 | 12 | | | 1 | | | | lyonke iphelele |

| | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|-----|--|---------------|------------|
| (i) | Izincomo ezibhekiselele kwisiganeko kwezi meko zontathu | 31 | 1 |
| | Izincomo ezibhekiselele kwisiganeko kwezi meko zontathu ezivela kumaduna | 16 | 0 |
| | Ipesenti | 16/31 =52% | |
| | Izincomo ezibhekiselele kwisiganeko kwezi meko zontathu ezivela kumabhinqa | 15 | 1 |
| | Ipesenti | 15/31 =48% | 100% |

Iziphumo zezincomo kwisiganeko, ezivela kumaduna zijoliswe kumaduna (52%) nakumabhinqa (0%) zisinika iziphumo ezizezi kwezi meko zontathu. Ukuze iziphumo zezincomo zesiganeko ezivela kumabhinqa, zijoliswe kumaduna (48%) nakumabhinqa (100%) ziveze lo mahluko.

| | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|------|---|---------------|------------|
| (ii) | Izincomo ezibhekiselele kwisiganeko Kwimbonakalo | 7 | 0 |
| | Ipesenti | 7/31 =23% | |
| | Izincomo ezibhekiselele kwisiganeko Kubuchule | 24 | 1 |
| | Ipesenti | 24/31 =77% | 100% |
| | Izincomo ezibhekiselele kwisiganeko Kwezibangwayo | 0 | 0 |
| | Ipesenti | | |

Xa siqwalasela iziphumo zezincomo zeziganeko kwimbonakalo, ezijoliswe kumaduna (23%) nakumabhinqa (0%) ngokwahlukeneyo, sifumana lo mahluko. Ukanti, phantsi kobuchule, amaduna (77%) ashiyane namabhinqa (100%) njengokuba kukhankanyiwe, ukuze kwizinto ezibangwayo siphume nembande yesikhova.

| | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|-------|--|---------------|------------|
| (iii) | Izincomo ezibhekiselele kwisiganeko ezivela kumaduna Kwimbonakalo | 3 | 0 |
| | Ipesenti | 3/16 =19% | |
| | Izincomo ezibhekiselele kwisiganeko ezivela kumaduna Kubuchule | 13 | 0 |
| | Ipesenti | 13/16 =81% | |
| | Izincomo ezibhekiselele kwisiganeko ezivela kumaduna Kwezibangwayo | 0 | 0 |
| | Ipesenti | | |

Iziphumo zezincomo zeziganeko, ezivela kumaduna kwimbonakalo, zidulisa iziphumo ezizezi; 19% ojoliswe kumaduna, 0% kumabhinqa. Ukuze kubuchule, iziphumo ezivela kumaduna, zigqame ngo81% wamaduna ukodlula imbande yesikhova ejoliswe kumabhinqa. Ukanti kwizinto ezibangwayo, kwizincomo zeziganeko ezivela kumaduna, la maqela apethe imbande yesikhova omabini.

| | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|---|----------|---------------|------------|
| (iv) Izincomo ezibhekiselele kwisiganeko kumabhinqa Kwimbonakalo | ezivela | 4 | 0 |
| | Ipesenti | 4/15 =27% | |
| Izincomo ezibhekiselele kwisiganeko kumabhinqa Kubuchule | ezivela | 11 | 0 |
| | Ipesenti | 11/15 =73% | |
| Izincomo ezibhekiselele kwisiganeko kumabhinqa Kwezibangwayo | ezivela | 0 | 0 |
| | Ipesenti | | |

Iipesenti zezincomo zeziganeko, ezivela kumabhinqa kwimbonakalo zisinika u27% ojoliswe kumaduna, ukuze amabhinqa angabuyi nanto njengoko iziphumo zisitsho. Xa siqwalasela ubuchule, sifumanisa u73% obandakanya amaduna, ngokwezincomo zeziganeko ezivela kumabhinqa, ukuze amabhinqa angabuyi nanto njengoko iziphumo zingqina. Kwizinto ezibangwayo, la maqela abuya nembande yesikhova omabini.

5.4.7 Itafile 7: Izincomo nezandiso zazo ezibhekiselele kwisenzeko

| Imeko | Kumaduna | | | | | | Kumabhinqa | | | | | | Imeko |
|-----------------------------|-----------|----------|-----------|----------|----------|-----------|------------|----------|-----------|-----------|-----------|-----------|-------------------------------|
| | Isincomo | | | Isandiso | | | Isincomo | | | Isandiso | | | |
| | m-m | w-m | lyonke | m-m | w-m | lyonke | m-m | w-m | lyonke | m-m | w-m | lyonke | |
| Kwimbonakalo | | | | | | | | | | | | | Imbonakalo |
| 1.1 Ukuphuma esibhedlele | | | | 1 | 1 | 2 | | | | | | | 1.1 Isinxibo |
| 1.2 linwele | 4 | 2 | 6 | | | | | | | | | | 1.2 Isinxibo sesintu |
| 1.3 Isinxibo | | | | | 1 | 1 | 1 | | 1 | 1 | 1 | 2 | 1.3 linwele |
| lyonke | 4 | 2 | 6 | 1 | 2 | 3 | 1 | | 1 | 1 | 1 | 2 | lyonke |
| Kubuchule | | | | | | | | | | | | | Ubuchule |
| 2.1 Umsebenzi omtsha | | | | | | | | 1 | 1 | | 2 | 2 | 2.1 Ukonyulwa |
| 2.2 Ukunyuselwa emsebenzini | | | | | | | 2 | 1 | 2 | 2 | 3 | 5 | 2.2 Ukupheka |
| 2.3 Ubuchule kwezemidlalo | 1 | | 1 | 1 | | 1 | | | | 1 | | 1 | 2.3 Ukuphucula ikhaya |
| 2.4 Ukosa | 1 | 3 | 4 | 1 | 1 | 2 | 3 | 1 | 4 | 3 | 2 | 5 | 2.4 Ubukrelekrele ezifundweni |
| 2.5 Ukuqhuba | 4 | | 4 | 4 | | 4 | 1 | 1 | 2 | 4 | 3 | 7 | 2.5 Ukuqhuba |
| lyonke | 6 | 3 | 9 | 6 | 1 | 7 | 6 | 4 | 10 | 10 | 10 | 20 | lyonke |
| Kwezibangwayo | | | | | | | | | | | | | Ezibangwayo |
| 3.1 Imoto entsha | | | | | | | | | | | 1 | 1 | 3.1 Iimpahla ezintsha |
| 3.2 Indlu entsha | 3 | | 3 | 1 | | 1 | | | | | | | 3.2 Izihlangu ezintsha |
| 3.3 Izihlangu ezitsha | | | | | | | | | | | | | 3.3 Ifanitshala |
| lyonke | 3 | | 3 | 1 | | 1 | | | | | 1 | 1 | lyonke |
| lyonke iphelele | 13 | 5 | 18 | 8 | 3 | 11 | 7 | 4 | 11 | 11 | 12 | 23 | lyonke iphelele |

| | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|-----|---|-------------------------|-------------------------|
| (i) | Izincomo ezibhekiselele kwisenzeko kwezi meko zontathu | 29 | 34 |
| | Izincomo ezibhekiselele kwisenzeko kwezi meko zontathu ezivela kumaduna | 21 | 18 |
| | Ipesenti | $\frac{21}{29}$ =72% | $\frac{18}{34}$ =53% |
| | Izincomo ezibhekiselele kwisenzeko kwezi meko zontathu ezivela kumabhinqa | 8 | 16 |
| | Ipesenti | $\frac{8}{29}$ =28% | $\frac{16}{34}$ =47% |

Xa siqwalasela iziphumo zezincomo zesenzeko kwezi meko zontathu, ezivela kumaduna, ezibhekiselele kumaduna (72%) nakumabhinqa (53%), sifumanisa ukuba zahluke ngolu hlobo phantsi kwezi meko zontathu. Ukuze iziphumo zezincomo ezivela kumabhinqa zijoliswe kumaduna (28%) ziwe ngaphantsi kwezo zinikezelwa kumabhinqa (47%), kwezi meko zontathu.

| | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|------|--|-------------------------|-------------------------|
| (ii) | Izincomo ezibhekiselele kwisenzeko Kwimbonakalo | 9 | 3 |
| | Ipesenti | $\frac{9}{29}$ =31% | $\frac{3}{34}$ =9% |
| | Izincomo ezibhekiselele kwisenzeko Kubuchule | 16 | 30 |
| | Ipesenti | $\frac{16}{21}$ =55% | $\frac{30}{34}$ =88% |
| | Izincomo ezibhekiselele kwisenzeko Kwezibangwayo | 4 | 1 |
| | Ipesenti | $\frac{4}{29}$ =14% | $\frac{1}{34}$ =3% |

Iipesenti zezincomo zesenzeko kwimbonakalo, ezibhekiselele kumaduna (31%) singentla ukodlula ezo zijoliswe kumabhinqa. Kubuchule, siqaphela ukuba amabhinqa (88%) ankqenkqeza phambili ukodlula abo bangamaduna (55%) ngezincomo. Ukanti kwizinto ezibangwayo, nangona ezi ziphumo zingabonisi nto ingako, amaduna (14%) angentla ukodlula amabhinqa (3%)

| (iii) | | | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|---------------------------------|----------------|------------|----------|---------------|---------------|
| Izincomo kumaduna Kwimbonakalo | ezibhekiselele | kwisenzeko | ezivela | 5 | 2 |
| | | | Ipesenti | 5/21 =24% | 2/18 =11% |
| Izincomo kumaduna Kubuchule | ezibhekiselele | kwisenzeko | ezivela | 12 | 16 |
| | | | Ipesenti | 12/21 =57% | 16/18 =89% |
| Izincomo kumaduna Kwezibangwayo | ezibhekiselele | kwisenzeko | ezivela | 4 | 0 |
| | | | Ipesenti | 19% | |

Iziphumo zezincomo zesenzeko ezivela kumaduna kwimbonakalo, zijoliswe kumaduna (24%) nakumabhinqa (11%), zibonisa umahluko ongaphaya phakathi kwala maqela mabini. Xa sijonga iziphumo zesenzeko ezivela kumaduna kubuchule, sifumanisa ukuba amabhinqa (89%) ahamba phambili ukodlula amaduna (59%) ngezincomo. Kwizinto ezibangwayo, amaduna avela ngo19% ukuze amabhinqa abuye nembande yesikhova

| (iv) | | | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|-----------------------------------|----------------|------------|----------|-------------|---------------|
| Izincomo kumabhinqa Kwimbonakalo | ezibhekiselele | kwisenzeko | ezivela | 4 | 1 |
| | | | Ipesenti | 4/8 =50% | 1/16 =6% |
| Izincomo kumabhinqa Kubuchule | ezibhekiselele | kwisenzeko | ezivela | 4 | 14 |
| | | | Ipesenti | 4/8 =50% | 14/16 =88% |
| Izincomo kumabhinqa Kwezibangwayo | ezibhekiselele | kwisenzeko | ezivela | 0 | 1 |
| | | | Ipesenti | 0 | 1/16 =6% |

Xa sijonga izincomo zesenzeko ezivela kumabhinqa kwimbonakalo, sifumanisa umahluko ongaphaya phakathi kwezincomo ezijoliswe kumaduna (50%) nezo zijoliswe kumabhinqa (6%). Ukuze kwakhona kwiziphumo zezincomo zesenzeko ezivela kumabhinqa, zijoliswe kumaduna (50%) nakumabhinqa (88%) sifumane umahluko ophume izandla, njengoba kungqinwa ziziphumo. Iziphumo zezinto ezibangwayo azisiniki nto itheni. Amaduna apethe imbande yesikhova, ukuze amabhinqa avele ngegcuntswana lika6%.

5.4.8 Izincomo zizonke

| | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|-----|---|-----------------|-----------------|
| (i) | Izincomo kwezi meko zontathu | 212 | 196 |
| | Izincomo ezivela kumaduna kwezi meko zontathu | 111 | 102 |
| | Ipesenti | 111/212 =52% | 102/196 =52% |
| | Izincomo ezivela kumabhinqa kwezi meko zontathu | 101 | 94 |
| | Ipesenti | 101/212 =48% | 94/196 =48% |

Iziphumo zezincomo kwezi meko zontathu, ezivela kumaduna, zijoliswe kumaduna (52%) nakumabhinqa (52%) zinika umdla kakhulu ngokuthi zingashiyani nangempunde enye yepesenti. Kananjalo, kwiziphumo ezivela kumabhinqa, zijoliswe kumaduna (48%) nakumabhinqa (48%), sifumana lo mnqa weziphumo ezilinganayo kula maqela omabini.

| | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|------|------------------------|----------------|----------------|
| (ii) | Izincomo Kwimbonakalo | 56 | 56 |
| | Ipesenti | 56/212 =26% | 56/196 =29% |
| | Izincomo Kubuchule | 87 | 88 |
| | Ipesenti | 87/212 =41% | 88/196 =45% |
| | Izincomo Kwezibangwayo | 69 | 52 |
| | Ipesenti | 69/212 =33% | 52/196 =26% |

Xa sijonga iziphumo zembonakalo, ezijoliswe kumaduna (26%) nakumabhinqa (29%), sifumanisa umahluko ongephi phakathi kwala maqela omabini njengoko kungqinwa ziziphumo. Ukuze kubuchule sifumane imeko efanayo naleyo yembonakalo. Iziphumo zezincomo zamaduna (41%) zibe nganeno kancinci kwezo zamabhinqa (45%). Ukanti okunika umdla kukwimbonakalo, apha sifumana umahluko ophume izandla. Amabhinqa (76%) ankqenkqeza phambili ukodlula amaduna (33%) ngeziphumo zezincomo.

| | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|-------|---|----------------|----------------|
| (iii) | Izincomo ezivela kumaduna Kwimbonakalo | 27 | 30 |
| | Ipesenti | 27/124 =22% | 30/102 =29% |
| | Izincomo ezivela kumaduna Kubuchule | 63 | 46 |
| | Ipesenti | 63/124 =51% | 46/102 =45% |
| | Izincomo ezivela kumaduna Kwezibangwayo | 34 | 26 |
| | Ipesenti | 34/124 =27% | 26/102 =26% |

Xa sikhangelwa iziphumo zezincomo ezivela kumaduna kwimbonakalo, ezijoliswe kumaduna (22%) nakumabhinqa (29%), asifumani mahluko utheni phakathi kwala maqela. Kananjalo, iziphumo zobuchule azishiyani kuyaphi. Amaduna (51%) athe kratya nje kancinci ngaphaya kwamabhinqa (45%). Kwizinto ezibangwayo sifumana iziphumo eziyeleleneyo kwezo zobuchule. Amaduna apethe u (27%), ukuze amabhinqa avele ngo (26%) kolu thelekiso.

| (iv) | | Kumaduna | Kumabhinqa |
|---|----------|---------------|---------------|
| Izincomo ezivela kumabhinqa Kwimbonakalo | | 29 | 26 |
| | Ipesenti | 29/91 =32% | 26/93 =28% |
| Izincomo ezivela kumabhinqa Kubuchule | | 27 | 41 |
| | Ipesenti | 27/91 =30% | 41/93 =44% |
| Izincomo ezivela kumabhinqa Kwezibangwayo | | 35 | 26 |
| | Ipesenti | 35/91 =38% | 26/93 =28% |

Iziphumo zezincomo ezivela kumabhinqa kwimbonakalo zibonakalisa ukuba amaduna (32%) ahamba phambilana kunamabhinqa (28%). Xa sijonga ubuchule, lo msantsa uye uvuleka, njengokuba iziphumo zingqina. Apha amaduna apethe 30% ukuze amabhinqa ahambe phambili ngo44% kwiziphumo ezivela kumabhinqa. Kwizinto ezibangwayo sifumana umahluko obambekayo phakathi kwala maqela nangona uvela ngeepesenti eziphantsi. Amaduna ankqenqeza phambili ngo38% ukodlula u28% wamabhinqa.

5.5 IFOMULA YEZINCOMO

Ezi ntlobo zezincomo zilandelayo zikholise ukubalasele kumaphepha emibuzo.

Imo yolwakhiwo neyeleksikali:

a) Kuyaqapheleka ukuba uninzi lwezi zincomo luqulathe ingcambu yesiphawuli u **hle**.

Imizekelo:

- I.
 - a) *Umhle* ngeyona ndlela.
 - b) *Yantle* le lokhwe.
 - c) *Azisentle* iinwele zakho.
 - d) *Ayisentle* ikhathi yakho.
 - e) *Awusemhle*.

Ulwakhiwo oluthe gabalala olubonisa uluhlu lwezivakalisi ezibalaseleyo kule ngqokelela;
(I.a-e)

NP/pro [VP (neg) V cop Adje (hle) PP]

b) Kwakhona, kuyaqapheleka ukuba zikho izincomo eziqulathe izibanjalo zezibaluli zezibizo. Imizekelo:

- II. a) Samnandi isidlo sakho.
b) Kumnandi ukutya kwakho.

Ulwakhiwo oluthe gabalala olubonisa uluhlu lwezivakalisi ezibalaseleyo kule ngqokelela;
(II.a-b)

NP [VP Vcop NP]

c) Kwalapha kule ngqokelela sifumanisa izincomo eziqulathe izenzi. Imizekelo:

- III. a) *Ndiyavuyisana* nawe.
b) *Ufanelekile* kule suti yakho.

Ulwakhiwo: pro [Vp V PP]

- a) *Ndiyavuya* uphumile esibhedlele.
b) *Ukhangeleka* ungcono.

Ulwakhiwo: pro [VP V S]

- a) *Ndithanda* indlela akuzobe ngayo.

Ulwakhiwo: pro [VP V NP]

- a) *Iyabukeka* intloko yakho.

Ulwakhiwo: pro [VP V]

- d) Kwakule ngqokelela, siyafumanisa ukuba zikhona izincomo eziqulathe izihlomelo.
Imizekelo:

- IV. a) Uphendule *kakuhle*.
b) Uyayidlala *kakuhle* iqakamba.
c) Waza wayosa *kamnandi*.

Ulwakhiwo oluthe gabalala olubonisa izivakalisi ezibalaseleyo kule ngqokelela; (IV.a-c)

Pro [vp V Adv]

5.6 IIMPENDULO ZEZINCOMO

Iimpendulo zezincomo zihlalutywe ngokulandela iintlobo zeempendulo zikaHolmes (1990:460) noHebert (1990:208).

5.6.1 I-tafile 8: lintlobo zeempendulo zesincomo → limpendulo ezivela kumaduna

| Imeko | Accept | | | | | Ukwala | | | | Deflect/Evade | | | | | Iyonke | |
|-----------------------------|-----------|-----------|----------|----------|------------|--------|----------|----------|----------|---------------|----------|---|---|----------|-----------|------------|
| | 1 | 2 | 3 | 4 | Iyonke | 1 | 2 | 3 | Iyonke | 1 | 2 | 3 | 4 | 5 | | Iyonke |
| Kwimbonakalo | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 1.1 Ukuphuma esibhedlele | 10 | 5 | | 2 | 17 | | | | | 4 | | | | | 4 | |
| 1.2 Iinwele | 6 | 4 | | 1 | 11 | | 1 | | 1 | 3 | 5 | | | | 8 | |
| 1.3 Isinxibo | 4 | 8 | | | 12 | | | 1 | 1 | | 1 | | | 1 | 2 | |
| Iyonke | 20 | 17 | | 3 | 40 | | 1 | 1 | 2 | 7 | 6 | | | 1 | 14 | 56 |
| Kubuchule | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 2.1 Umsebenzi omtsha | 4 | 8 | | | 12 | | | | | 1 | | | | 1 | 2 | |
| 2.2 Ukunyuselwa emsebenzini | 6 | 7 | | | 13 | | | | | 2 | | | | | 2 | |
| 2.3 Ubuchule kwezemidlalo | 4 | 9 | | | 13 | | | | | 1 | | | | | 1 | |
| 2.4 Ukosa | 3 | 3 | 2 | | 8 | | | | | 5 | | | | | 5 | |
| 2.5 Ukuqhuba | 3 | 7 | | | 10 | | | | | 1 | | | | | 1 | |
| Iyonke | 20 | 34 | 2 | | 56 | | | | | 10 | | | | 1 | 11 | 67 |
| Kwezibangwayo | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 3.1 Imoto entsha | 6 | 3 | 1 | 1 | 11 | | | | | 1 | | | | | 1 | |
| 3.2 Indlu entsha | 5 | 1 | | | 6 | | 1 | | 1 | 2 | 2 | | | | 4 | |
| 3.3 Izihlangu ezitsha | 4 | 4 | 1 | | 9 | | 2 | | 2 | 1 | | | | | 1 | |
| Iyonke | 15 | 8 | 2 | 1 | 26 | | 3 | | 3 | 4 | 2 | | | | 6 | 35 |
| Iyonke iphelele | 55 | 59 | 4 | 4 | 122 | | 4 | 1 | 5 | 21 | 8 | | | 2 | 31 | 158 |

5.6.2 I-tafile 9: lintlobo zeempendulo zesincomo → limpendulo ezivela kumabhinqa

| Imeko | Accept | | | | | Ukwala | | | | Deflect/Evade | | | | | Iyonke | |
|-------------------------------|-----------|-----------|----------|----------|------------|----------|----------|----------|----------|---------------|----------|---|----------|----------|-----------|------------|
| | 1 | 2 | 3 | 4 | Iyonke | 1 | 2 | 3 | Iyonke | 1 | 2 | 3 | 4 | 5 | | Iyonke |
| Kwimbonakalo | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 1.1 Isinxibo | 6 | 5 | | 1 | 12 | 1 | | | 1 | | | | | 1 | 1 | |
| 1.2 Isinxibo sesintu | 4 | 6 | | | 10 | 1 | | | 1 | 1 | | | | | 1 | |
| 1.3 linwele | 4 | 7 | | | 11 | | 1 | | 1 | 1 | | | 1 | | | 2 |
| Iyonke | 14 | 18 | | 1 | 33 | 2 | 1 | | 3 | 2 | | | 1 | 1 | 4 | 40 |
| Kubuchule | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 2.1 Ukonyulwa | 5 | 7 | 1 | | 13 | | | | | | | | | | | |
| 2.2 Ukupheka | 6 | 4 | | 1 | 11 | 1 | | 1 | 2 | 2 | | | | | | 2 |
| 2.3 Ukuphucula ikhaya | 3 | 7 | | | 10 | | 1 | | 1 | 2 | 1 | | | | | 3 |
| 2.4 Ubukrelekrele ezifundweni | 6 | 6 | | | 12 | | | | | 3 | | | | | | 3 |
| 2.5 Ukuqhuba | 3 | 7 | | 1 | 11 | | | | | 1 | | | | | | 1 |
| Iyonke | 23 | 31 | 1 | 2 | 57 | 1 | 1 | 1 | 3 | 8 | 1 | | | | 9 | 69 |
| Kwezibangwayo | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 3.1 Iimpahla ezintsha | 4 | 3 | 1 | | 8 | | | | | | 3 | | | 1 | 4 | |
| 3.2 Izihlangu ezitsha | 5 | 6 | | | 11 | | | | | | 1 | | | | | 1 |
| 3.3 Ifanitshala | 5 | 5 | | | 10 | | | | | | 1 | | | | | 1 |
| Iyonke | 14 | 14 | 1 | | 29 | | | | | | 5 | | | 1 | 6 | 35 |
| Iyonke iphelele | 51 | 63 | 2 | 3 | 119 | 3 | 2 | 1 | 6 | 10 | 6 | | 1 | 1 | 19 | 144 |

Itafile 10: Itafile yeempendulo zezincomo

| Kwimbonakalo | Kumabhinqa | | Kumaduna | |
|------------------------------------|------------|------|----------|----|
| | Inani | % | Inani | % |
| (a) Ukwamkela | | | | |
| Uphawu lothakazelelo | 14/33 | 42 | 20/40 | 50 |
| Uphawu lovumelwano | 18/33 | 54 | 17/40 | 42 |
| Intetho yokweya | | | | |
| Ukubuyisela isincomo | 1/33 | 54 | 17/40 | 42 |
| (b) Ukwala | | | | |
| Intetho yokungavumi | 2/3 | 67 | | |
| Ukubuza unggqalo | 1/3 | 33.3 | 1/2 | 50 |
| Ukucela umngeni wobunyani | | | 1/2 | 50 |
| (c) Ukuphambuka / Ukuphepha | | | | |
| Ukuphepha ingeniso | 2/4 | 50 | 7/14 | 50 |
| Ingxelo yolwazi | | | 6/14 | 43 |
| Ukungahoyi | | | | |
| Ukuphambuka okusemthethweni | 1/4 | 25 | | |
| Ukucela ingqiniseko | 1/4 | 25 | 1/4 | 25 |

| Kubuchule | Kumabhinqa | | Kumaduna | |
|------------------------------------|------------|------|----------|-----|
| | Inani | % | Inani | % |
| (a) Ukwamkela | | | | |
| Uphawu lothakazelelo | 23/57 | 40 | 20/56 | 36 |
| Uphawu lovumelwano | 31/47 | 54 | 34/56 | 61 |
| Intetho yokweya | 1/57 | 1.8 | 2/56 | 3.6 |
| Ukubuyisela isincomo | 2/57 | 3/5 | | |
| (b) Ukwala | | | | |
| Intetho yokungavumi | 1/3 | 33 | | |
| Ukubuza unggqalo | 1/3 | 33 | | |
| Ukucela umngeni wobunyani | 1/3 | 33 | | |
| (c) Ukuphambuka / Ukuphepha | | | | |
| Ukuphepha ingeniso | 8/9 | 89 | 10/11 | 91 |
| Ingxelo yolwazi | 1/9 | 11.1 | | |
| Ukungahoyi | | | | |
| Ukuphambuka okusemthethweni | | | | |
| Ukucela ingqiniseko | | | 1/11 | 10 |

| Kwezibangwayo | Kumabhinqa | | Kumaduna | |
|------------------------------------|------------|-----|----------|-----|
| | Inani | % | Inani | % |
| (a) Ukwamkela | | | | |
| Uphawu lothakazelelo | 14/29 | 48 | 15/56 | 58 |
| Uphawu lovumelwano | 14/29 | 48 | 8/26 | 31 |
| Intetho yokweya | 1/29 | 3.4 | 2/26 | 7.7 |
| Ukubuyisela isincomo | | | 1/26 | 3.8 |
| (b) Ukwala | | | | |
| Intetho yokungavumi | | | | |
| Ukubuza unggqalo | | | 3/3 | 100 |
| Ukucela umngeni wobunyani | | | 3/3 | 100 |
| (c) Ukuphambuka / Ukuphepha | | | | |
| Ukuphepha ingeniso | | | 4/6 | 67 |
| Ingxelo yolwazi | 5/5 | 83 | 2/6 | 33 |
| Ukungahoyi | | | | |
| Ukuphambuka okusemthethweni | | | | |
| Ukucela ingqiniseko | | | | |

Itafile 11: Uqhathaniso lwetafile yeempendulo zezincomo

| Ukwamkela | Kwimbonakalo | | Kubuchule | | Kwezibangwayo | |
|----------------------|--------------|-----|-----------|-----|---------------|-----|
| | w | m | w | m | w | m |
| Uphawu lothakazelelo | 42 | 50 | 40 | 36 | 48 | 58 |
| Uphwau lovumelwano | 54 | 42 | 54 | 61 | 48 | 31 |
| Intetho yokweya | - | - | 1.8 | 3.6 | 3.4 | 7.7 |
| Ukubuyisela isincomo | 3 | 7.5 | 3.5 | - | - | 3.8 |

| Ukwala | Kwimbonakalo | | Kubuchule | | Kwezibangwayo | |
|---------------------------|--------------|----|-----------|---|---------------|-----|
| | w | m | w | m | w | m |
| Intetho yokungavumi | 67 | - | 33 | - | - | - |
| Ukubuza ungqalo | 33.3 | 50 | 33 | - | - | 100 |
| Ukucela umngeni wobunyani | - | 50 | 33 | - | - | 100 |

| Deflect/Evade | Kwimbonakalo | | Kubuchule | | Kwezibangwayo | |
|-----------------------------|--------------|----|-----------|----|---------------|----|
| | w | m | w | m | w | m |
| Ukuphepha ingeniso | 50 | 50 | 89 | 91 | - | 67 |
| Ingxelo yolwazi | - | 43 | 11.1 | - | - | 33 |
| Ukungahoyi | - | - | - | - | - | - |
| Ukuphambuka okusemthethweni | 35 | - | - | - | - | - |
| Ukucela ingqiniseko | 25 | 25 | - | 10 | - | - |

Ezi ziphumo zamanani zijolise ekuthelekiseni iimpendulo zezincomo phakathi kwamaduna namabhinqa. Olu thelekiso luqwalaselwa phantsi kwezigaba zembonakalo, ubuchule kwakunye nezinto ezibangwayo. Le ngqwalasela yenziwa phantsi kweentlobo ezithile zokunika iimpendulo zezincomo. Imizekelo; ukwamkela, ukwala nokuphambuka okanye ukuphepha.

Xa siqwalasela la manani ewonke, kuyaqapheleka ukuba awavelisi ziphumo ezinganika ingxoxo ethe vetshe ngazo. Kananjalo, ezi zigaba zikhankanyiweyo nazo azivelisi mla utheni onokusikhokelela kwiziphumo ezibalulekileyo ngokunxulumene nesi sifundo. Ukanti noko kunjalo, zikho iimbinana zeziphumo ezinika umdla ezinokuthi zikhankanywe kolu thelekiso. Umzekelo, phantsi kwembonakalo (50%*m*) nakwizinto ezibangwayo (58%*m*), nasekubeni kungekho lungqinelwano amaduna abonakalisa ukuzamkela izincomo ukodlula amabhinqa. Loo nto ithi icace kakuhle phantsi kophawu lothakazelelo. Kwintetho yovumelwano kuyabonakala ukuba kukho ukungqinelana kwiziphumo zamabhinqa ekwamkeleni izincomo phantse kuzo zonke ezi zigaba; (54%*w*, 54%*w*, 48%*w*). Noko kunjalo olu luvo luthi luphikiswe ziziphumo zamaduna zobuchule (61%*m*).

Xa sihlabela mgama, sifumanisa ukuba intetho yokungavumelani idulisa ukwaliwa kwezincomo phantsi kwembonakalo (67%w) nobuchule (33%w) ngokwahlukeneyo. Ukuze kwakhona kuvele ukuthandabuzeka kongqalo kuwo omabini la maqela, nto leyo ebandakanya ezi meko zontathu (33.3%w, 50%m, 33%w, 100%m). Umceli mngeni wokunyaniseka uduliswa ziziphumo ezingabonisi kungqinelana kwaphela, kodwa ezibandakanya la maqela omabini kananjalo neemeko ezikhankanyiweyo (50%m, 33%w, 100%m)

Xa siqwalasela ukuphambuka okanye ukuphepha kwizincomo, siqaphela ukuba iziphumo zokususa ingeniso ziqulathe umdla kuba omabini la maqela ayabandakanyeka phantse ngokulinganayo kolu phambuko kwezi meko zontathu zikhankanyiweyo (50%w, 50%m, 89%w, 91%m, 67%m). Noko kunjalo, phantsi kwezinto ezibangwayo akuveli nempunde ngokunxulumene namabhinqa.

ISAHLUKO 6

ISIPHELO

6.1 INJONGO

Injongo yesi sahluko kukunika ingqwalasela kumahluko omkhulu noqaphelekayo kwizincomo ezivela kumaduna nakumabhinqa zijoliswe macaca omabini kula maqela.

6.2 IINDLELA ZOKUBIZA EZISETYENZISWA NGAMABHINQA NAMADUNA KWIZINCOMO

Iindlela zokubiza kwezi meko zontathu:

Iindlela zokubiza ezivela kumaduna, zijoliswe kumaduna :(53%)

Iindlela zokubiza ezivela kumabhinqa zijoliswe kumabhinqa: (68%)

Iindlela zokubiza ezijoliswe kwisini esifanayo azibonisi khwiniba okanye ukungaphatheki kakuhle, ngokudizwa ngala manani, kwiqela ngalinye. Noko kunjalo isizathu sale yantlukwano singakhonjwa kwinkcubeko yabo balwimi lusisiXhosa.

Iindlela zokubiza kwimeko nganye:

Imbonakalo

Iindlela zokubiza ezivela kumaduna zijoliswe kumaduna (30%)

Iindlela zokubiza ezivela kumabhinqa zijoliswe kumabhinqa (30%)

Qwalasela ingcaciso engasentla (6.2.1)

Ubuchule

Iindlela zokubiza ezivela kumaduna, zijoliswe kumabhinqa :(60%)

Iindlela zokubiza ezivela kumabhinqa azibonakalisi mahluko ubalulekileyo.

Nasekubeni siquka inkcubeko njengomnye woonobangela wale yantlukwano, kuyacaca ke ngoko kwabo bangamaduna ukuba izincomo ezingqongwe yindlela yokubiza equlathe ubuchule azilindelekanga kangako kweli qela lamabhinqa.

Izinto ezibangwayo

lindlela zokubiza ezivela kumaduna zijoliswe kumaduna: (34%)

lindlela zokubiza ezivela kumabhinqa zijoliswe kumaduna: (31%)

Le yantlukwano ingengakanani nayo singayikhomba kwifuthe lenkcubeko elibandakanya intlonipho yokungabizi kwamabhinqa kwabo bangamaduna.

6.3 UKUBONAKALISA UTHAKAZELELO KWIZINCOMO**Ukubonakalisa izincomo kwezi meko zontathu:**

Uthakazelelo oluvela kumaduna lujoliswe kumaduna (61%)

Uthakazelelo oluvela kumabhinqa lujoliswe kumabhinqa: (59%)

Xa kuqwalaselwa ezi meko zontathu kuyacaca ukuba amabhinqa namaduna athakazelelana ngokufanayo. Loo nto iyangqinwa zezi ziphumo zeepesenti.

Ukubonakalisa uthakazelelo kwezi meko zontathu:Imbonakalo:

Uthakazelelo oluvela kumaduna lujoliswe kumabhinqa: (33%)

Uthakazelelo oluvela kumabhinqa : akukho mahluko ubalulekileyo Nasekubeni kungekho luthakazelelo lungako oluboniswa leli qela, singatsho ukuba imeko yasekuhlaleni ebandakanya iwonga nobuthathaka bamabhinqa ingangunozala wezi ziphumo.

Ubuchule:

Uthakazelo, nokuba luvela kweliphi iqela alubonisi mahluko ubalulekileyo.

Isizathu soku singathi kungqalene nemeko le kunconywa phantsi kwayo. Uthakazelelo alungqalenanga kangako nemeko yobuchule kwizincomo.

Izinto ezibangwayo:

Uthakazelelo oluvela kumaduna lujoliswe kumaduna : (30%)

Uthakazelelo oluvela kumabhinqa: (alubonisi mahluko ubalulekileyo)

Ayingomnqa, nangona la manani engabonisi kuyaphi, ukuthakazelelwa kwizinto ezibangwayo neziphathekayo phakathi kwabo banamaduna, kuba ubani uthi ahlonitshwe ngazo.

6.4 UKUBONAKALISA IZIKHUZO ZOMOTHUKO KWIZINCOMO

Ukubonakalisa izikhuzo zomothuko kwezi meko zontathu:

Izikhuzo zomothuko ezivela kumabhinqa zibhekiselele kumaduna: (50%)

Izikhuzo zomothuko ezivela kumaduna zibhekiselele kumabhinqa : (67%)

Isizathu sale yantlukwano singayikhomba kwimeko yokungakhululeki ncam ekwamkeleni izikhuzo zomothuko ngabo bangamaduna, kananjalo nokungafikeleleki ncam kwabo kwiqela lamabhinqa.

Ukubonisa izikhuzo zomothuko kwimeko nganye:

Phantsi kwezi meko zontathu zezincomo kuyaqapheleka ukuba la maqela omabini asebenzise izikhuzo zomothuko ezimbalwa. Kuyacaca ke ngoko ukuba abaphenduli bamaphepha emibuzo ababonisi methuko xa benconywa, isizathu soko ingalibango abanalo lokuba lilungelo labo ukuba banconywe xa kuyimfuneko, ngoko ke ayethusi lo nto kubo.

6.5 IZINCOMO EZIBHEKISELELE EMNTWINI

Izincomo ezibhekiselele emntwini kwezi meko zontathu

Izincomo ezibhekiselele emntwini ezinikezelwa ngamabhinqa okanye amaduna azibonisi kubaluleka kutheni kolu hlalutyo.

Izincomo ezibhekiselele emntwini kwezi meko zontathu

Imbonakalo:

Izincomo ezivela kumaduna: Izincomo ezivela kumaduna ezijoliswe kumaduna okanye kumabhinqa azibonisi kubaluleka kutheni.

Izincomo ezivela kumabhinqa zijoliswe kumabhinqa: (51%)

Ezi pesenti, okokuqala, zintama inkolo yokuba amabhinqa ayakholwa yimbonakalo entle. Okwesibini, zidulisa ukuba izincomo zembonakalo phakathi kwesini esifanayo ingakumbi iqela lamabhinqa zithanda ukubalasele. Ngamafutshane amabhinqa ancomana ngokukhululekileyo phantsi kwale meko ukodlula abo bangamaduna.

Ubuchule

Izincomo ezivela kumaduna, njengokuba besekukhankanyiwe azibonisi mahluko ubalulekileyo xa zijoliswe kumaduna okanye amabhinqa.

Izincomo ezivela kumabhinqa, zijoliswe kumaduna: (46%)

Ngokwezi ziphumo singatsho ukuba izincomo zobuchule zikholisa ukukhongozelwa ngamaduna ukodlula abo bangamabhinqa.

Izinto ezibangwayo

Kuyaqapheleka ukuba zibalwa kakhulu izincomo ezijoliswe emntwini, xa ubani encoma oko kubangwayo komnye umntu. Isizathu soko singaxhomekeka kwinto leyo ibangwayo, sakukhumbula ukuba kusoloko iyinto ebambekayo ebangwayo, xeshikweni umntu iyinto ephilayo. Ngokufutshane, ikholisa ukuba mbaxa into yokuba ubani ancome umntu xeshikweni isincomo sijolise kwinto ebangwayo.

6.6 IZINCOMO EZIBHEKISELELE ENTWENI

Izincomo ezibhekiselele entweni kwezi meko zontathu:

Izincomo ezivela kumaduna, zijoliswe kumabhinqa: (51%)

Izincomo ezivela kumabhinqa, zijoliswe kumaduna: (57%)

Xa siqwalasela ezi meko zontathu sifumanisa ukuba le yantlukwano ayixhomisi mehlo.

Izincomo ezibhekiselele entweni kwimeko nganye

Xa siqwalasela izincomo ezijoliswe entweni phantsi kweemeko ezibandakanya imbonakalo okanye ubuchule, kuyacaca ke ngoko ukuba zibalwa kakhulu. Oku kunqongophala kubangelwa kukuba ezi zincomo zingqalene nezinto, nto leyo efika ibe yingxaki kuba izincomo ezibandakanya imbonakalo okanye ubuchule zingqalelene nabantu. Noko kunjalo, ubuninzi bezincomo ezijoliswe entweni bungafumaneka kwizinto ezibangwa ngabantu, kuba eneni zizinto eziphathekayo.

Izinto ezibangwayo

Izincomo ezivela kumaduna ,zijoliswe kumaduna : (76%)

Izincomo ezivela kumabhinqa, zijoliswe kumaduna: (69%)

Ezi ziphumo zezincomo ziyakungqina ukubaluleka newonga eloyanyaniswa nezinto ezibangwayo neziphathekayo. Kuyacaca kananjalo ukuba amaduna azinikezela, kwaye azamkele izincomo phantsi kwale meko ngomzimba okhululekileyo.

6.7 IZINCOMO EZIBHEKISELELE KWISIGANEKO

Phantsi kwesi sigaba, kuyabonakala ukuba abaphenduli bamaphepha emibuzo basebenzise izincomo ezimbalwa kakhulu ezijoliswe kwisiganeko. Isizathu soko sibandakanya iimeko apho ezi zincomo zinikezelwa khona. Umz. iimeko ezibandakanya imbonakalo, izinto ezibangwayo, ubuchule njalo-njalo azingqalananga neziganeko, nto nje zingqalene nabantu okanye izinto eziphathekayo. Noko kunjalo, phakathi kwezincomo ezijoliswe kwiziganeko, kuyaqapheleka ukuba iziganeko zamaduna zifumana izincomo ezithe kratya ngaphaya kwamabhinqa. Sinye kuphela isincomo sesiganeko esivelayo esibandakanya amabhinqa.

Izincomo ezivela kumaduna, zijoliswe kumaduna (52%)

Izincomo ezivela kumabhinqa , zijoliswe kumaduna (47%)

6.8 IZINCOMO EZIBHEKISELELE KWISENZEKO

Izincomo ezibhekiselele kwisenzeko kwezi meko zontathu:

Izincomo ezivela kumaduna zijoliswe kumaduna : (72%)

Izincomo ezivela kumabhinqa zijoliswe kumabhinqa : (47%)

Nasekubeni izincomo zembonakalo zingangqalananga ncam nesenzeko, kodwa ifuthe lesini esibandakanyekayo, nasekubeni lingasiwa so, liyadandalaziswa zezi ziphumo. Ukanti izinto ezibangwayo zintama kananjalo abo bangamaduna.

Izincomo ezibhekiselele kwisenzeko kwimeko nganye:

Imbonakalo nezinto ezibangwayo

Kuyacaca ukuba zimbalwa kakhulu izincomo zezenzeko ezibandakanya imbonakalo nezinto ezibangwayo. Isizathu soko singakhonjwa kwezi meko zikhankanyiweyo. Xa sibaza amehlo sifumanisa ukuba ezi meko azingqalenangana nesenzeko. Izincomo ezininzi

ezikholisa ukubandakanya isenzeko zingafumaneka ikakhulu kwizincomo ezijoliswe kubuchule bomntu.

Ubuchule

Izincomo ezivela kumaduna, zijoliswe kumabhinqa : (89%)

Izincomo ezivela kumabhinqa, zijoliswe kumabhinqa: (88%)

Ezi ziphumo zintama ukungqalana kwezincomo zesenzeko kula maqela mabini

6.9 IZINCOMO ZIZONKE

Izincomo kwezi meko zontathu:

Xa sinika ingqwalasela kwezi meko zontathu, kuyacaca ke ngoko ukuba amaduna namabhinqa asebenzisa inani elifanayo lezincomo eziduliswa zezi pesenti, 52% no 48% ngokwahlukeneyo.

Izincomo kwimeko nganye

Imbonakalo:

Izincomo ezivela kumaduna, zijoliswe kumabhinqa: (29%)

Izincomo ezivela kumabhinqa, zijoliswe kumaduna: (32%)

Ubuchule

Izincomo ezivela kumaduna, zijoliswe kumaduna: (52%)

Izincomo ezivela kumabhinqa, zijoliswe kumabhinqa: (44%)

Izinto ezibangwayo

Izincomo ezivela kumaduna: (akukho mahluko ubaluleke kangako)

Izincomo ezivela kumabhinqa, zijoliswe kumaduna: (38%)

6.10 IFOMULA ZEZINCOMO

Ngokweziphumo zale ngqokelela sifumanisa ukuba iselubala into yokuba amaduna namabhinqa asebenzisa iifomula ezifanayo. Kwakhona, iinkqubo zesintaksi zamaduna namabhinqa zingumfanekiso okhutshelweyo. Okunika umdla nomakuqatshelwe kule ngqokelela kubandakanya ileksikali, i) Ukuxhaphaka nokusetyenziswa kwesiphawuli u-*hle*

kwizincomo ezivela nezijoliswe kumabhinqa (qwalasela ifomula 1); ii) Ukunqongophala okanye ukungabikho kwezincomo ezikholisa ukusebenzisa esi siphawuli sikhankanyiweyo phakathi kwabo bangamaduna.

6.11 IIMPENDULO ZEZINCOMO

Iziphumo zidandalazisa ukuba amabhinqa awa ngaphantsi kwimeko yokwamkela izincomo xa ethelekiswa namaduna. Xa siqwalasela la manani ewonke, kuyaqapheleka ukuba awavelisi ziphumo ezinganika ingxoxo ethe vetshe ngazo. Noko kunjalo, xa siqwalasela imeko nganye sifumanisa ukuba phantsi kwembonakalo, iziphumo zibonisa ukwamkelwa kwezincomo ngokuzinzileyo ngala maqela omabini, xeshikweni amabhinqa ebonisa ukuhamba phambili (67%) kwintetho yokungavumi ukodlula amaduna xa siphonononga ukwala. Xa kunikwa ingqwalasela ekuphambukeni, nalapha sifumanisa ukungashiyani kakhulu kwala maqela, nasekubeni amabhinqa ethe kratya ngokulawulwa ngamagatya oyamileyo. Kubuchule, nalapha siqaphela ukwamkeleka kwezincomo, phantse ngokulinganayo, kodwa amaduna (61%) athande ukuthi kratya phaya kuphawu lovumelwano. Xa sijonga imeko yophambuko, iziphumo azisiniki kubaluleka kutheni. Kwizinto ezibangwayo, siqaphela ukuzinza nokungashiyani okutheni kulwamkelo lwezincomo kula maqela omabini. Ukwala nokuphepha akuqulathanga ziphumo esinokuxoxa ngazo.

6.12 ISIPHELO

Olu phando, njengoba besekukhankanyiwe ukuba lixhibe ukuqwalasela umahluko wezenzo zentetho zezincomo ongaba ukhona phakathi kwamaduna namabhinqa, ngokwale ngqokelela sifumanise ukuba izincomo zizonke ngokuthe gabalala phakathi kwala maqela azibonisi mahluko utheni okanye phantsi kweemeko ezibandakanya imbonakalo, ubuchule kananjalo nezinto ezibangwayo. Noko kunjalo, ezi ziphumo zophando ziyayixhasa inkolo yokuba amabhinqa liqela elikholwayo zezincomo, olu luvo ludandalaziswa kakuhle zezincomo ezibandakanya imbonakalo yomntu. Ukanti, izincomo ezijoliswe kwizinto ezibangwayo neziphathekayo zikholise ukuqatsela phakathi kwabo bangamaduna, nto esingathi ingqina inkcubeko yasekuhlaleni okanye intlalo kaXhosa ebandakanya abo baphezulu ngewonga, isidima nesithozela ngenxa yolu bango.

IBHIBHLIOGRAFI

Fine, J. (ed.) (1998). **Second language discourse: A textbook of Current Research**. Norwood: Ablex Publishing Corporation.

Herbert, R. (1990). Sex-based differences in compliment behaviour. **Language in Society** 19, 202-224.

Holmes, J. (1986). Compliments and Compliments responses in New Zealand. **English. Antropological Linguistics**. Vol. 28 No 4, 485-508.

Holmes, J. (1988). Paying Compliments: A Sex – Preferential Politeness Strategy. **Journal of Pragmatics**, 12, 445-465.

Schenkein, J. (ed.) (1978). **Studies in the organization of Conversational Interaction**. New York: New York Academic Press.

Thomas, J. (1995). **Meaning in Intercation: An Introduction to Pragmatics**. London and NewYork: Longman.

Trosborg, A. (1995). **Interlanguages Pragmatics: Requests, Complaints and Apologies**. Berlin and New York: Mount de Gruyter.

Wolfson, N. and Judd E. (eds) (1983). **Sociolinguistics and Language Acquisition**. Cambridge: Newbury House Publishers.

Wolfson, N. and Manes J. (1980). The compliment a Social strategy. **International Journal of Human Communication**. Vol.13 No. 3, 391-410.

Ylanne-McEwen, V. (1993). Compliments behaviour: A cross-cultural investigation. **Journal of Multilingual and Multicultural Development**. Vol.14 No.6, 499-508.

Yule, G. (1996). **Pragmatics**. Oxford: Oxford University Press.

APPENDIX A1

COMPLIMENTS

IMBONAKALO (APPEARANCE)

1.1 UKUPHUMA ESIBHEDLELE

Questionnaire 1a): man complementing man

- a) Heke
(Hi)

Greeting

- b) Kuhle ukukubona usempilweni kwakhona emva kokugula ithuba elide
(It is good to see you in good health again after being ill for a long time)
- i) Direct compliment on the person
 - ii) Adjectival clause with **-hle**
- c) Mfondini
(Man)

Address form

Questionnaire 1(b): man complementing man

- a) Mhlob'am
(My friend)

Address form

- b) Ngaske uhlale unjena ke bonanje
(I wish you remain, in good health, like this)
- i) Direct compliment on the person
 - ii) Clause with **-njena**
- c) Ndagqibela kudala ukukubona usegazini kangaka. Ndiyabona ukuba la madoda ebekuphethe esibhedlele anenkathalo, uzube ngathi uyazinonophela ke.
(It's been a long while since I saw you in good health like this. I see that the hospital personel took good care of you, you must seriously take care of yourself)
- i) Extension of compliment on the person
 - ii) Clause with **-gazini**
- d) Mfo wethu
(Brother)

Address formQuestionnaire 1(c): man complementing man

- a) Ukhangeleka uchacha
(You seem recovering)
- i) Direct compliment on the person
 - ii) Clause with **-chacha**
- b) Mhlobo wam
(My friend)

Address form

- c) Uze uncede ke ungaziyeki iipilisi namayeza kuba umhle nyhani ngoku
(You must please not desert your medication because you are now really beautiful)
- i) Extension of compliment on the person
 - ii) Adjectival clause with **-hle**
- d) Kwaye ubonakala uphilile, futhi ubhetele
(Also, you look healthy and better)
- i) Direct compliment on the person
 - ii) Clause with **-philile**

Questionnaire 1(d): man complementing man

- a) Noko uyachacha ngoku
(At least you are now recovering)
- i) Direct compliment on the person
 - ii) Clause with verb **-chacha**
- b) Mntakwethu
(My brother)

Address formQuestionnaire 1(e): man complementing man

- a) Ndivuyisana nawe ukuba uphinde ube kunye nathi, ubusixhalisile
(Congratulations, that you are with us again, you worried us)
- i) Direct compliment on the event
 - ii) Clause with **-vuyisana**
- b) Mhlobo wam
(My brother)

Address form

- c) Yaye umhle
(And, you are beautiful)
- i) Direct compliment on the person
 - ii) Adjectival clause with **-hle**
- d) Uphinde wangula mntu ndimaziyo
(You have become the same person I used to know)
- i) Extension of compliment on the person
 - ii) Clause with **-phinda**

Questionnaire 1(f): woman complementing man

- a) Mhlob'am
(My friend)

Address form

- b) Ndiyabona ukuba ubuyisile
(I notice that you have gained weight)
- i) Direct compliment on the person
 - ii) Clause with verb **-buyisa**
- c) Kwaye umhle
(And you are beautiful)
- i) Extension of compliment on the person
 - ii) Adjectival clause with **-hle**
- d) Kwaye ndiyavuya uphumile esibhedlele
(And I am happy that you have been discharged from hospital)
- i) Direct compliment on the event
 - ii) Clause with verb **-vuya**

Questionnaire 1(g): woman complementing man

- a) Molo wethu
(Good day)

Greeting

- b) Tata
(Father)

Address form

- c) Ukhangeleka umhle
(You look beautiful)

- i) Direct compliment on the person
 - ii) Adjectival clause with **-hle**
- d) Kubonakala ukuba noko iintlungu zisabalekile, ungatyhafi uwatye ngendlela amayeza.
(It seems that the pains have run away, do not give up, take your medication regularly)
- i) Direct compliment on the event
 - ii) Clause with **-balekile**

Questionnaire 1(h): woman complementing man

- a) Ukhangeleka ungconwana noko ngoku akusafani nakuqala
(You look a little better now, it is not like before)
- i) Direct compliment on the person
 - ii) Clause with **-ngconwana**
- b) Inokuba ubuphetheke ngezandla ezinobubele
(It seems you were in good hands)
- i) Extension of compliment on the person
 - ii) Clause with **-phetheke**

Questionnaire 1(l): woman complementing man

- a) Yhu! wethu
(Wow! man)

Interjection of admiration

- b) Awusemhle
(You are so beautiful)
- i) Direct compliment on the person
 - ii) Adjectival clause with **-hle**
- c) Uphilile, loo nto utyebile ubuyele esiqwini sakho
(You are healthy, well fed and you have recovered your original body shape)
- i) Extension of compliment on the person
 - ii) Clause with **-philile**

Questionnaire 1(j): woman complementing man

- a) Ndiyavuya uphumile esibhedlele
(I'm happy that you have been discharged from hospital)
- i) Direct compliment on the event
 - ii) Clause with verb **-vuya**

- b) Mhlobo
(Friend)

Address form

- c) Noko ngoku uphilile kwaye umhle, ubuyisile nasemzimbeni
(At least you are healthy and beautiful now, and have recovered in terms of your normal body shape)
- i) Direct compliment on the person
ii) Adjectival clause with **-hle**

1.2 IINWELE

Questionnaire 1a): man complementing man

- a) Tyhini
(Gee)

Interjection of admiration

- b) Azisentle iinwele zakho
(Your hair is so beautiful)
- i) Direct compliment on the hairstyle (action)
ii) Adjectival clause with – **hle**
- c) Mfondini
(Man)

Address form

- d) Ingaba ubucheba phi?
(Where did you cut it)
- i) Desire to emulate (action)
ii) Interrogative clause

Questionnaire 1(b): man complementing man

- a) Yho!
(Wow!)

Interjection of admiration

- b) Sani
(Friend)

Address form

- c) Yeyiphi ngoku le khathi ushaye ngayo? Hayi Jack, ayoyalapha eMzantsi ndiyaqiniseka, le yeyaphesheya

(Which haircut you have is this? No Jack this is not from South Africa, I'm certain this is from abroad.

- i) Desire to emulate (action)
 - ii) Interrogative clause
- d) Usuke wangathi uyiBlack American, ukucwabile
(You look like a Black American, he has really made you)
- i) Direct compliment on the person
 - ii) Clause with **-ngathi**
- e) Joe

Address form

Questionnaire 1(c): man complementing man

- a) Mfondini!
(Man!)

Address form

- b) Intle nyhani ikhathi yakho
(Your haircut is really beautiful)
- i) Direct compliment on the hairstyle (action)
 - ii) Adjectival clause with **-hle**
- c) Ubuyenza phi?. Heyi nam ndifuna ukukhatha olu hlobo lwakho,
(Where did you do it?. Hey I also want to do the same haircut as yours)
- i) Desire to emulate (action)
 - ii) Interrogative clause
- d) Ayiqhelekanga nyhani, intle.
(It is unusual and really beautiful)
- i) Extension of compliment on the hairstyle (action)
 - ii) Clause with **-qhelekanga**
- e) Ntanga
(Fellow man)

Address form

Questionnaire 1(d): man complementing man

- a) Ngubani okwenze le ntloko?
(Who did your head?)
- i) Desire to emulate (action)
 - ii) Interrogative clause

- b) Hayi, ukushaye kakuhle
(No, he has done you well)
- i) Direct compliment on the hairstyle (action)
 - ii) Adjectival clause with **-hle**
- c) Mfethu
(Brother)

Address form

Questionnaire 1(e): man complementing man

- a) Ubuchetywa ngubani?
(Who cut your hair?)
- i) Desire to emulate (action)
 - ii) Interrogative clause
- b) Ukuchebe kakuhle, uyabukeka
(He cut you well, you look good)
- i) Direct compliment on the person
 - ii) Adjectival clause with **-hle**
- c) Uze ungabe uphinde uchebe komnye umntu, iyabukeka intloko yakho
(You must never cut your hair with someone else, your head looks good)
- i) Direct compliments on the hair (action)
 - ii) Clause with **-bukeka**

Questionnaire 1(f): woman complementing man

- a) Zintle namhlanje iinwele zakho
(Today your hair is so beautiful)
- i) Direct compliment on the hair (object)
 - ii) Adjectival clause with **-hle**
- b) Mhlob'am
(My friend)

Address form

- c) Sinike ithoyilethi-pheyipha sizosule
(Give us toilet paper in order to wipe ourselves)
- i) Expression of admiration on the hairstyle
 - ii) Clause with verb **-sula**
- d) Usonyelisile
(You have embarrassed us)

- i) Expression of admiration
- ii) Clause with **-nyelisa**

Questionnaire 1(g): woman complimenting man

- a) Wamhle
(You are so handsome)
 - i) Direct compliment on the person
 - ii) Adjectival clause with **-hle**
- b) Mfana
(Young man)

Address form

- c) Waliguzi liphum' ekhasini
(You are a berry out of the cover)
 - i) Extension of compliment on the person
 - ii) Idiomatic expression
- d) Ndithanda indlela akuzobe ngayo lo mntu ubekucheba
(I like the style the person who cut your hair did to you)
 - i) Direct compliment on the event
 - ii) Clause with **-thanda**
- e) Ingathi ndingasoloko ndikujongile
(I feel like looking at you all the time)
 - i) Expression of admiration
 - ii) Clause with **-soloko**

Questionnaire 1(h): woman complementing man

- a) Yaze yantle le ndlela uchebe ngayo
(The way in which you have cut your hair is so beautiful)
 - i) Direct compliment on the hairstyle (action)
 - ii) Adjectival clause with **-hle**
- b) Kwaye ayiqhelekanga tu
(And is so unusual)
 - i) Extension of compliment on the action
 - ii) Clause with **-qhelekanga**

Questionnaire 1(l) woman complementing man

- a) Ayisentle ikhathi yakho wethu
(Your hair cut is so beautiful)

- i) Direct compliment on the hair cut (action)
 - ii) Adjectival clause with **-hle**
- b) Ubuyicheba phi?
(Where did you cut?)
- i) Desire to emulate (action)
 - ii) Interrogative clause

Questionnaire 1(j): woman complementing man

- a) Mfondini!
(Man)

Address form

- b) Zintle iinwele zakho
(Your hair is beautiful)
- i) Direct compliment on the hair (object)
 - ii) Adjectival clause with **-hle**
- c) Ingaba ngubani na lo ebekucheba?
(Who cut your hair?)
- i) Desire to emulate (action)
 - ii) Interrogative clause
- d) Ndingavuya nam ndinjalo ngenye imini
(I can be happy to look like that some day)
- i) Desire to emulate (person)
 - ii) Clause with ndinjalo

1.3 ISINXIBO

Questionnaire 1a): man complementing man

- a) Ufanelekile kule suti yakho
(You look nice in your suit)
- i) Direct compliment on the suit (object)
 - ii) Clause with **-fanelekile**
- b) Ngathi wazalwa uyinxibile
(It seems as if you were born in it)
- i) Extension of compliment on the suit (object)
 - ii) Clause with **-zalwa**
- c) Mfo
(Man)

Address form

- d) Uyakwazi ukukhetha impahla
(You have a good taste for clothes)
- i) Expression of admiration
ii) Clause with verb **-khetha**

Questionnaire 1(b) man complementing man

- a) (Mntakwethu)
(My brother)

Address form

- b) Indlela onxibe ngayo yindlela etsala umxhelo
(The way in which you are dressed up is so inspiring)
- i) Direct compliment on the event
ii) Clause with **-ngayo**
- c) Kangangokuba ndiqinisekile iza kwandisela amathuba wokuba uqashwe
(As a result I am certain that it will boost your chances of getting a job)
- i) Extension of compliment on the event
ii) Clause with **-kwandisela**

Questionnaire 1(c) : man complementing man

- a) Wamhle ngathi sele uyilektshara yalapha
(You are so beautiful, it looks as if you are already a lecturer here)
- i) Direct compliment on the person
ii) Clause with **-hle**
- b) Ntanga
(Fellow man)

Address form

- c) Awunangawufumani lo msebenzi ngowakho
(This job is certainly yours, you will get it)
- i) Extension of compliment on the person
ii) Clause with **-ngawufumani**
- d) Umhle kwaye unomfaneleko, khona ubuyisikelwa phi le suti intle kangaka?
(Your beauty is coupled with good shape, where did you have this beautiful suit designed?)
- i) Expression of admiration
ii) Interrogative clause

Questionnaire 1(d) : man complementing man

- a) USylester uyibethile le suti
(Sylester has designed this suit so well)
- i) Direct compliment on the suit (object)
 - ii) Clause with **-bethile**
- b) Ukuba awunakuwufumana lo ingaba abayazi into abayifunayo
(If you don't get this one (job), they don't know what they are looking for)
- i) Direct compliment on the person
 - ii) Clause with **-kuwufumana**

Questionnaire 1(e): man complementing man

- a) Awusemhle ngako
(You are so beautiful)
- i) Direct compliment on the person
 - ii) Adjectival clause with **-hle**
- b) Unxibe ingathi uya kutshata
(You are dressed up as if you are going to marry)
- i) Extension of compliment on the person
 - ii) Clause with **-ngathi**
- c) Unomfaneleko
(You are well-shaped)
- i) Expression of admiration
 - ii) Clause with **-faneleko**
- d) Uze uyinxibe qho le mpahla
(You should wear these clothes quite often)
- i) Direct compliment on the clothes (object)
 - ii) Clause with **-uyinxibile**

Questionnaire I (f): woman complementing man

- a) Ubasiwe namhlanje
(You are hot today)
- i) Direct compliment on the person
 - ii) Clause with **-basiwe**
- b) Tshom'am
(My friend)

Address form

- c) Awusemhle suka
(You are so beautiful)
- i) Extension of compliment on the person
 - ii) Adjectival clause with **-hle**
- d) Nakolo dliwano-ndlebe soze ubuzwe nto
(At the interview you wont be asked a thing)
- i) Expression of admiration
 - ii) Clause with **-buzwe**
- e) Uza kufika unikwe umsebenzi
(You will just be offered a job)
- i) Expression of admiration
 - ii) Clause with verb **-unikwa**

Questionnaire 1(g): woman complementing man

- a) Ukhangeleka umhle
(You look beautiful)
- i) Direct compliment on the person
 - ii) Adjectival clause with **-hle**
- b) Nomntu okujongileyo ukubona ungophumeleleyo nakugqatso
(Even the person who is looking at you, sees you as a winner in the contest)
- i) Extension of compliment on the person
 - ii) Clause with **-phumeleleyo**
- c) Kwasinxibo siyakuchaza, uyincwadi efundekayo
(Even the clothes are demonstrating that, it is so obvious)
- i) Extension of compliment on the clothes (object)
 - ii) Clause with **-isinxibo**

